


IKHAYA ELIZAYO
LOMYENI WASEMAZULWINI
NO MTSHAKAZI OSEMHLABENI

 Masime njalo okomzuzwana, njengokuba sithobisa iintliziyo ngoku phambi koThixo.

² Bawo wethu waseZulwini, ngenene siyalivuyela icham lokuba lapha namhlanje, sihlanganisene eGameni leNkosi uYesu. SiyaKuthandaza ukuba usixolele izono zethu, nanjengokuba silapha ukuza kuhoya izinto ezinguNaphakade noBomi obungaphaya kokufikelelwa koko kubhubhayo. Ngoku sithandaza ukuba Usiphe oko kokukhokela kwaKho, indlela emasijike ngayo, into esimelwe kukuyenza kwixa elizayo, nakwakubukho bangoku, ukuze sifumane loo ndawo sithe. . . kuthenjiswa ngayo.

³ Baninzi abagulayo nabasweleyo kweli lizwe, kwaye abakalugqibi uhambo lwabo. Kwaye utshaba lwethu olukhulu, ingelo tshaba lwethu kuphela, koko ilutshaba lwaKho, luze kubathintela noku—nokubumisa ubomi babo, ukuze lubathumele kwi—kwingcwaba laphambi kwexesha. Siyabacelela ke, namhlanje, ukuze Wena nenceba yaKho nobabalo, Nkosi, ube nokuzandisa iintsuku zabo kwixesha ababelwe lona.

⁴ Kulele phezu kweqonga, okanye ipulpit, apha iitshefu neepasile. Nangaphandle emaholweni nakwindawo ezijikelezileyo, kuzezo bhedana, iibhedi eziphathwayo, abagulayo nababandezekileyo, bemi phakathi kwezihlewe bengenawo nkqu amandla aneleyo okuma.

⁵ Owu Thixo onguNaphakade, Wena uyiNgcwele, wanga Ungawuva umthandazo wethu ngale ntsasa, ngenxa yeGazi leNkosi uYesu; ungakhangelanga kubugwenxa bethu, koko usazi ukuba Yena wema endaweni yethu, kwaye Yena nguLowo usimeleyo ngenxa yalo mthandazo. Wanga mntu ngamnye angaphiliswa ukwenzela uzuko lwaKho, Nkosi.

⁶ Sikelela ezi tshefu. Zakubekwa phezu kwabagulayo, banga bangaphila.

⁷ Ke ngoku, Bawo, side sibe silinde loo nkonzo inkulu yempiliso, sikholwa ukuba iyakulandela, siqhekezele indlela yoBomi, Nkosi, ukuze sibe nokwazi ngeLizwi laKho oko simelwe kukukwenza. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

⁸ Njengesiqhelo, eli lithatyathwa njengelinye lawona aphakamileyo amalungelo kum, ukuba sendlwini kaThixo nokuthetha nabantu baKhe. Ke ngoku ndiyazi ukuba kuxinene kakhulu, kwaye ndinesifundo eside kakhulu. Ngoko ndi... Ndi—Ndiyathemba ukuba—ukuba niyakuhlala kamnandi, kangangoko ninokuba nakho, side siwugqibe uMyalezo.

⁹ Ngoku, kushushu, kodwa sinombulelo ngesixhobo sokubandisa umoya. Kodwa, iqela elingaka ukuba likhulu, akunakubakho sixhobo sakubandisa moya esinokulibonelela, 'yabona, ngokuba umzimba wakho buqu usisixhobo esikhupha okuthile, malunga namashumi alithoba ee-degree, ukhupha njalo ubushushu, sibe ke sihleli ngokusondelelana. Kodwa ndi—ndiyathemba ukuba uThixo uyakunenza ukuba nihlale kamnandi kangangoko Anako.

¹⁰ Xa ke sithe sangena, sakha imihlangano enjengalo, a—andinakufuna ukuba nize apha, nakanjani na, ukuba bendingacingi ukuba oko kukwenzela ukuninceda, ukuba bendingacingi ukuba oko kulungile kuni, nokuba niyakuzuzisa okuthile ngako, ngokuza. Ke ngoko, ndisazi kananjalo ukuba asisenathuba lide lakwenza oku, kuba—kuba siza e—ekuvalweni kanye kweeyure, yaye ndi—ndifuna ukwenza umzuzu ngamnye ukuba ube ngobalulekileyo, kangangoko ndinokuba nako, ukwenzela uBukumkani baKhe. Ke ngoku ndiyathemba ukuba iNkosi uThixo uyakusisikelela njengoko sihlalane.

¹¹ Ndifuna ukunincoma, kuba, izolo bendiye kwiindawo ezahlukeneyo, ndihamba ndibona abantu abagulayo nababandezekileyo, kwizindlu zabahambi, ndaze ndahlangana nabanye babaphathi mashishini kule veiki, abanye bezi ndawo zokudla. Njengokuba, bendiphaya ngaphesheya eRanch House kule veiki, phaya ngaphesheya, waze umphathi wabambana isandla nam xa siphumayo. Waze wathi, wandibiza, "Mzalwana Branham." Ndamangaliswa kukuba ubendazi njani na. Waze wathi. . .

Ndathi, "Ingaba nguwe umphathi?"

¹² Wathi, "Ndingumnini." Waze wathi ngoko, "Ewe, abantu bakho bayeza ukuba kudla apha, besuka phaya ezantsi." Wathi, "Bona. . ."

Ndaze ndathi, "Ke, ndiyaqonda bayayizalisa le ndawo yakho."

¹³ Wathi, "Mhlekaazi, lelinye lawona maqela alungileyo abantu ndake ndawabona." Wathi, "Balunge ngenene."

¹⁴ Ndaze ndaya kwindlu yokuhlala abahambi izolo, ukuya kubona inenekazi eliselula ebendifuna ukuthetha nalo, uyise nonina bekho, kwafuneka ndiye kumphathi waloo ndawo ukuya kufumanisa ukuba ibiphi na i—indlu-. . . igumbi abebekulo.

15 Wathi, “Ibe unguMzalwana Branham?” Bekuphaya phezulu e-Oaks. Ndaze ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

16 Wathi, “Ndifuna ukukubamba isandla.” Wathi...Wandazisa kwinkosikazi yakhe; isibini esilunge kakhulu. Bathi, “Wonke umntu olapha kule ndlu yabahambi uhamba kwinkonzo zakho. Siyigcinele bona.” Baze bathi, “Bonke abanye babaxhasi bethu sibajikile.”

Ndaze ndathi, “Ngoko, ndiyabulela ngaloo nto.”

17 Wathi, “Mzalwana Branham, elinye lawona maqela alungileyo abantu ndakhe ndalibona, ngaba bantu beza apha, bahamba kwiinkonzo zakho.”

18 Ndiye ndangena phezolo ndaya komnye umhlobo wam, uMnu. Becker ezantsi phaya, kwaye ndihlala ndiwathanda amaqebengwana aqatyweyo. Ungonjani...Yena, ndamazi ndiseyinkwenkwe; ndimazi ubomi bam bonke. Bekukho isibini ebesihleli apha sivela kwi—kwindawo endala, ezantsi kwiHotele i-Riverside phaya. Ngoko bona...uMnu. Becker wathi, “Billy?”

19 Ndathi, “Yintoni, Mkhaya?” Sazana kakhulu ke.

Wathi, “Ndiphakela bonke aba bantu bakho phaya phezulu.”

20 Malunga namakhulu amabini, okanye into elolo hlobo, Cawe nganye, badla e-Blue Boar. Kwaye naphi na apho ndiya khona, ndiva iintetho ezichaza iindlela enilunge ngayo.

21 Lo mfo wathi, “Ezantsi e—e-Riverview phaya ezantsi,” wathi, “yonke laa ndawo ithatyathwe ngabantu abahamba inkonzo yakho.” Ndathi, “Kuyakubakho amakhulu angayi kubanakho ukungena ngaphakathi.”

22 Ngoko, xa ninjalo, kum niyityuwa yehlabathi. Ndi—Ndinombulelo kakhulu ukwazi ukuba ndibe necham lokushumayela kubantu abathi nkqu aboni nabanye abantu...Andithi aba bantu bangaboni, kodwa ndithetha abantu aba, osomashishini nabanjalo, bade babenokuthi ningabantu abalungileyo, babe benivuyela ukubakho kwenu kumashishini wabo, kwiindawo zabo. Yazi, kukuba yityuwa oko. Ndiyayibulela loo nto, isimilo senu. Indlela enizihoye ngayo izinto.

23 Bendihlala ndisithi, “Ukuba kukho umntu othe wafika, engenayo imali yokuhlalula oko akutyalayo, zeninditsalele nje.” ’Yabona? Ndathi, “Siyakuba nento esiyenzayo ngaloo nto.” Ndaze ndathi, “Hlalani nibaphakela, nokuba abanayo na imali okanye hayi.” ’Yabona, kungenziwa nayiphi na into.

24 Ndiva ngokungathi ningabantwana bam. Ni—Nizinkwenkwezi endi...Ukuba ndiyakuze ndibe nayo ndakufika phaya, niyakuba ngamatye anqabileyo, le ndawo

ikhanya ngokugqithisileyo, kwi—kwisithsaba solungiselelo lwam. Xa luthe lwathweswa isithsaba, niyakuba lelo litye linqabileyo.

²⁵ Bendihlala ndinixelela, kumaxesha adlulileyo, ngaMatywina aSixhenxe, kwiZigaba zeBandla, nezinto e—ebezisenzeka.

²⁶ Ke ngoku, kusanje, ndinengongoma ebaluleke kakhulu. Kum, yenentsikelelo kakhulu. Ndiyathemba ukuba iyakunichukumisa ngendlela enye. Kwaye ukuba nje bendinokuyikhupha ngempefumlelo ebendiyifumene ngayo, iyakumangalisa, kodwa oko kuyakuxhomekeka kuThixo ukuba ayenze loo nto.

²⁷ Bendihlala ndinixelela ukuba *bekuphina* nokuba *yintoni na* ebisenzeka kwaye sizibona zonke ezi zinto zisenzeka.

²⁸ Ngoku ndithetha, ngale ntsasa, nge: *IKhaya Elizayo LoMyeni WaseMazulwini NoMtshakazi Osemhlabeni*, apho bayakuhlala khona. Ke, ngokuba, ndiyathemba ukuba ngobabalo lukaThixo sonke sililungu laloo nkcubeko inkulu kaThixo.

²⁹ Ke ngoku ndi—ndiyathemba ukuba niyakundinyamezela, nithabathe iiBhayibhile zenu, iipensele zenu, okanye nokuba yintoni na eniyenzayo ukuze nifunde nam, kuba ndizakubhekiselela kwiZibhalo ezininzi. Ndizame ukuphuma ngethuba ngokwaneleyo ukuze ndibe nokuthandazela abagulayo; yaye bendiyithembisile loo nto. Bendithandaza kweli thuba lincinane lidlulileyo, emagumbini nakwiindawo ezingqongileyo, ndithandazela abo baphantse bangabi nakuzinceda bangabi nathemba.

³⁰ Ke, iNkosi ithandile, ndiyakuthi ngenene ndibe nenye inkonzo ngoweshumi elinesithandathu, ibe yeyokuthandazela abagulayo kuphela mhlawumbi.

³¹ Ndiqala iholide yam ngoku. Ukusukela kuJanuwari ophelileyo, bendihamba—hamba, kwaye ndizakubuyela apha. Ndiyakuba lapha. Ndithabatha usapho lwam ndilusa eTucson kusasa, ndize ndibuyele ukuza kuchitha elo xesha apha ezantsi eKentucky, kunye nabanye babahlobo bam, ndizingela, sizingela nonoomatse abahlala emithini, iiveki zibe mbalwa, okanye mhlawumbi ezisixhenxe okanye ezisibhozo, iintsuku ezilishumi, nokuba ziyakuba ngaphi na, ngaphandle kokuba iNkosi indikhokelele kwindawo eyenye. Andize ndazi, kuyakuba lapho nje kuyakuba khona; asiyi siyazi loo nto, ngokuba oko kusezandleni zikaThixo, uThixo yedwa.

³² Ngoku malunga nale ngongoma ibalulekileyo, si—si...Ndiyaqonda, ukuba ndingathabatha ixesha kuyo, kuba umelwe kukuzisa ungenise izinto ezininzi, ingathabatha

iiveki. Kodwa ndibhale iZibhalo ezithile, okufutshane okubhaliweyo, ukuchatha iindawo eziphezulu kuwo, ukwenzela ukuba ibe nokukwenza ufundisise.

³³ Kuze kwakamsinya, mhlawumbi, iNkosi ithandle, ku-Oktobha, andazi ukuba kuyakuba nini na, kodwa nanini na ayakuthi Abonelele, ndingathanda ukuba ne-neentsuku ezimbalwa, zenkonzo nje eqhubela phambili, kwisahluko se-12 seZityhilelo, ukuze sizokungqinelana nale ndawo. Owu, ndiyakholwa ukuba kungamnandi. Kungalunga nje. Kungayinto ebalulekileyo ukubona ukuba Wenza njani na.

³⁴ Ngoko, ukhlangana kwethu ngoku, ndithe phezolo, ndathi, “Uyazi, xa ndi...” Kusasa, njengantsasa zonke, ndiyacinga, “Xa ndithe ndehla ndeza apha, ndiyakuphawula ngamnye kubahlobo bam abaphaya.” Ngoku ndizakuyenza njani loo nto?

³⁵ Kuba apha ndinaye, njengomhlobo wam olungileyo, uGqirha Lee Vayle ohleli phaya emva, inkosikazi yakhe ethandekayo nentombi yakhe. NoMzalwana uRoy Borders, kunye, ndiyacinga, noMzalwana Ruddell, uMzalwana Beeler, noMzalwana Palmer, noMzalwana uJackson. Kwaye, owu, bethu, i-i... Abo bazalwana balungileyo bavela kwiindawo ezahlukeneyo! UMzalwana Anthony Milano, kwaye, owu, nokuba ujonga phi na, ubona omnye umzalwana! Ukusuka ezantsi e-Arkanso, andiwakhumbuli amagama abo; uMzalwana John, uMzalwana Earl Martin, noMzalwana Blair. Kwaye, owu, kukho nje... u... akunasiphelo nje, uyabona. Ndivuya kakhulu ukuba neqela elinjalo lihlanganisene nam xa ndifundisa ngeLizwi likaThixo, amadoda endicinga ukuba ngamadoda akhaliphileyo, amadoda enene akwaThixo.

³⁶ Ndinombulelo ngalo mnquba mncinane. Ndinombulelo ngeminyango yawo emihlanu evuleke kuwonke-wonke. Mnyango ngamnye... Sinabadikoni abane apha, amadoda azaliswe nguMoya; abathenjwa abasayineli bezimali, amadoda azaliswe nguMoya. Mabini kumnyango ngamnye. Kwaye unocango oluphindwe kabini ngaphambili, ukwenzela abalungiseleli ababini, abalusi.

³⁷ Siyavuyiswa kukuba nani; sinombulelo kuThixo ngaloo nto. Wanga Anganisikelela njalo.

³⁸ Ngoku, sifuna ukuma ngeenyawo okomzuzu nje, ngeli thuba sifunda kuPetros weSibini isahluko se-3, nakanjalo kwiNewadi yeZityhilelo 21.

³⁹ Sisaphakama, Owu Nkosi, zalisa iintliziyo zethu ngovuyo ngenxa yokufundwa kweLizwi laKho, sisazi ukuba uYesu watsho, ukuthi, “AMazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi kusilela.” Sisazi kwakhona ukuba Wathi, “Sonke iSibhalo simelwe kukuzaliseka.” Yaye njengokuba

sifunda ezi zinto, sanga singanokuqonda okuvela kuWe, kweyure esiphila kuyo. Sikucela eGameni likaYesu, uMbhali weNcwadi. Amen.

⁴⁰ UPetros weSibini 3.

Ngoku ndinibhalela, zintanda, le ncwadi iyeyesibini; endithi kuzo zombini ndiyivuselele ingqondo yenu engcwengekileyo ngokunikhumbuza:

Ukuba niwakhumbule amazwi abethethiwe ngenxa engaphambili ngabaprofethi abangcwele, nawo umthetho wabapostile bethu beNkosi uMsindisi:

Nikwazi nje oku kuqala, ukuba kuyakuza ngemihla yokugqibela abagxeki, behamba ngokwezabo iinkanuko,

Besithi, Liphi na kaloku idinga lokufika kwakhe?..(Ukuba oko akuthethi lo mfazi ungongakholwayo!)..kuba kuseloko oobawo balalayo ukufa, izinto zonke zahlala zihleli zinjengokwasekuqalekeni kwendalo.

Kuba oku kufihlakele kubo ngokuthanda kwabo, ukuba izulu laye likho kwakudala, nomhlaba uvele emanzini umi ngamanzi ngalo ilizwi likaThixo:

Elathi ngezo zinto ihlabathi langoko lantywiliselwa ngamanzi, latshabalala:

Ke lona izulu langoku, nawo umhlaba lo, kwangelo lizwi ezo zinto ziqwetyelwe, zigcinelwe umlilo kuse kwimini yomgwebo nentshabalalo yabantu abangahloneli Thixo.

Kodwa, zintanda, le nto ke inye mayingafihlakali kuni, ukuba phambi kweNkosi imini enye injengeminyaka eliwaka, neminyaka eliwaka injengemini enye.

Ngoku, iNkosi ayilibali dinga, njengoko abathile baba iyalibala; isuka izeke kade umsindo kuthi, ingangi kungatshabalala nabani, inga bonke bangasinga enguqukweni.

Iyakufika ke imini yeNkosi njengesela ebusuku; eliyakuthi nga..yo izulu lidlule liquhumba, zithi..ke iziqalelo zitshe zichithakale, nomhlaba nayo imisebenzi ekuwo itshiswe kuthi tu.

Ezo zinto zonke ngoku zichithakala nje, nimele ukuba ngabanjani na ngeehambo ezingcwele nokuhlonela uThixo,

Nikulindela nikukhawulezela ukufika kwayo imini kaThixo, eliyakuthi ngenxa yayo izulu lifakwe isikhuni lichithakale, zithi neziqalelo zitshe zinyibilike?

Thina ke, ngokwedinga lakhe, silinde elitsha izulu nomtsha umhlaba, apho kumi ubulungisa.

Kungoko, zintanda, nilindele ezo zinto nje, khuthalelani ukuba nifunyanwe... niseluxolweni, ningenabala, ningenasiphako.

Ukuzeka kade umsindo kweNkosi yethu kubaleleni ekuthini lusindiso; njengoko wanibhalelayo nomzalwana wethu oyintanda... uPawulos... ngokobulumko owabunikwayo;

Njengokuba... nasezincwadini zakhe zonke, ethetha kuzo ngezo ndawo;... ekukhoyo kuzo zithile ziqiqeka nzima, abathi abangafundileyo nabangazimasekileyo bazigqwethele, bazigqwethele, kokwabo ukutshabalala, njengoku—njengokuba bezenjenjalo nezinye izibhalo.

Nina ngoko, zintanda nizazi nje ngenxa engaphambili ezo zinto, zigcineni okwenu, ukuze ningathi nikhukuliswe... lulahlekiso lwabangenammiselo, niphalale kokwenu... ukuqina.

Khulani ke elubabalweni, nasekuyazini iNkosi noMsindisi uYesu Kristu. Kuye malubekho uzuko nangoku kuse nakwimini engunaphakade. Amen.

⁴¹ Ngoku kwi—kwiSityhilelo sikaKristu, kwisahluko sama-21, ndifunda la Mazwi.

Ndabona izulu elitsha nomhlaba omtsha: kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba udlule; nolwandle alusekho.

Ndaza mna Yohane ndawubona umzi ongcwele, iYerusalem entsha, usihla uvela kuThixo uphuma ezulwini, ulungisiwe njengomtshakazi ehonjiselwe indoda yakhe.

Ndeva izwi elikhulu liphuma emazulwini lisithi, Yabona umnquba lo kaThixo unabantu, uyakuhlala nabo emnqubeni, bona babengabantu bakhe, yena uThixo abenabo, enguThixo wabo.

Azisule uThixo zonke iinyembezi emehlweni abo, kungabi sabakho kufa, kungabi sabakho nasijwili, nakukhala, nanlungu: ngokuba izinto zokuqala ziqgithile.

Waza lowo uhleli phezu kwetrone wathi, Uyabona, izinto zonke Ndizenza ntsha!... athi kum, Bhala: ngokuba lawo ngamazwi ayinyaniso athembekileyo.

Wathi kum, Kwenzekile. Mna ndingu—Alfa no—Omega, isiqalo nesiphelo. Mna ndomnika lowo unxaniweyo emthonjeni wamanzi obomi ngesisa.

*Lwo weyisayo uyakuzidla ilifa izinto zonke;
Ndiyakuba nguThixo wakhe, yena abe ngunyana wam.*

Masithandaze kwakhona.

⁴² Nkosi Yesu, sinelinjalo idinga nokuba njalo ukuba ngqongqo ukuthetha njengoko uYesu ngokwaKhe nabapostile besinikile ngokubhekiselele kwiyure esisondela kuyo, siphe, Owu Nkosi, okokukhokela kwaKho, ukuze sibe nokwazi ukuba singasondela kanjani na kuyo ngendlela eyiyo. Ngokuba, iyeza, siyayazi loo nto. IZibhalo zimelwe kukuzaliseka, kwaye kuyakuba njalo. Ke ngoku, Nkosi, sicela inceba yaKho kwakhona phezu kwethu, njengokuba sifundisisa iLizwi laKho. Yiba nathi uLicombulule kuthi, Nkosi, kuba oko sikucela Egameni likaYesu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁴³ Ngoku, ingaba mhlawumbi ingakho indlela ekunokuthi mhlawumbi, mhlawumbi babe nokuzicima izibane eziphaya kwiholo ephakathi, bashiye kuphela ezi ziphezulu eqongeni apha, ntoleyo iyakuba ngcono, iphungule okuthile kwamandla obushushu. Saphantse satshisa isitishi sombane, ngobunye ubusuku. Kwaye ukuba umgcinini wendawo le angasenzela loo nto, singakuvuyela ukucinywa kwezibane ezisezantsi, izibane ezikwiholo ephakathi, zicinywe. Ke ngoko ndiyacinga ukuba niyakuba nelininzi ithuba lokubona, ukuze nibhale.

⁴⁴ Ngoku, ingongoma, xa ndiyibhengeza, esisondela kuyo yi—yingongoma ye: *IKhaya Elizayo LoMyeni WaseMazulwini NoMtshakazi WaseMhlabeni.*

⁴⁵ Ngoku njengokuba bekunjalo...Ndizakunyanzeleka ukuba ndenze nje oku. Kushushu kakhulu apha phezulu, 'Yabona. Ewe, mhlekazi. Njengokuba thini...Ndiyazi ukuba inkosikazi yam ayithandi ukuba ndiyenze loo nto; kodwa, oko, ukukhulula ibhatyi yam. Kushushu nje kakhulu apha phezulu. 'Yabona, niyawufumana umoya apho ezantsi, kwaye uvulelwe nje indawo encinane apha, 'yabona. Ngoku, kwi—kwixesha elizayo, okanye...

⁴⁶ Kwixa elidlulileyo, siye safundisisa *AMatywina ASixhenxe, IZigaba eziSixhenxe zaMabandla.* UMzalwana uVayle nabanye basebenza ngawo ngoku, ngokuthembekileyo, ukuze bawafake kwimo yencwadi.

⁴⁷ Kwaye sibona nje ukuba zonke ezi zinto ziyimfihlelo siye sazibona zisenzeka, ndize ndicinge, emva kokuqonda oko, ngelixa esiphila kulo, nemeko; akukho uyakuze afune ukuhlala phantsi esezingqondweni ngenene aze apicothe oko kuthethwe ngako, noko kuthenjiswa ukuba kuyakwenzeka, noku kwenzekileyo, koko ngoyakutsho ukuthi ezo zinto zizalisekile. 'Yabona? Ngokuchanekileyo oko uThixo wathi Uyakukwenza, Ukwenze kanye ngokuchanekileyo gama ngalinye. 'Yabona?

⁴⁸ Ngoku, ndicinga ngale nto, ukuba, ndingazi ukuba kuyakuba xesha nini na iNkosi uYesu enokuthi ivele, ndicinge ukuba kuyakulunga, kukhangeleka kukholeke kuMoya oyiNgcwele ukuba sithethe ngale nto, ngoko; ukuze mhlawumbi sibuyele kuyo kwakhona, amatyeli amabini okanye amathathu, ngokuba andinakuchana kakuhle ixesha elililo lokukhupha konke oku.

⁴⁹ Njengokuba xa uchatha i—ingongoma enokwenza isikhubekiso esincinane komnye umntu, awunakho ukuyiqhuba yonke iye ekugqibeleni ukuze icace, ngoko uyakubuyela kwakhona ukuze ubambe ufumane ingongoma elandelayo.

⁵⁰ Ukuze ke ekuhambeni kwexesha, kuye yi . . . ukuba iNkosi ithandile, singene kwawe-12 aMatywina, okanye hayi . . . Uxolo. Isahluko se-12 seZityhilelo, esiphakathi koKuza kweNkosi nokupheliswa kwamaXilongo, njalo njalo. Sizakuzama ukubuyisela oko kungene, ukubonisa ukuba ungubani na uSathana, noko akwenzayo, apho wayevela khona, iyintoni injongo yakhe, nendlela ekwathi ngayo ubuhle bakhe obukhulu awanikwa bona babanga ukuwa kwakhe. Ukulukuhla kwakhe kwabanga ukuba awe; ubuhle.

⁵¹ Ngoko, kokunjani ukungabi nakwenzeka ukuba nawuphi na umntu ofuna ukuyikhangela ngokukuko, laa “mbewu” yenyoka. Ndingacela undikho kuloo nto, kuye nabani na, 'Yabona, oyakuthanda ukuyikhangela, ngo—ngokuqonda nje okuqhelekileyo ngokupheleleyo. Nomntwana angayibona. 'Yabona? Ngoku, kwaye siyakufika kuloo nto ethubeni.

⁵² Ngoku, siyaqonda apha ukuba ezi Zibhalo zibini . . . Isizathu sokuba ndifunde uPetros weSibini isahluko se-3, ndize ndimthelekise neZityhilelo 21, zombini apha zithetha ingongoma enye, kodwa uYohane akazange—akazange ayibhale icace njengokuba uPetros wenzayo. 'Yabona? Siyaqonda ukuba eli Khaya likhulu loMtshakazi liyakuba lapha phezu komhlaba.

⁵³ Ke ngoku ukuba ufundile, kanye njengokuba isahluko sama-21, isahluko sama-21 seZityhilelo, umpostile apha wathi, okanye umprofeti watsho, ukuthi, “Ndabona iZulu eLitsha noMhlaba oMtsha.” Kukhangeleka ngathi naku kufika uphiliso.

⁵⁴ Ngoku, yiloo ndlela endihlala ndiyifumana ngayo iMiyalezo yam kungomthandazao. Ndiyakube ndihleli emthandazweni ukuze kutyhileke into ethile kum. Ndaye ndiyayilinda imizuzu embalwa ndize ndibone ukuba iyinene na, ndize ndiyive isondele ngakumbi. Ukuze ngamanye amaxesha ndihlale ndilindile ide igqabhuke ibe ngumbono. Kodwa xa iqala ukuza kum, ndaye ndanelisekile kukuba ivela kuThixo, ngoko ndiya eSibhalweni. 'Yabona, yiloo Nto, oko

kumelwe kukuba kukungqinela kwayo yonke into eyeyomoya eyenziwayo, ngokuba iBhayibhile isisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu; 'yabona, InguMzimba waKhe.

⁵⁵ Ke ngoku, kuloo nto, mhlawumbi ndifumane indawo nje eSibhalweni engavakali ngokukuko, ndize ndimangaliswe. Ndiyaphindela emthandazweni ize ibuye kwakhona. Ibuye kwakhona. Ndize ndi—ndiqalise u—ukupicotha iSibhalo sam.

⁵⁶ Ngoku, iBhayibhile yethu ibhalwe ngesiNgesi, yaye amagama esiNgesi ayatshintsha, lonke ixesha. Ngokomzekelo, njengoYohane oNgcwele 14, uthe, “ENdlwini kaBawo waM zininzi iindawo zokuhlala,” indawo yokuhlala yindlu. Ke, ngoko, wena, uyakuthini ke ngaloo nto, ukuba uyibuyisela kwe—kweyakuqala ubone ukuba wayethetha ukuthini na uYakobi, okanye ubuyele emva kwisiHebhere, okanye kwisiGrike, esisuka kwinguqulelo yakuqala. Kwaye apho ithi, “EBukumkanini bukaBawo waM zininzi izindlu ezinkulu.” Ke, ngoko, buyela kwixesha apho bathi khona abaguquli abaguqula iKing James, *ubukumkani* babubizwa, ngesiNgesi, ngokuba yi “ndlu,” nokumkani wayenguyise phezu kwabaphantsi kwakhe. Naso isizathu sokuba babe bayiguqula ngelithi, “ENdlwini kaBawo waM zininzi iindawo zokuhlala.” 'Yabona? Uze ke ufumane loo magama kufuneke uwazingele uwafumane.

⁵⁷ Ngoko, uyabona, ngokusuka kuloo mpefumlelo...Le pulpiti kusanje, ndithi, akukho nexesha elinye eyakhe yafumana enye into ingeyiyo ethe ngqo, iSibhalo. Kungolo hlobo eyathi *iMbewu yeNyoka* nazo zonke ezinye izinto zeza. 'Yabona? Ngo... .

⁵⁸ Kwaye oko, kuyinene, ukuba umntu uthanda nje ukufunda athi, “ENdlwini kaBawo zininzi iindawo zokuhlala,” ukuba awukhange ume ufundisise, uthandaze, ungabhideka ngokupheleleyo. 'Yabona? Kodwa hlala uthandaza njalo. UThixo uyakuhlala eyilungisa, ukuba ivela kuThixo.

⁵⁹ Ngoku, uYohane uyayicacisa inguqulelo noku...ukuba yeza njani na...Akayicacisi, gxebe, kodwa uPetros uyayicacisa. UYohane uthe nje, “Ndabona aMazulu aMatsha noMhlaba oMtsha; amazulu okuqala nomhlaba wokuqala ayedlule. Kwakungasekho lwandle. Mna Yohane ndabona iSixeko esiNgcwele sisihla sivela kuThixo eZulwini, silungiswe ngokoMtshakazi elungiselwe uMyeni waKhe.” Kodwa, sityhila phaya kuPetros weSibini ngoku ukuze sifumanise, uPetros uyacacisa ukuba le nkqubo iyakwenzeka njani na. Ngoku, ukuba ungakhangelela kule nto yayithethwa nguYohane, ikhangeleka ngokungathi, “Amazulu okuqala nomhlaba wokuqala wawudlule,” kupheliyiwe. 'Yabona, ngoko, oko kuvakala kuyinto engaqhelekanga kakhulu. Ngoko nantso into eyandichukumisayo, ndaza ndaqalisa

ukukhangela igama elithi, “edlule.” Ke, ngoku, icacile kuzo zombini ezi ndawo, eyompostile neyomprofeti, babethetha ngento enye.

⁶⁰ Ke ngoku, kananjalo, eNcwadini ka-Isaya, ngoku, nina nifuna ukuzibhala phantsi ezi Zibhalo, ku-Isaya 65:17. U-Isaya uthetha ngeMillenium, laa minyaka iliwaka yophumlo lwa—lwabantu bakaThixo. U-Isaya wathetha ngalo, waze wathi, “Mna...Kwakukho...Zonke izinto zakuqala zazidlule,” nendlela abayakuthi bakhe ngayo izindlu, bazihlale. Ukuba besinexesha...Mhlawumbi singathabatha nje ixesha ni—sifunde oku okomzuzu nje, u-Isaya 65, kwaye masifunde nje okwemizuzu embalwa apha. Yaye nantsi ke, kulungile, yeyethu. Ngoku, ukuqalisa, u-Isaya 65:17.

*Ngokuba, niyabona, Ndidala amazulu amatsha
nehlabathi elitsha: . . .*

⁶¹ Ngoku, u-Isaya, umprofeti, wayengomnye wabaprofeti ababhala ngokuchanekileyo iBhayibhile iphela kwisiprofeto sakhe. Waqala ngendalo, phakathi kwiNcwadi yakhe, malunga nesahluko se-40, kungena malunga noYohane umBhaptizi, iTestamente eNtsha; ize igqibele apha, kwiNcwadi yakhe, kwiZityhilelo, kwi-Millenium. Zingamashumi amathandathu anesithandathu iincwadi zeBhayibhile, yaye ngamashumi mathandathu anesithandathu izahluko zika-Isaya. Wabhala ukungqinela okupheleleyo.

⁶² Ngoku, sifumanise ukuba, apha ngoku ufika kwisahluko sama-65, isahluko esinye esithe chatha, aze athethe nge-Millenium. Yiqaphela, intle kangakanani.

*. . . niyabona, Ndidala amazulu amatsha
ne . . . hlabathi elitsha: angakhunjulwa avokuqala,
angenyuki athi qatha entliziyweni. (Ayaku “dlula.”)*

*Hayi yi—yibani nemihlali . . . nigcobe nani yiloo nto
Ndiyidalayo; ngokuba, yabonani, Ndiyayidala
iYerusalem ukuba igcobe, nabantu bayo ukuba babe
nemihlali.*

*Ndiyakugcoba ngeYerusalem, ndibe nemihlali
ngabantu bam: lingabi savakala khona ilizwi lokulila,
ne . . . nelizwi lokukhala.*

*Akuyi saba savela khona . . . usana oluneentsuku,
ne . . . nexhego elingayizalisanga imihla yalo: kuba
umfana uyakufa engominyaka ilikhulu ezelwe;
atshabhiswe umoni engominyaka ilikhulu ezelwe.
Baya . . .*

*Bayakwakha izindlu, bazihlale; batyale izidiliya,
badle iziqhamo zazo.*

*Abayi kwakha, kuhlale bambi; (oko kukuthi, ifama
yakho, ngunyana wakho oyindlalifa yayo, kungenjalo*

omnye weendlalifa zakho)...*abayi kutyala, kudle bambi*: (bayazityalela kuhlale kukho; banoBomi obunguNaphakade)...*kuba iyakuba njengemihla yomthi imihla yabantu bam, naba...badle into esetyenzwe zizandla zabo abanyulwa bam.*

Abasayi kuzixhamla ngokulambathayo, bazalele ukhwankqiso; ngokuba bayimbewu ayisikeleleyo uYEHOVA, nabaphume ezibilinini zabo banabo.

⁶³ Ngoku qaphela, nantsi indawo endiza kungena kuyo, emva komzuzwana.

Kuyakuthi, bengekabizi, Ndisabele; besathetha, Ndibe sendivile.

Kuyakudla ndawonye ingcuka nemvana, ingonyama idle umququ njengenkomo:...inyoka sibe luthuli isonka sayo. Azisayi kwenza bubi zonakalise kuyo yonke intaba yam engcwele, utsho uYEHOVA.

⁶⁴ Lelinjani idinga, kwabo baprofeti nezilumko ezikhulu, abafundisi beBhayibhile, phaya mandulo kwimihla yakudala, bebona lo Mhla unobu buqaqawuli buzayo!

⁶⁵ Ngezi ndawo ke, omnye usenokucinga, okanye akhokelelwe, gxebe, ekukholelweni ukuba imbumba iyonke yalo mhlaba, iyakutshatyalaliswa, “Ndenza iZulu eLitsha noMhlaba oMtsha,” ‘Yabona, ukuthi amazulu ayakube emkile nomhlaba uyakube ungekho, upheliswe ngokupheleleyo. Kodwa xa ufundisisela kufutshane, nangoncedo lukaMoya oyiNgcwele, singabona ukuba iNyaniso yile, kwaye yile sizakungena kuyo.

⁶⁶ Ngumoya lo ulijikelezileyo, nesono esiphezu komhlaba, esiyakutshatyalaliswa. ‘Yabona? Ngoku, siyaqonda ukuba amazulu athetha “umoya olapha ngaphezulu.” ‘Yabona?

⁶⁷ Kwenza ntoni oko? Kuthi ngoko, ezi khaka-khaka, nezifo, nokufa, ezopolitiko, namadoda anesono, nabafazi abanesono, nemimoya engcolileyo, ziyakube zimnkile zitshatyalalisiwe. ‘Yabona? Imelwe kukwenziwa ngolo hlobo, ngokuba sizakuhlala kanye apha. Sizakuyiqondakalalisa loo nto ngeBhayibhile. Kulapha kanye apho sihlala khona. Ngoku qaphela, amakhaka-khaka, iintsholongwane, zonke izifo nezinto ezinjalo, ziyakuba zisuswe ngokupheleleyo. Konke oku, ukuba kho kwazo ezisemhlabeni ngoku, iinkqubo ezenziwe ngabantu, ezopolitiko, isono, yonke intlobo yomoya ongcolileyo elithe ihlabathi langcoliswa nguwo, namazulu aphezu kwethu apha, angcolisiwe ngumoya ongcolileyo. Ngoku sizakungena nzulu nangendlela ende, kule nto, ‘yabona.

⁶⁸ Konke oku kukho amazulwini, okanye kumoya wesibhaka-bhaka, nasemhlabeni okho ngoku. Ngulo mhlaba obambe ezo

zinto, kodwa wawungenzelwanga loo njongo. Sisono esabanga ukuba kube lolo hlobo. 'Yabona? Wawenziwe nguThixo, uMdali. Kodwa konke. . .

⁶⁹ Nayo yonke imizimba yethu, esiphila kuyo ngoku, yabekwa nguThixo phezu komhlaba ekuwudaleni kwakhe, ngokuba uthatyathwe eluthulini lomhlaba. Yayibekwe yonke apha. Xa uThixo ngokwaKhe wawudalayo, wawusengcingeni yaKhe. Kwaye kuYe, onguNaphakade oMkhulu, wawuyingcinga, yona leyo isisibonakalaliso saKhe.

⁷⁰ Ke ngoku isono sibange konke oku ukuba kwenzeka. Yaye uThixo, kuso sonke esi sigaba sexesha, uhlanganisa okusisixhobo saKhe.

⁷¹ USathana uselapha. Naso isizathu sokuba ezi zinto zenzeke. Uselapha, nayo yonke imikhosi yakhe engcolileyo iselapha. Qaphela, kungoko umhlaba ngoku ungcile kangaka. Yiloo nto ugwebu lokungcola nezinto ezibubudenge ziqhubeka; ukuphalazwa kwegazi, imfazwe, ezopolitiko, isono, ukrexezo, nazo zonke iintlobo zokungcola eziqhubekayo, kungokuba uSathana ungumlawuli weli hlabathi kunye nomoya wesibhaka-bhaka.

Uthi, "Umoya we. . .?" Ewe, mhlekazi!

⁷² Kokubini amazulu nomhlaba wangoku angcolisekile ziidemon ezinako ukusimangalela phambi koThixo. UYesu uPhaya ukuze asithethelele. 'Yabona? Ngeli thuba abamangaleli behleli bekhomba ngeminwe, "benze *oku*, benze *oku*, benze *oku*," kodwa iGazi lisagqumile. Weza kuhlangula abo baNyulwa Wababona kwangaphambili. Yiloo nto kungcole kangaka nje namhlanje.

⁷³ Apha, umpostile, apha kuPetros weSibini, isahluko se-2, nowe-5 nowe. . . nowe-5, nowe-6 umqolo. Ewe, ndiyifumene. Ubhekiselela kwizigaba ezithathu zomhlaba. 'Yabona, u—ufumana izigaba ezithathu zawo. Qaphela indlela akuzisa ngayo kubo.

⁷⁴ "Ihlabathi lakudala laliphume emanzini," ngoku, yayilihlabathi langaphambi konogumbe elo.

⁷⁵ Ngoku, eli likhoyo, ihlabathi langoku eli siphila kulo ngoku, libizwe ngokuba li "hlabathi."

⁷⁶ "Ihlabathi lakudala elaliphuma emanzini," iGenesis 1:1. Ngoku ne "hlabathi" elikhoyo ngoku. Ukuze ngoko, kwakhona, abhekiselele kwelinye, "ihlabathi elizakuza," iHlabathi eLitsha. Amahlabathi amathathu; izigaba ezithathu zehlabathi.

⁷⁷ Uze uqaphele indlela athe ngayo uThixo walicacisa ngayo kuthi icebo laKhe lentlangulo. Owu, oku kuwuvuyisile nje umphefumlo wam ndakukubona, indlela Alicacisa ngayo kuthi ngoku icebo laKhe lokuhlangula. Ngoku thelekisa oko

sikubona ngawethu amehlo. Oko uThixo akwenzele ukuhlangula ihlabathi laKhe, Wenze kwa icebo elinye ukuhlangula abantu baKhe, ngokuba uThixo ongaguqu-guqukiyo akaguqu-guquki nakwiliphi na icebo laKhe okanye nantoni na. Yinto enobuqaqawuli njani leyo!

⁷⁸ Ngoku Wasikhokelela kuYe, ukuza kumnquba okuthi, ngezigaba ezithathu zobabalo; kanye njengokuba Wakhokela ihlabathi kwizigaba ezithathu, ukuza kweli hlabathi. Njengokuba uThixo eyakuza ehlabathini emva kokuba lingene kwizigaba ezithathu ezahlukeneyo zokusulungekiswa, yiloo ndlela kanye Eza ngayo kuthi ngezigaba ezithathu zobabalo. Ndandifundisa loo nto ekuqalekeni; andizange ndiguquke, ukusukela ngoko. IliLizwi likaThixo.

⁷⁹ Umelwe kukuzigcina zihlangene izithathu zakho, izixhenxe zakho amashumi elinesibini akho. Izibalo zeBhayibhile zifanelwe kukuhamba ngokuthe ngqo kungenjalo uyakuwufumana umfanekiso ophixeneyo ngokupheleleyo. Ukuba awuyiqondi, hlala uthandaza njalo. Ukhangele, izakudibana ngokulungelelana, ngokuchanekileyo. UThixo ugqityelelisa ezithathwini. 'Yabona?

⁸⁰ Qaphela, "ihlabathi lakudala," elangaphambi konogumbe; i "hlabathi" leli limiyo ngoku; neLo liyakuza.

⁸¹ Ngoku, isigaba sokuqala athi Asizise kuso... 'Yabona, icebo laKhe lokuhlangula lisekwayinto enye ngokuchanekileyo ngayo yonke into. Usebenzisa kwa indlela enye. Akakhe aguqu-guquke. Wathi, kuMalaki 3, "NdinguThixo, kwaye Andiguqu-guquki." Indlela Ayenza ngayo, ngoko ke, ukuba Wasindisa umntu wokuqala awakhe Wamsindisa, ngokuphalazwa kweGazi laLowo ungenatyala, Unyanzelekile ukuba asindise nolandelayo; kwaye ngamnye Kwabasindisayo unyanzelekile ukuba kube ngendlela enye.

⁸² Ukuba Waphilisa umntu ngalo naliphi na ixesha kuhambo lobomi; kungaba ngemihla kaYesu, abapostile, abaprofeti, nokuba kwakunini na; xa zithe kwa ezo meko zahlangatyezwa, Umelwe kukuyenza kwakhona loo nto. Injalo loo nto. Akaguqu-guquki. Umntu uyaguqu-guquka, ixesha liyakuguqu-guquka, izigaba zexesha ziyaguqu-guquka, amaxesha abekiweyo ayaguqu-guquka, kodwa uThixo uhlala isekwanguye. Ugqibelele. Oko kumele ukunika ithemba elinjani kubantu abagulayo!

⁸³ Ukuba wakhe Waphilisa umntu, Umelwe kukuyenza loo nto xa ithe kwa loo miqathango yahlangatyezwa. Ukuba wakhe, wakhe wasindisa umntu, Umelwe kukuyenza kwakhona loo nto kwimihlaba eminye Awayenza ngayo kwityeli lakuqala. Ukuba wakhe Wazalisa umntu ngoMoya oyiNgcwele, Umelwe kukuyenza phezu kwemihlaba Awenza

ngayo kwityeli lakuqala. Ukuba wakhe wavusa umntu engcwabeni, Umelwe kukukwenza okwetyeli lesibini, yaye xesha ngalinye, phezu komqathango omnye.

⁸⁴ Akaguqu-guquki. Owu, indinika elinjani ithemba loo nto! Yintoni na? Ayisosicengcelezo senziwe ngumntu, into elithe iqela elithile labantu lahlangani; koko liLizwi laKhe elingenakuguqu-guquka.

Uthi, “YiNyaniso leyo?”

⁸⁵ Yena wathi, “Lonke ilizwi lomntu malibe bubuxoki, elaM libe yiNyaniso.” “Kuba amazulu nehlabathi ayakudlula, kodwa iLizwi laM alisayi kusilela.” “Sonke iSibhalo sinikwe ngempemfumelelo, ngoko ke sihle sinedela ukufundisa.” Kwaye khumbula, ukuba, “Sonke iSibhalo siyakuzaliseka,” suntsu ngalinye laso.

⁸⁶ Qaphela indlela uThixo alenza licace ngayo kuthi. Kwaye ukuba oko beku—bekungebobungqina bukhulu, obulungileyo. . . obukhulu, intsikelelo yothando evela kuThixo! Xa ndibona oku, ukuze ndibone ukuba ukusukela ndiseyinkwenkwe, ityeli lokuqala wakhe uKristu wasebenza kum, ndahlala ndifundisa ezo zigaba zithathu zobabalo. Qaphela ukuba akuyonyaniso na ngoku.

⁸⁷ Ngoku, inyathelo lokuqala ku “kuguqukelwa kuThixo.” Ukuze kulandele emva koko, ubhaptizo lwamanzi, “ubhaptizo lwamanzi,” “Guqukani, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.” ‘Yabona, kulandela ubhaptizo lwamanzi, lubonisa ukuba inguquko ibiyeyinene. Okanye, u “kuxolelwa” kwezono zethu ezidlulileyo, oko akuthethi nto ngezono ezisezayo. Kuyaxolelwa kuphela. “Guqukani, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu.” Ukwenzela ntoni? “Ukuxolelwa.” Ukususwa kwesono esidluleyo akunanto yakwenza nesizayo. Kukuthi nje, isono sakho sixatyelwe sesuka, oko wakwenzayo.

⁸⁸ Awunakuguqukelwa into eyenziwa ngu-Adam. Asinguwe owayenzayo; ngu-Adam owayenzayo. Uxolelwa nje ngaloo nto uyenzileyo wena. Imveli endala isekhona.

⁸⁹ Mandithabathe nje le bhodi okomzuzu nje. [UMzalwana uBranham uzoba iingcaciso ebhodini—Mhl.] Ngoku, *le* yintliziyo yomntu. Ngoku andi. . . Ndikude ekubeni ngumzobi. *Le* yintliziyo yomntu; ukuze *le* ibe yintliziyo yomntu. Ngoku, *le* ingaphaya inenyoka phakathi kuyo, sisono eso, apha ufumene ubomi bakhe. *Le* ingapha inhobe ngaphakathi kuyo, elinguMoya oyiNgcwele, apha ke unoBomi. Ke, *le* ingapha, inekratshi, intiyo, umona; nantso into ebangela oko, ngulo mfo lo. Ke, *le* ingapha inothando, uvuyo, nokunyamezela; yilaa Nto ebanga oko, *apha*.

⁹⁰ Ngoku, xa wawucela, okanye uxolelwa izono zakho, wenze kuphela oku, kususwe *okuya*. Kodwa oko kwathi kwenza loo

nto kusephaya. Yilaa ngcambu indala yokubi; isephaya. Qaphela, ukuze ngoko uguquke ubhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, ukuba Ukuxolele kwizono zakho. Qaphela.

⁹¹ Ngoko, okwesibini, kuza ukwaneliseka, okuthi kufake ingqondo yethu ekulungeleni ubungwele, ukucinga ngokukuko. Kususwe...ungcwaliso ligama elintsingiselo-mbini lesiGrike, elithetha “ukucocwa, nokubekelwa bucala ukwenzela ukusebenzisa.”

⁹² Ngoko, okulandelayo, kuza ubhaptizo loMlilo noMoya oyiNgcwele, ukuze uThixo abe nokuhlala ngaphakathi kuthi. Yaye uMlilo kaThixo uyazicoca iintliziyi zethu kwisono, uze ufake uMoya oyiNgcwele ngaphakathi. Ngoko sivelisa kwa uBomi obunye nobo *Oku* wakuvelisayo, ngokuba Koko okungaphakathi kuthi.

⁹³ Qaphela, kuzalo lwenyama, xa umfazi ezala usana. Ubomi benyama buzekelisa ubomi bokomoya. Xa umfazi ezala usana, ngokwasenyameni, into yokuqala eyenzekayo kukugqabhuka kwamanzi, kulandele igazi, kuze kulandele umoya (ubomi). Xhiphula loo mfo mncinane umchwakraze [UMzalwana uBranham uqhweba izandla kane—Mhl.], nako emkisola, ekhala. Amanzi, igazi, umoya.

⁹⁴ Ke ngoku xa usana luzalelwa eBukumkanini bukaThixo luza kwangendlela enye: amanzi, iGazi, uMoya.

⁹⁵ Ngoku qaphela, ungcwaliso, isigaba sesithathu...isigaba sesibini salo, lucoca ingqondo; lungise intliziyi, ingqondo yentliziyi, ukulungiselela ubungwele.

⁹⁶ Indoda ingaguquka kwizono zayo ibe isacinga ngo...Kulungile, mhlawumbi yindoda e—eziphethe kakubi, wonke umfazi oziphetho kakubi emfumanayo, usephaya. Mhlawumbi ilinxila; nje ukuba ive ivumba lotywala, isekho loo nto. 'Yabona?

⁹⁷ Kodwa xa ithe yangcwaliswa oko kucoca loo mnqweno uphume kuyo. 'Yabona? Kususa oko kufuna loo nto kumnke. Isenokulingwa, kodwa Uyakususa ukufuna kumnke. Nangoko, ayikalungi.

⁹⁸ Ngoko, ibhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele noMlilo. Icociwe, kutshiswe kwaphuma, yacocwa; yaze yasetyenziswa nguThixo.

Ukungcwaliso lubekela bucala kuphela *ukulungiselela* umsebenzi.

⁹⁹ Uze uqaphele nje indlela ekuze ngokuchaneke ngayo oko, imiyalezo isiza. UMartin Luther, ukugwetyelwa; uJohn Wesley, ungcwaliso; inkonzo kaMoya, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Imiyalezo, naso isizathu sokuba ube akunakuphinda kubekho ezinye izigaba zawo, 'yabona. Sisekupheleni kwexesha. Izigaba ezithathu. Ubhaptizo lucoca intliziyi ngoMoya oyiNgcwele.

100 Yothusa kanjani ngoku, Uthabatha indawo leyo simelwe kukuhlala kuyo, ngokuphumela kuloo nkqubo inye.

101 Ngoku, Ubize iBandla ngokugwebela, waLibiza ngokungcwalisa, waze waLizalisa ngoMoya oyiNgcwele noMlilo. Waze Walithabatha waLiphumelisa kwinkqubo ethile, ukuze Yena ngokwaKhe, uMoya oyiNgcwele ngokwaKhe, uNyana kaThixo, abe angahlala ngaphakathi kwintliziyo yomntu. Ngoku, Limelwe ukuphumela kuloo nto ngaphambi kokuba Yena abe angangena ngaphakathi kuLo.

102 Qaphela, Walenza ihlabathi, apho uMtshakazi ayakuhlala khona, ngendlela efanayo, icebo laKhe elikwalinye lo—losindiso.

103 Qaphela ihlabathi langaphambi konogumbe. Yena, ekubeni liguqukile, ngokuphumela kuMtshakazi waloo mhla, uNowa, Walinika ubhaptizo lwamanzi, waligquma lonke ngaphezulu ngamanzi. Ngoko, ukugwetyelwa, ebonisa ukuba Usendleleni yaKhe yokubiza eli hlabathi liwileyo, ukusuka e—Eden, elibuyisa ekubuyiselweni kwalo kwakhona.

104 Ngoko uKristu weza wachitha iGazi laKhe phezu kwalo, elicoca elibanga. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini kambalwa—Mhl.] 'Yabona, leli hlabathi siphila kulo ngoku elo.

105 'Yabona indlela uSathana, apha eSibhalweni, awazama ngayo ukuMenza aphule icebo likaThixo ukuze amnkele lona, elinika Yena ngethuba waMthatha wamsa phezu kwentaba, wazama ukuMnika lona ngaphandle kokulithenga ngeGazi?

106 Ingaba uqaphele indlela awathi ngayo u-Abraham, bakuzama ukumnika umhlaba, wawuthenga ngeeshekele ezilinani elithile zesilivere, phambi kwabantu, njengomqondiso, njengobungqina? "Makwazeke namhlanje ukuba ndithenge le ndawo yokungcwaba." 'Yabona, wayithenga! Waze wazama uSathana uku—ukuMnika ubukumkani obubobakhe ngoku. Wazama ukuMnika bona njengesipho, koko Yena akazange abamnkele. Ngokuba busiso, 'yabona, ngoko uSathana wayesenokuba usenebango kubo. Kodwa, kwanyanzeleka ukuba buthengwe. Amen. Yena wayeliLizwi likwinzaliseko yalo. BabengenakuMqhatha kulo.

Ngoko, kungoku apho liyakufumana khona ubhaptizo loMlilo.

107 'Yabona, limelwe ngoku. . . Kwenzeka ntoni? UKristu weza wabiza iBandla elibizela enguqukwani, kubhaptizo eGameni likaYesu Kristu, ukuze kuxolelwe izono; wangcwalisa iBandla; waze ngoMlilo kaThixo wehla watshisa wasusa konke ukungcola, waze weza wahlala ngaphakathi entliziyyeni yomntu.

¹⁰⁸ Ngoku, ihlabathi, ukuze libe lelihlanguliweyo ukwenzela lomntu uhlangulweyo, Usebenzisa kwaloo nkqubo yaKhe inye. Ubhaptiza ngamanzi, emva kokutshabalala kwehlabathi langaphambi konogumbe. Wachitha iGazi laKhe phezu kwalo, ukuze alingwalise alibange. LilelaKhe.

USathana wazama ukuthi, “Ndiyakulinika Wena.”

¹⁰⁹ Wathi, “Hayi, mhlekazi, Ndizakulithenga.” Makube bubungqina oko. Wayephakanyisiwe, njengomqondiso, wokuba Walithenga. Walithenga.

¹¹⁰ Kodwa ngoku simelwe kukuphumela kubhaptizo loMlilo, uMlilo oNgcwele ovela kuThixo, ococa ihlabathi namazulu alingqongileyo. Ngoko, lithengiwe khon’ukuze abahlanguliweyo babe nokuhlala phezu kwalo, baphile kulo eluxolweni. Qaphela, ubhaptizo loMlilo kukulicoca esonweni, ekuguleni, kwizifo nakwiintsholongwane, kuboni, kumtyholi nakulo lonke iqela lakhe. Uzakulahlelwa ngaphandle, afakwe kwiDike loMlilo. Umlilo oNgcwele ophuma kuThixo, uyehla uvela kuThixo, uphuma eZulwini, ulitshise, qaphela, ukulenza lilungele uThixo ukuze ahlale kulo. Kuba, uThixo, kwiHlabathi eliTsha eliyakuza, uyakuhlala emhlabeni. Kuba, uthi, “UThixo, uhlala ngaphakathi entliziyweni yomntu.” Kodwa, Yena noMtshakazi baba Banye, baze baye kwiKhaya labo elikwiHlabathi eliTsha. Ukuze kwa elo cebo lentlangulo lisetyenziswe ukuhlangula, kokubini, ihlabathi nabantu abaphila kulo.

¹¹¹ ‘Yabona, intliziyo imelwe kukucocwa ngolo hlobo. Phambi kokuba uThixo abe nokuhla angene kuloo Mntu ngoMoya oyiNgcwele, wona lowo unguKristu esihla ezokuhlala entliziyweni yomntu, imelwe kukuba kuqala ibe iguqukile. Imelwe kukubhaptizwa ngamanzi eGameni laKhe, ukubonisa ukuba iyekabani na.

Ngoko imelwe kukuhlanjululwa ngeGazi likaYesu.

¹¹² Ukuze ngoko uMlilo ongcwele noMoya oyiNgcwele, ovela kuThixo, uhle utshise wonke umnqweno wesono, yonke imvelo yehlabathi. “Ke, ngoko, lowo wona ngabom emva kokuba ekwamnkele ukuyazi iNyaniso...” Ngoko, kwakhona iBhayibhile ithe, “akunakwenzeka...” “Kuba, u—umntu ozelwe nguThixo akanakona; akoni.” Akukho ndlela kuye yakuba one. Angathini ukuba ngumoni, aphinde abe ngohlangulweyo, ngaxesha linye? Ndingathini ukuba ngaphakathi kwindawo yembolekiso mali, ndize ndibe ngaphandle kwendawo yembolekiso mali, ngaxesha linye? ‘Yabona? Owu, Wasihlangula ngeGazi laKhe; ngoMoya waKhe, Wasicoca; ukuze aze kuhlala ngaphakathi kuthi, thina Bandla. Hayi imvaba yehlelo, ngoku; iBandla!

¹¹³ Qaphelisisa ngoku njengokuba sithatha oku, indawo e—esiya kuhlala kuyo. Ngoku, ngoku, i—inguquko

yabangaphambi konogumbe, ngoko, yezisa ubhaptizo lwamanzi. Waze uKristu weza waphalaza iGazi laKhe phezu kwalo, ukulicoca alibange. Ukuze kuze, ngokulandelayo, ukutshatyalaliswa kwehlabathi njengokuba linjalo ngoku.

¹¹⁴ Sonke isono esisemazulwini aphezulu, “yena uyinkosana yamandla esibhaka-bhaka,” usoloko egcine (iimfazwe zingekho) iintsikelelo zikaThixo zikude. Ngokuphuma phaya kuvela iindudumo ezinkulu zemibane ize ihlabathi, nayo yonke into, ngokuphuma emazulwini, izandyondyo zemvula ebandayo, neenkanyamba, ink-... izitshingitshane nayo yonke into, “zivela ngentla,” zona ezo zinguSathana, “inkosana yamandla esibhaka-bhaka.”

¹¹⁵ Qaphela, 'yabona indlela awazama ngayo uSathana ukuyithabatha, njengokuba benditshilo kwimizuzu embalwa edlulileyo, ngokulinika uYesu ngaphandle kokulithenga. Ngoko, uSathana usenalo ibango, ngokuba liphawulwe, 'yabona. Kodwa uYesu ulithenga ngeGazi laKhe elaphalazwayo alibuyisele kumnilo onguye. 'Yabona? Nantso indlela Awathenga ngayo, ngeGazi laKhe, indlela Awathenga ngayo iBandla.

¹¹⁶ Ke ngoku lubhaptizo loMlilo olulicoca kuzo zonke iintsholongwane, zonke izifo zalo, konke ukugula, nkqu kuzo zonke izinto ezizezomoya; ezingathi, kananjalo, wenza kwaloo nto inye; ukulenza lilungele uThixo ukuze ahlale kulo, kwesi isigaba sibalulekileyo sizakuza, uMhlaba oMtsha. 'Yabona, Ulihlangula ngendlela enye Enza ngayo kubantu baKhe. Ulenza libe yinto enye lonke nje, icebo laKhe lentlangulo. Kuba, UnguThixo ongaguqu-guqukiyo, ehlala eyinto enye ngamacebo waKhe.

¹¹⁷ Indlela endanixelela ngayo, ngaphambili, ndanazisa kananjalo, nangazo zonke izigaba zexesha, ukuba uThixo akanakuguqu-guquka; uyazisa, ngayo yonke indlela, ngento enye.

¹¹⁸ Wazisa, umyalezo waKhe wakuqala, kwihlabathi langaphambi konogumbe, ngoNowa umprofeti.

¹¹⁹ Bendithetha nomzalwana othandekayo ohleli apha ekho kunye nam ngoku. Izolo, uthe, “Kukho into enye oyithethileyo, Mzalwana Branham, ehlala indichukumisa njalo.”

Ndathi, “Yintoni, mzalwana?”

¹²⁰ Waze wathi, “Nantsi into oyithethileyo,” yaye iyinyaniso, “Abambalwa, ukuba lincinane kangakanani na iqela eliyakusindiswa kwimihla yoKuza.’ Saze sancokola ngendlela awathi ngayo uYesu, ‘Limxinwa isango icuthene indlela, bambalwa ke abaya kuyifumana.’ Ngoku qaphela, iBhayibhile, ‘Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa apho kwasindiswa imiphefumlo esibhozo ngamanzi, kuyakuba njalo eKuzeni.’”

Ndathi, “Mzalwana, ufumene nje. . .”

Wathi, “Khumbula, isibhozo kuphela imiphefumlo elapho.”

Ndathi, “Ufumene nje isiqingatha somfanekiso.”

¹²¹ Ukanti, uNowa wayengumfuziselo wentsalela eyaphunyeliswayo, ingelilo iqela elatshintshwayo. U-Enoki, indoda enye, wangena kuXwilo ngaphambi kokuba kufike isikhukula, ebonisa ukuba iBandla alingeni kwimbandezelo okanye nantoni na elijikelezileyo. U-Enoki watshintshwa, indoda enye. Owu, ibandla lingaba linani mhlawumbi; kodwa uMtshakazi iyakuba liqela elincinane kakhulu eliyakwenza uMtshakazi. Ngoku, ibandla lingaba linani elikhulu; kodwa, uMtshakazi, uyabona, thelekisa isibhozo nesinye. Isibhozo siphindwe ngokungaphantsi, siyakuba nguMtshakazi, kunebandla.

¹²² “Yaye ukuba ilungisa lisindiswa ngenkankulu, uyakubaphi ke umoni nongendawo,” abo bazi ngcono, ukuze babe nokwenza, baze baqhubele phambili besenza loo nto nakanjani na? Abo balandela imigaqo yemvaba zobuhlelo endaweni yeLizwi, bayakubaphi, ukanti babizwe ngokuba ngaMakristu, bethabatha iGama likaKristu?

¹²³ Ngoku, ngokugqibeleleyo, uNowa wayengumzekelo wabo baphunyeliswayo. Khumbula, ekuphumeni kukaNowa, uHam wayekunye naye. Isono sasikhona. Isono saya kuphumela kanye, enqanaweni. Ukungakholwa, ukuthandabuza, kwaphumela ngaphaya enqanaweni, kwathwalwa phezu komgwebo. Kodwa u-Enoki wenyukela phezulu kakhulu kunenqanawa, wahambela phambili waya kungena kuBukho bukaThixo. Kodwa uNowa wangena apho waza waya kuphuma, kwaye kwakusekho isono; ngumzekelo weMillenium, wemeko yehlabathi.

¹²⁴ IMillenium ayisosiphelo saloo nto. Kusaya kubakho ixesha emva kweMillenium. IMillenium, uphumlo lweminyaka eliwaka sisithuba sexesha; kodwa, hayi uMhlaba oMtsha. Hayi, ngenene. Qaphela, kuwo, sizakufikelela kuwo emva kwethut yana.

¹²⁵ 'Yabona, umhlaba, ohlangulweyo, ubuyela kuMnini wawo wakuqala. Wathabatha. . . Wawuthabatha kuSathana. Watsala, ethabatha ihlabathi elisusa kuSathana, kanye njengokuba Wakuthabathayo ekususa kuSathana, njengokuba Wathabatha umfazi omncinane equleni emsusa kuSathana. Wayemi apho umpriste, ecinga ukuba wayenoThixo, kwaye wayengenanto. 'Yabona?

¹²⁶ Ndingathanda ukukhe ndikuzobele loo nto umzuzu nje. Ngoku, sifuna ukuba kucace ngenene oku, ngoku khangelisisa ngoku kule mfundiso. [UMzalwana uBranham uzoba ingcaciso ebhodini, kwezi ziqendwana zimbawo zilandelayo—Mhl.]

¹²⁷ Ngoku, le *ilapha*, apha nguThixo. UThixo, onguNaphakade, ngaphandle. . . Akukho wumbi nguYe kuphela. Kodwa, kuThixo, Wayenezibonakalaliso. Ngoku, oku *kulapha* kumele iLizwi, iLizwi likaThixo, elenziwa inyama lahlala phakathi kwethu kubuntu bukaYesu.

¹²⁸ Ngoku *le*, lo mfo ulapha, sizakumenza *ngoluhlobo*. Ngoku, *le* ibizwa ngokuba ngumfazi equleni. *Lo* ngumpriste, umFarisi. Apho ke ubona khona *oku*, kwindawo evulekileyo ebhodini, kuthetha ubabalo nosindiso.

¹²⁹ Ngoku, “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi. ULizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu.” Izigaba ezithathu. Lalisisibonakalaliso kuqala, lalikuThixo, ukuba Wayecinga ngesiqu saKhe engumntu; yaze loo nto yamtshintsha yaMthoba ukuba abe nguYesu; ke ngoku, ukuba unokuze ube Phaya, wawunaYe ngoko. Kuba, lunye kuphela uhlobo loBomi obunguNaphakade, elo ke nguThixo; yaye kwafuneka ukuba ube yinxalenye kaThixo ekuqalekeni, ingabi koko ukunyule nje apha ezantsi. Nguye owakunyulayo. “Bonke aNdinike bona uBawo bayakuza.”

¹³⁰ Ngoku khangela kulo mpriste ulapha. Sifumanisa ukuba isiphelo sakhe sisemazantsi, *silapha*, ubomi bakhe bangasemva, emva emva kwakhe, umiselwe ngenxa engaphambili emva apha, unesono.

Nasi isihogo, *apha* ezantsi.

¹³¹ Ngoku, le ndawana incinci *ilapha*, ikhangeleka okwebhodi, imele ubunyulu bakhe. Wayengumpriste. Wayeyindoda ehloniphekileyo. Oko kwakumele *oku*. Wayenjalo, kananjalo, kwakunyanzelekile ukuba abe yindoda elungileyo, kungenjalo wayengenakuba ngumpriste. Kodwa uyayibona indlela abufumene ngayo, yayikukufunda kobungqondi.

¹³² Ngoku, lo mfazi mncinane, ubomi bakhe bokuqala, *apha* phezulu, wayelihenyukazi, wayedyobheke ewonke. Kodwa phaya ezantsi kuye, *apha*, kwakukho nje ukuqonda okuncinane, “Ndiyazi ukuba xa athe wafika uMesiya. . .” ‘Yabona? ‘Yabona, yayikho laa nto.

¹³³ Qaphela, xa uYesu wezayo waza wabonakalalisa iLizwi, ngokuba iLizwi lalicalula iingcingane ezazisentliziweni; njengokuba amaHebhere 4 esithi Liyakwenza, 4:12, ukuba Uyakwenza njalo. “ILizwi lalingumcaluli weengcinga zentliziyo,” waze Weza njengoNyana womntu, uMprofeti. Kwenzeka ntoni? Lo mpriste, enemfundo nje yengqondo, wathi, “Ngumtyholi,” ngokuba ihlelo lakhe laliyibiza ngolo hlobo. Yenza ntoni loo nto? Wayengenanto immeleyo, ngoko oko kwamcima waphela.

¹³⁴ Kodwa lo mfazi mncinane kwakungekho anokuyivelisa; wayengcole emdaka ngangokuba enokuba nako. Kodwa, qaphela, ezantsi ngaphakathi kuye, unento emmeleyo, 'yabona. Ke, ngoko, wayekhangele oku ukuba kwenziwe inyama.

Waze wathi Akuthi, "Hamba uye kubiza umyeni wakho uze apha."

Wathi yena, "Mhlelezi, andinaye."

¹³⁵ Wathi, "Uthethe inyaniso, kuba ubunawo emahlanu, nale unayo ngoku asiyo yakho. Ubunawo emahlanu. Loo nto yenza isithandathu obunaso."

¹³⁶ Wathi yena, "Mhlelezi!" [Hayi, "unguye," hayi, "uBhelezabhule."] "Ndiyaqonda ukuba Wena unguMprofeti. Ngoku, siyazi ukuba uMesiya, ekuthiwa nguKristu, uyakuza. Ke Akufika, Uyakwenza oku."

Wathi, "NdinguYe."

¹³⁷ Kungasekho kuthandabuza. Wawungamelwe kuyicacisa. Wayibona. Wakholwa kuyo. Nako emnka! Kuba? Yenza ntoni loo Nto kuye? Yamhlangula.

¹³⁸ Ngoku qaphela, Wafika kuMhlanguli. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kuthetha ntoni *ukuhlangula*? "Ukubuyisela." Kwakutheni ukuze Angamfumani umpriste? Wayengazange abe phaya phezulu. 'Yabona? 'Yabona, wayengenanto immeleyo.

¹³⁹ Weza kuhlangula oko kwakuwile. Ekuweni, *oku* kwaphithana, kunye nalaa ntombazana; kodwa uThixo wayenayo kwingcinga yaKhe ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, waze Weza kuyicoca. 'Yabona? Ngoko Yena. . . YayinoBomi obunguNaphakade. 'Yabona?

¹⁴⁰ Apho, khona umpriste, kwenza ntoni oko kuye? Kwambuyisela emva kwindawo awayesekelwe kuyo. Wayengenayo kwanto, indawo yokuqala, iyimfundo nje yobungqondi.

¹⁴¹ Ngoku, phulaphula, sihlobo, ukuba into ekuphela kwayo onayo kukufunda nje kwengqondo, ufumana into eyahlukileyo kuleya. Kwaye akunakuze ube nako ukuYifumana ngaphandle kokuba unento ekumeleyo. Naso isizathu endikholelwa ngaso ukuba nivela empuma nasentshona, emantla nasezantsi; iLizwi, liphila, lenziwe labonakala.

¹⁴² Qaphela ngoku indlela Azisa ngayo indlela yaKhe ngabaprofeti baKhe, ekuqalekeni. Akakhange ayitshintshe.

¹⁴³ [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] . . usindiso. Wagwebela umntu; wamngcwalisa; wathumela uMoya oyiNgcwele noMlilo, watshisa isono saphuma kuye, waze wahlala ngaphakathi kuye, ngokwaKhe.

144 Wenza loo nto kwihlabathi, Aza kulisebenzisa kwicebo lakhe lokuhlangula, indlela enye. Laguquka laza labhaptizwa ngamanzi, ku...ngoNowa. UYesu weza walingcwalisa, ngokophisa iGazi laKhe phezu kwalo, waze walibanga. Ukuze kuMhlaba oMtsha ozakuza, liyakufumana ubhaptizo loMlilo ongcwele, ukulicoca kuyo yonke idemoni, yonke intsholongwane, sonke isifo, yonke into ekhoyo, aze alenze ngokutsha. “Ndabona iZulu eLitsha noMhlaba oMtsha.”

145 Uba ngumntu omtsha. Amen! Hayi nje omdala olatshiweyo, ngokujoyina icawe okanye ukuzama ukutyhila kwikhasi elitsha, kodwa usisixhobo esitsha kraca ngokugqibeleleyo. UThixo uthabatha umntu omdala amtshise ngokupheleleyo aphele, ngoMlilo kaMoya oyiNgcwele, aze eze ngokwaKhe, athumele athobe oko kumele wena. “Akukho mntu unokuza kuM engathanga uBawo waM amtsale. Yaye bonke aNdinike bona uBawo bayakuza kuM.” Niyayibona? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Licebo elinye; yindlela enye.

146 USathana waye...Uyakususwa emhlabeni, kanye ngokuchanekileyo njengokuba uSathana wasuswayo kuwe. USathana akanakuhlupha; okanye, angakuhenda, kodwa akangeke amfumane uMkristu ozelwe ngokutsha. Kuba, uThixo, ukusela ekusekweni kwehlabathi, wambona ngenxa engaphambili, waze wathumela uYesu ukuza kumhlangula, yaye iGazi liyamthethela. Angathini ukona ngoku singenakubonwa, nkqu, nguThixo? Akasiboni kwa...Inye into Ayivayo lizwi lakho. Ubona oko kumele wena. Amen! Yinyaniso leyo. 'Yabona?

147 Kwangolo hlobo lunye, kuba ihlabathi lelinye lezibonakalaliso zaKhe kanye njengokuba usesinye sezibonakalaliso zaKhe. Ihlabathi liba sesinye sezibonakalaliso zaKhe, ngokuba lalikingcinga kaThixo, ekuqalekeni. Ukuba abe nehlabathi, ukuze abe phezu kweTrone, ukuze abe nguKumkani, ukuze abe nguMhlanguli, ukuze abe nguMphilisi, zizibonakalaliso zaKhe ezo.

148 Kanye njengesibonakalaliso sakho. Awunakuthi i—i “isibonda” ngaphandle kokuba ndibe ndicinga isibonda. Andinakuthi “ndoda” ngaphandle kokuba ndibe ndicinga indoda. Yaye xa ndicinga ngomntu, ngoko ndithi, “mntu,” ingcinga isisibonakalaliso size isiqondakaliso sibe lilizwi. 'Yabona?

149 Njengo-Isaya, indlela awayenokutsho ngayo, ukuthi, “Intombi engazani nandoda yayiya kumitha”? Yintoni ingcinga?

150 Ngoku, abaninzi kuni bayamangaliswa ukuba kukanjani na, okwa kucalula kuthi kufike. Ndiza kunixelela. 'Yabona, lilizwi endilithethayo. Yaye asiyongcinga yam, kuba andazi mna. Andazi nto ngokucingwa kwayo. Ndingakuxelela njani

ukuba ungubani na nokuba uvela phi na, ngeli thuba ndingakwaziyo? Ndingakuxelela njani into owayenzayo kwiminyaka elishumi eyadlulayo, ndingazange ndikubone ebomini bam nje? Ndingakuxelela njani ukuba uyakuyenza phi na iyintoni na oyakuyenza kwiminyaka elishumi ukusukela ngoku? Ndilazi njani ixesha elizayo? Kodwa yingcinga yoMntu othile ongomnye.

¹⁵¹ “Ingcinga eyayikuKristu mayibe kuni. Ingcinga eyayikuKristu mayibe kuni.” ’Yabona, ngoko ke asikokucinga kwakho. Kukucinga kwaKhe, ngawe. Yaye awuvelisi mazwi angawakho; uvelisa aMazwi waKhe.

¹⁵² Nantso indlela ekuthi ngayo ngamaxesha amaninzi abazalwana babhideke ngokutolikwa kweelwimi nezinto ezinjalo. ’Yabona, bathetha izinto ezingalunganga, abaqondi ukuba loo nto nguSathana. Uthi, “Emyezweni kaThixo?” Linda nje side sigqibe, sifumanise ukuba akunjalo na, okanye kunjalo. Ukhula nengqolowa lukhula kwintsimi enye. Zombini ziphila ngelanga elinye nangemvula enye. ’Yabona?

¹⁵³ “Ke ukuba kukho phakathi kwenu ongumprofeti, Mna Nkosi ndiyakuthetha kuye. Yaye ukuba oko akuthethayo kuyenzeka, ngoko ndiM lowo, ’yabona, kuba akavakalisi okukokwakhe. Uvakalisa iingcinga zaM, izibonakalaliso zaM zezinto eziyakwenzeka, yaye Ndiyakusebenzisa umlomo ukuzivakalisa. Ukuze emva kokuba ezithethile, zinyanzelekile ukuba zenzeke. Amazulu nomhlaba ayakudlula, ke lona iLizwi laM alisayi kusilela.”

¹⁵⁴ U-Isaya wathi, “Intombi iyakumitha.” Kuphelele apho. Iyakumitha. Into ayithethileyo uThixo, Uyayenza.

¹⁵⁵ Owu, Wazisa, ngabaprofeti baKhe, konke okwezibonakalaliso zaKhe, ngokuba izibonakalaliso zaKhe zeengcinga zaKhe zithethiwe.

¹⁵⁶ Ngoku, yayiyiyo le, *kulo* mfazi mncinane. Wayesesinye sezibonakalaliso zaKhe. ’Yabona?

¹⁵⁷ Yaye kwakukho umpriste, emele ukuKhanya. Wayekufunde eBhayibhileni. Wayekufundile okokuba uThixo wayenguThixo. Wayefundile ukuba ubungcwele babuyinto elungileyo. Wayefundisiwe ukuba kwakukho umthetho kaThixo. Wayekufunde ngenxa yokuqonda kokubungqondi. Yaye wayezalelwe kumlibo olungileyo; wayenguMlevi. Kodwa wayekwazi oko kuphela ngokuqonda kobungqondi. Kwaze kwathi xa ukuKhanya kweyure. . . ’Yabona, wakufunda ngoko *kwakwenzekile*, hayi okwakusenzeka; oko kwakwenzekile! Waze wathi akufumanisa okwakusenzeka, imvaba yehlelo lakhe ayabi nanto iyithethayo ngaKo, ngoko ke wayengenanto immeleyo malunga naKo.

158 Kodwa yayinguye lowo uMhlanguli wehlabathi ngelo xesha, uzakuhlangula ezo zibonakalaliso ziyinxenye kaThixo, waze wayamnkela loo nto. Akazange ayibuze. Wathi, “Xa athe wafika uMesiya, Uyakwenza oku,” kwaye kuphelele apho. Wayibona isenziwa, ngoko. . .Wathi, “Ndim uMesiya,” Ngoko kwaba kulungile. Kungasekho mbuzo. Wahamba nje, exelela wonke omnye umntu, “Yizani, nibone Lowo ndimfumeneyo.”

159 Ezi nkqubo zisenza sicoceke, sibe yitempile eyindawo yokuhlala kwaKhe: ugwetyelo, ungcwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele noMlilo. Nantso into eyenza ukucoywa kwe (yethu) le tempile.

160 Ngoko, njengokuba uphahla oludala lwehlabathi lungazange lutshabalale, ngamanzi xa lahlanjwayo; uphahla olu lomhlaba, luphahla oludala, yi. . .lonke uthuli, yonke into uThixo awayibeka phezu komhlaba, ayizange itshabalale xa ihlabathi lakuqala latshatyalaliswayo. Yaye iBhayibhile ithe la “tshatyalaliswa,” kodwa aluzange lutshabalale uphahla. Oko kwatshabalalisa nje isono naboni ababephezu kwalo. Uphahla olu lwawo lwashiyeke.

161 Kodwa, uyabona, njengokuba ugwetyelo, njengokuba nina maBhaptizi namaWisile nifuna ukucinga njalo, ugwetyelo nje, ukukholwa ukuze ubhaptizwe, loo nto ayanelanga. Uyakujikeleza ubuye ngqo kwizinto zehlabathi, unqothule iinwele zakho unxibe iibhulukhwe ezimfutshane, nayo yonke enye into. 'Yabona, akukabikho nto yenzekileyo. Ukhangele nje emva waze wabona ukuba wenze okuphosakeleyo.

162 Lwenza ntoni ugwetyelo kwihlabathi? Aluzange lwenze kwanto kulo; laqalisa emva kwakhona, nesininzi kangako isono njengokuba sakha sanjalo. Nantso indlela enza ngayo umntu, yaye kukangako anokukuhamba.

163 Nantso indlela umvangeli omkhulu, uBilly Graham, abemelwe kukuyibona. Uthe, “Ndiyaya ndifumane abaguqukayo abangamashumi amathathu amawaka, ndize ndibuye emva konyaka ndingafumani namashumi amathathu.” Bahambe nje baphelela kuloo ndawo. 'Yabona? Kwaye, ngokuqinisekileyo, bayaguquka. Ndiyakholwa ukuba bayaguquka; abaninzi babo, okanye abanye babo, okungenani. Kodwa asiyiloo nto eyimfuneko. Uyayiqondakalalisa apha.

164 Ngoku, ngoko uphahla oludala lwehlabathi aluzange lutshatyalaliswe ngamanzi. Ihlabathi lahlanjwa nje kuphela. Lona lafumana ubhaptizo lalo. Labhaptizwa.

165 Ngokunjalo uphahla luyakushiyeke, nangona lutshiswe ngoMlilo. Awulitshabalalisi ihlabathi, 'yabona, utshabalalisa nje isono esiphezu kwalo.

166 Qaphela apha, abanye benu bafundi beBhayibhile, yaye ingakumbi uGqirha Dale ondjongileyo. Qaphela kuPetros

kwisahluko se-2 sikaPetros apha, isahluko se-3, usebenzisa igama “ihlabathi” njengegama lesiGrike u-*kosmos*, elithetha, “inkqubo yehlabathi.” “Ihlabathi liyakudlula, linyibilike ngobushushu obukhulu.” ‘Yabona? Alithethi ukuthi ihlabathi, umhlaba, uyakudlula. Kodwa ihlabathi, i-*kosmos*, ezombuso, aboni, iinkqubo, isono, isifo, iintsholongwane, yonke into engalunganga, iyakudlula. Yonke into eyakhe. . .

¹⁶⁷ UThixo wakhe washukumisa amazulu, kodwa ngeli thuba Uthe Uyakushukumisa umhlaba, amazulu nomhlaba. . . “Washukumisa umhlaba,” gxebe, “ukuze ngoko ngeli xesha abe Uyakushukumisa amazulu.” ‘Yabona? “Kuba samnkela uBukumkani obungenakuzanyanyiswa.” BuBukumkani obunguNaphakade. Khangela indlela aya ngayo kubo.

¹⁶⁸ Qaphela apha, uPetros uthe, “Yaye liyakunyibilika ngobushushu obukhulu, ize nemisebenzi ekulo itshiswe,” hayi umhlaba. “Imisebenzi ekuwo,” imisebenzi yomntu, zonke ezopolitiko zabo neenkqubo zabo, nawo onke amahlelo eemvaba zabo nenkqubo ezenziwe ngumntu, ziyakumnka zonke nalo xa lisitsha.

¹⁶⁹ “Yaye—Yaye amazulu ayakudlula ngengxolo enkulu.” Ukhe waqaphela apha? “Amazulu ayakudlula ngengxolo enkulu.” Phulaphula! Umhlaba uphela uyakutsha, yaye uyakulumeka imimoya ephakathi emhlabeni ilidubulise. Oko kunjalo ngokuchanekileyo. Uthetha. . . IBhayibhile itshilo apha, uPetros uthe, “Aze amazulu adlule nomhlaba, ngengxolo enkulu.” Kokunjani ukudubula okuya kulintlitha, owu, bethu, kuba umelwe kukubulala sonke isifo, yonke ikhaka-khaka, onke ameva. Yonke into iyakwenziwa, nguMlilo oyakutshisa. Kwaye, khumbula, asingomlilo nje uqhelekileyo, usekwanguMlilo ongcwele, ‘yabona, oyakususa umnkise uSathana nabo bonke abakhe, zonke iidemoni, “Kokubini izulu nomhlaba,” amen, “uyakudlula,” kubulale zonke iintsholongwane, zonke izinambuzane, bonke ubomi benyama obuphezu kwalo nobulijikelezileyo, nditsho nkqu i-H₂O, (amanzi) ayakudubula. Yicinge. Uthetha ngengxolo!

¹⁷⁰ Ucinga ukuba laa ngxolo incinane apha ngaphandle eTucson yayiyinto, ekuvuleni kwakhe iTywina leSithandathu, eyathi yashukumisa ihlabathi elisingqongileyo, yaze yabanga indaba. Linda de lo mhlaba wamnkele ubhaptizo lwawo!

¹⁷¹ Uyazi, xa umntu esamnkela ubhaptizo loMlilo, ininzi ingxolo eba kufutshane apho. Bacinga ukuba lihlazo elo, uva umntu ekhala ekhwaza ngolo hlobo. Linda nje de lo mhlaba ufumane olwawo ubhaptizo!

¹⁷² Ewe, oko kuyakuyicacisa. . . ludubulise, i-H₂O, amanzi, kuba iBhayibhile itshilo apha kwiSityhilelo 21, “nolwandle alusekho,” lulidubulise. Le nto iyakutshintsha wonke

umphezulu womhlaba uphela. Uyakudubula ugqabhuke ube ngamasuntsu. Wonke umphandle, umphezulu, nokuya kumakhulu eenyawo ukuhla kuwo, kuyakube kudilizwe nje ngokulula ngokupheleleyo. Imo yomoya, imimoya esemhlabeni ngoku, apho bayakuthi bafumane khona ezi ziqhushumbisi zijulwa bekude zingenakungena kuwo, yimo enkulu ephezulu phakathi apho, ephezulu phaya kuhlobo oluthile lomoya apho kukho khona zonke iintlobo zemimoya, batsho; yaye oko kuyakudubula. Umsindo ongcwele kaThixo uyakuza phezu kwako, 'Yabona, uze ukucece, kuyakutshintsha umphezulu uphela.

¹⁷³ Ngoku, abaninzi kuni abafuna ukubhala eli gama, igama lesiGrike, "ukudlula." Lisuka kwigama. . . kuye kwanyanzeleka ndilifumane. Ndacinga, "Liyakudlula njani eli hlabathi, sibe sisezakuhlala kulo?" Kodwa ukuba uyaqaphela, abanye benu bantu bafuna ukulibhala, ndiza kunipelela lona. Andikwazanga kulibiza, p-a-r-e-r-e-c-h-o-m-i-a. Andazi ukuba ndingalibiza njani na.

¹⁷⁴ Ngoku, ngaloo ndlela, njengokuba benditshilo, xa ndilifumana. . . Impefumlelo iye indifikele ngento ethile, ndize ndibuyele emva ukuya kufumanisa elizwini. Ngoku, apha, andikwazi kulipela elo gama, okanye andikwazi—andikwazi kulibiza. Kodwa, kuloo nto, iNkosi isandinike indlela. Ndiye kufumanisa ukuba elo gama lithetha ntoni na, ngoko ndilifumene. 'Yabona? Ndaze ndayifumana, khona. 'Yabona?

¹⁷⁵ Amazulu nomhlaba *ayakudlula*, ngoku, eli gama lithetha, "ukudlula ukusuka kwenye imo ukuya kwenye." Alithethi "ukubhangisa," njengokuba igama lesiNgesi beliyakutsho, *ukudlula*, kukubhangisa. Kodwa igama lesiHebhere, okanye isiGrike apha, alithethi *ukudlula*, lithetha, "ukudlula ukusuka kwenye into ukuya kwenye." Khangela, kodwa, "ukudlula ukusuka kwenye imeko," lithi, "ukuya kwenye."

¹⁷⁶ Ngoku qaphela, uPawulos walisebenzisa, ukuba ufuna ukusifunda ngoku. Sibhale, ungasifunda emva kwexesha. KuTito 3:5, uPawulos usebenzisa kwa eli gama linye, lithetha ukuzalwa ngokutsha komntu, ukuba umntu udlule ekubeni ngumoni esiya ekubeni ngongcwele, hayi ukuba ubhangisiwe ngokupheleleyo. Xa umntu etshintshiwe, akabhangiswa, koko ungumntu otshintshiweyo. Utshintshwe ukusuka koko wayekuko ukuza koko akuko, akabhangiswanga.

¹⁷⁷ UYesu wasebenzisa kwa elo gama linye kuMateyu 19:28, ngoku, hayi ama-28:19. Ngoku, i-19:28, wathi kubo, "Niya kuhlala naM eBukumkanini bukaBawo waM, nenziwe kumila kumbi," uyabona, "nitshintshiwe," xa nithe natshintshwa. Wasebenzisa kwa igama elinye.

¹⁷⁸ Waze Wasebenzisa kwa elo gama xa Wathi, kwi-esile wathi, "Likhululeni i-esile niliyeke lihambe."

¹⁷⁹ Wathetha kwa into enye ekuvusweni kukaLazaro, “Mkhululeni! Mtshintsheni! Ube botshiwe; myekeni ahambe!”

¹⁸⁰ Kuthetha ntoni oko? Umhlaba uyakukhululwa ekubambeni kukaSathana. Uyakukhululwa. Uyakukhululwa kwezopolitiko, uyakukhululwa kwiinkolo zenkqubo zamahlelo; ukuze usetyenziselwe uBukumkani bukaThixo, obuyakumiselwa apha phezu komhlaba. Kodwa okoko usezandleni zikaSathana, ezopolitiko...USathana umlawuli womhlaba, ungowakhe; wawungowakhe, kodwa ngoku uKristu uwuhlangule.

¹⁸¹ Ngaxesha lithile, ndandingowakhe, kodwa hayi ngoku. Ngaxesha lithile, laa mfazi mncinane wayengowakhe, kodwa hayi ngoku. 'Yabona, Weza kukhulula ekubanjweni nguye. Wakhulula ukubambisa kwesono, kukaSathana, phezu kobomi bam, phezu kobomi bakho, yaye ngoku asingobakhe.

¹⁸² Nikhe nandiva ndihlala ndisithi, emthandazweni, “susa izandla zakho koko kukokukaThixo”? 'Yabona? Amen! Yiba nokholo lokubanga abangabakho. Ngamalungelo akho lawo. “Susa izandla sakho kulo mfazi! Susa izandla zakho kuloo ndoda!” 'Yabona, ukholo luyakuyenza loo nto. Owu, bethu! Hayi ukuba liyibhangise, koko, nje, “Susa izandla zakho kuye,” ukuyikhulula, uyiyeke ihambe, liyidlulise. Iyatshintsha.

¹⁸³ Ihlabathi liyakutshintsha. Ezopolitiko ziyakutshintsha. Ezenkolo ziyakutshintsha. Amahlelo emvaba ayakudlula. Ezopolitiko ziyakudlula. UBukumkani bukaThixo buyakumiselwa.

¹⁸⁴ Sifunda kuYohane, funda kuYohane kwiSityhilelo 6:14, 'yabona, “ledlula ngokwencwadi esongwayo.” IBhayibhile itshilo ukuthi...ukuthi lona...uYohane wathi, “Ndabona izulu nomhlaba lisimnka ngokwencwadi esongwayo.” UYohane, iSityhilelo 6:14.

¹⁸⁵ UYesu wathi, “Amazulu nomhlaba ayakudlula,” okanye ngamanye amazwi, “amazulu nomhlaba ayakutshintshwa.” 'Yabona, wasebenzisa kwa igama elinye kanye apho kwakhona.

¹⁸⁶ Hayi, hayi ukubhangisa. Kuba, emva koko, kwiZityhilelo 21:2 ukuya 24, wabona iYerusalem eNtsha isihla ivela kuThixo iphuma eZulwini, yaze yahlala phezu kwalo mhlaba. Akuthethi kuthi uyakubhangiswa. Ziinkqubo eziya kutshintshwa.

¹⁸⁷ UDaniyeli wabona kwa loo nto inye. ILitye elabetha ihlabathi; lazithwebula kungengazandla; waze wonke umfanekiselo weenkqubo waphulwa wawa phantsi waba njengomququ kwisanda sokubhulela sasehlotyeni, waze umoya wawufudusela kude. Laze iLitye, ngokwaLo, lakhula laba yiNtaba enkulu eyagquma umhlaba. Yikhangele loo Ntaba ngoku, emzuzwini nje. Loo Ntaba yagquma umhlaba.

188 Kananjalo, sifumanisa apha, ngaphakathi, kananjalo, kwiZityhilelo phaya, ithe, “Ookumkani boMhlaba oMtsha bayakuzisa imbeko yabo nozuko kuyo.” Kulo mhlaba, kuhleli. . . IYerusalem eNtsha ihleli phezu kwalo mhlaba. 'Yabona, utshintshiwe nje.

189 Use kwayiloo ndoda inye, ngokokumila, owawuyiyo ekukubizeni kukaThixo, usekwanguloo mfazi mnaye. Kodwa, uyabona, into eyayenzayo, yayikukuzalwa ngokutsha. Ubomi obudala bedlula. Umnqweno omdala wedlula. Xa, wawukade uthanda ukusela, nokuthuka, nokuphika, nokuxambulisana, nokubaleka esithubeni, uziphethe kakubi, loo nto yafa nje. 'Yabona? Kodwa ngoku uyasetyenziswa. . . Ngoko wawusisixhobo sikaSathana; ngoku uhlangulwe.

190 Yaye kungoko into ihlabathi eliyakuba yiyo, ngendlela efanayo, liyakuhlangulwa, aMazulu aMatsha noMhlaba oMtsha.

191 Kanye njengawe, “Usisidalwa esitsha.” Yaye igama lesiGrike apho, nabani na uyazi, lithe, “Uyindalo entsha.” Amen! Isidalwa esitsha kwakuloo tempile inye indala. Haleluya. Khangela ukuba yintoni na oyenze ngoku. Yezukileyo! Kulungile.

192 Ngoku sifumanisa ukuba umhlaba uyakugcina ookumkani bomhlaba.

193 Kwaye, kwakhona, kuMateyu 5:5, uYesu wathi, “Abalulamileyo bayakuwudla ilifa umhlaba.” Akuyi kuthi, nje bafumane omnye umhlaba. Iyakuba kwangumhlaba omnye. Ndizama ukuzisa i—icebo lentlangulo kuni, kuqala, nokuba akukho nto iyenye ndiyifumeneyo, 'yabona. Ubhaptizo loMlilo, kuwo, lwenzelwa kuphela ukuwucoca luwenze ube yindawo efanelekileyo yabalulamileyo baKhe ukuze bahlale kuyo. 'Yabona? Owu!

194 Njengokuba Wenzayo kuthi, indalo yaKhe, ukuze aphile kuyo. Ngaphambi kokuba Abe waba nokungena kuyo, wafuneka ukuba Ayinike ubhaptizo loMlilo; ngoko uMoya oyiNgcwele wangena wahlala, ubhaptizo loMlilo. Ngoko, xa ufumene ubhaptizo loMlilo, ngoko uMoya oyiNgcwele angangena. Yintoni? Ekungeneni kwaWo, Utshisa yonke into echasene neLizwi, iphume kuwe. 'Yabona? Awunakuze ukholelwe nantoni na eyenye koko liLizwi, ngokuba UliLizwi. 'Yabona? 'Yabona? 'Yabona?

195 Ngoku, nantso into ebesithethe ngayo ngenye imini, ubungqina boMoya oyiNgcwele. 'Yabona? Ubungqina boMoya oyiNgcwele kuxa unokwamkela iLizwi; hayi inkqubo ethile, kodwa ube nokuqonda okucacileyo. Wazi njani ukuba iLizwi licacile, uyaLiqonda? Likhangele LiZingqinela.

¹⁹⁶ “Kwalunga,” uthi, “Ndibona oku likwenza, *nokuya*.” Owu, ewe, ukhula luphila kwangendlela enye. ‘Yabona?’

¹⁹⁷ Kodwa iyakuba liLizwi liphela. Ukuze ube uMtshakazi, umelwe kukuba yinxenye yaKhe. Yena uliLizwi. ‘Yabona? Kwaye uyeyiphi inxalenye yaKhe? ILizwi elithenjiselwe lomhla xa Abiza uMtshakazi waKhe. Uba yinxalenye yaKhe. Niyayifumana? Ngoku, musa—musa ukulahlekwa yiloo nto ngoku. Qaphela.

Yaye Ulenza libe yindawo efanelekileyo yokuphila Naphakade.

¹⁹⁸ Qaphela, akukabhekiselwa koku...Olu lawulo lwe-Millenium, iminyaka eliwaka, asingoMhlaba Mtsha. ‘Yabona, ulawulo lweMillenium lulawulo olwahlukileyo. Yiloo nto esiya kuyo, iMillenium, kodwa yona asingoMhlaba Mtsha, iZulu eLitsha. Hayi, hayi. Yindawo nje yokuphumla, ‘yabona, isithuba sexesha lokuphumla, ingengawo konke konke aMazulu aMatsha noMhlaba oMtsha; kuba, uyabona, kwi-Millenium sinezinto ezininzi ezingasayi kungena kuWo. Ingumzekelo womhla wesixhenxe wakudala, emva e-Eden; usuku lwesixhenxe, emva kokuba Wenza ihlabathi. Ngomhla wesixhenxe, Waphumla e-Eden, kwalandela iMillenium.

¹⁹⁹ ‘Yabona, ihlabathi, ngoku linamalunga namawaka amathandathu eminyaka, ubudala. ‘Yabona? Kumawaka amabini eminyaka ngamanye laba no—nokutshatyalaliswa. ‘Yabona?’

²⁰⁰ Kumawaka amabini okuqala, kwafika unogumbe, waze Walibhaptiza nga (ntoni?) manzi.

²⁰¹ Kumawaka amabini alandelayo, uYesu weza kulingcwalisa alibange, wathontsizela iGazi laKhe phezu kwalo, walibiza ngokuba lelaKhe. Kulungile.

²⁰² “Ndiyakubuya kwakhona,” heh, ngoku njengoKumkani noKumkanikazi waKhe, ize ibe ngamawaka amabini eminyaka esibini (Wenza ntoni?) Uyeza alinike ixesha lokuphumla laKhe.

²⁰³ Aze alitshise liphele, alibangele AbangabaKhe; abeke AbangabaKhe kwakhona phezu kwalo.

²⁰⁴ Yaye qaphela, ingelilo ihlabathi eligqibeleleyo, leMillenium, ingumzekelo womhla wesixhenxe. Ukuze kuze uMgwebo weTrone eMhlophe. ‘Yabona, sisenomgwebo. Sisekwixesha kwiMillenium. Ingumhla, iwaka leminyaka. Isisixa sexesha. Hayi, ungayiphixanisi kunye noMhlaba oMtsha, ngoku, kuba ayinguwo.

²⁰⁵ Usenokuthi kum. Ngoku ndiva kungathi kusenokubakho umntu onokutsho kum, ukuthi, “Ngoku, Mzalwana uBranham, uzakwenza ni ngoku? Uphelwe zizixhenxe ezipheleleyo. Uyakwenzani ngoku? Ngoku, ungumntu okholelwa kwizigaba zamaxesha.” Ntoleyo, ndiyiyo. Ndiyakholwa ukuba uThixo

unjalo naye. Phawula, qaphela. “Uphelelwe zizigaba zamaxesha eziyimizekelo. Kuba, ukuba uyakubeka enye into engaphaya kwala mhla wesixhenxe, uzakuyifumana njani ke? Uyaphi ngoku?”

²⁰⁶ Kulungile, ndizakutsalela umdla wakho kwinto ethile, 'yabona. 'Yabona? Hayi, akunjalo, andiphumelanga ngaphaya kwezigaba zamaxesha, akukabi njalo. Ndinaso esinye iSibhalo apha. Kwaye, khumbula, siSonke simelwe kukuba sizaliseke suntsu ngalinye Laso. 'Yabona?

²⁰⁷ Ngoku uthi, “Mzalwana Branham, uzama ukufaka into ethile engaphaya edlule kulaa mhla wesixhenxe, laa sabatha yomhla wesixhenxe.”

²⁰⁸ Njengokuba uThixo wenza umhlaba wasebenza imihla emithandathu, waze waphumla ngesixhenxe, oko yayingumzekelo wexesha kuphela, ixesha. Kodwa bendisandula ukutsho apha, singene ekubeni nguNaphakade.

²⁰⁹ “Ngoko uphi umzekelo wakho ngoku? Uthe wena ungumntu othelekisa izinto. Ngoko, wena, uphelelwe yimizekelo ethelekiswayo ngoku.” Hayi, andiphelelwanga. Masifumanise nje ukuba sinawo na.

²¹⁰ Masiye kwiLevitikus, emva kwisahluko sama-23 seLevitikus. Ngoku ndifuna ukuba uqaphele kwiLevitikus, apho besikhona kwiCawe ephelileyo, okanye kwephelileyo . . . Nantsi into endinike ukuqonda, kanye apha. Isahluko sama-23 seLevitikus, nevesi yama-26.

²¹¹ Ngoku khumbula, isixhenxe imihla yesidlo. Isidlo samaxilongo, isidlo se—seminquba, isidlo sokutshanga-tshangiswa kwesikhwebu, i . . . Yonke le nto, isixhenxe imihla emikhulu yesidlo, loo nto yayingumzekelo kuphela weZigaba eziSixhenxe zeBandla. Yaye uyakhumbula ukuba zingaphi na iisabatha ezazilapho phakathi kwesinye nesinye? 'Yabona, ziisabatha ezisixhenxe phakathi kwePentekoste namaxilongo, leyo yayiziZigaba eziSixhenxe zeBandla. Yaye zazisixhenxe iintsuku zesidlo, oko kwakumele iZigaba eziSixhenxe zeBandla. Makaqhubele phambili njalo amanani akho.

²¹² Uthi, “Ke, ngoku, Mzalwana uBranham, sowuphelelwe. Usifumene isixhenxe sakho.”

²¹³ Kulungile, masithabathe isidlo sokugqibela, esi sisidlo seminquba. Ngoku qaphela apha kwisahlukwana sama-36.

Iintsuku ezisixhenxe nosondeza ukudla kwasemlilweni kuYEHova: ngosuku lwesibhozo yoba yintlanganiso engcwele kuni (kukho ixesha elingcwele lizayo) . . . yintlanganiso engcwele kuni; nisondeze ukudla kwasemlilweni kuYEHova: yingqungquthela; ize ningenzi msebenzi wakukhonza.

214 Ngoku sino “mhla wesibhozo.” Ngoku, sineentsuku ezisixhenxe kuphela, kodwa apha sithetha ngo “umhla wesibhozo,” engcwele ingqungquthela, ingqungquthela. Qaphela, “Ungenzi msebenzi ngawo.” Umhla wesibhozo, u (yintoni?) buyele kumhla wokuqala. Kuba, uthetha ngenguNaphakade, njengokuba ujikeleza uqhubela phambili ungenandawo uma kuyo. Amen. Niyayibona? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

215 Qaphela, yayikwangulo mhla wesibhozo. Usuku lokugqibela, umhla wesidlo seminquba, qaphela emva koko, emva komhla wokugqibela wesidlo, emva kweSigaba seBanda sokugqibela, emva kwemihla epheleleyo esixhenxe yokugqibela phezu komhlaba, emva kweMillenium, kungoko apho ifika khona le Ngqungquthela ingcwele.

216 Khumbula, esi sisidlo seminquba, *kwakhona* iminquba, “iindawo zokuhlenganisela.” Amen! Phi, “KwiMillenium,” iBhayibhile yathi, “Bayakwakha izindlu; bazihlale.”

217 Kodwa kumhlaba oMtsha, nguYe osele eyile waya kulungisa indawo. Seyakhiwe. Asinanto yakwenza nokwakhiwa kwayo. Amen. NguNaphakade! Owu, ndiyalithanda nje iLizwi! Bethu! ENgcwele iNtlanganiso, umhla wesibhozo. Oku kuthi, ziintsuku ezisixhenxe kuphela. Ukuze ngomhla wesibhozo, obuyela ekuqaleni kwisuku lokuqala kwakhona, ubuyela emva kumhla wokuqala, usuku lwesibhozo luyeNgcwele iNgqu- . . . iNgqungquthela.

218 Qaphela, imihla esixhenxe, ibhekiselela kuphela kwindalo endala, ixesha lehlabathi. Imihla esixhenxe, yiMillenium, leyo, umhla wokuphumla. Njengokuba uThixo wasebenza imihla emithandathu, waphumla ngowesixhenxe; iBandla lisebenza iintsuku ezintandathu, lize liphumle ngolwesixhenxe, kodwa usekwisixa sexesha. Andithethi ngenguNaphakade.

219 Kodwa, uyabona, akukho nto injengeentsuku ezisibhozo apha; uphindela emva kwisuku lokuqala kwakhona, 'yabona, umhla wokuqala.

220 Isabatha ithetha ngomthetho omdala, owawuzakudlula. Ukugcinwa kwesabatha, eya “dlulayo,” okanye, ndithe, “eyakuguquka yaba yenye into.” Ayizange idlule; yatshintsha nje isuka kumthetho omdala, wokugcinwa kosuku lweveki.

221 U-Isaya, isahluko se-19, uthe, ndiyakholwa ku-28:19, uthe, “Ummiselo phezu kommiselo; intwana apha, intwana phaya.” “Bambelela koko kulungileyo.” “Kuba Ndiyakuthetha ngemilebe ethintithayo nangalwimi zimbi kwaba bantu. Nantsi indawo yokunyahmyheka.” 'Yabona?

222 Ungena eBomini, hayi ukugcinwa komhla okanye isithunzi. UPawulos wakuthetha oko, ngaphaya kumaHebhere isahluko se-4. “Nigcina imihla nezithunzi, nezinto ezilolo

hlobo; ndinoloyiko ngenxa yamava enu.” ’Yabona, asidluleli kwiintsuku ezithile nakwiinkqubo. “Udlule ekufeni wangena kuBomi obunguNaphakade,” hayi kwimihla namaxesha. Udlule waya kungena kwinguNaphakade. Leyo ke yengcwele iNgqu- . . . iNgqungquthela, ingqungquthela, gxebe.

²²³ *Imihla esixhenxe*, khangela, eyayi “dlula,” okanye, ndithe, eya “kutshintshela kwenye into.” Yimihla esibhozo isebenza ngendalo entsha, ’yabona, hayi indalo endala. Imihla esibhozo yindalo entsha.

²²⁴ Kuba, kwakungomhla wesibhozo eyathi iNkosi yavuka kwabafileyo. Nantso enye ingqungquthela yakho, ubungcwele; hayi ukugqalwa kweesabatha, konke konke, okanye isidlo seminquba, isidlo *soku*, nesidlo sePentekoste. UYesu wavuka kwabafileyo, ukuze kungcwaliswe thina, ngomhla wesibhozo. Emva kweesabatha ezisixhenxe, okanye imihla esixhenxe, iZigaba eziSixhenxe zeBandla, uYesu wavuka kwabafileyo. Umhla wesibhozo, yingqungquthela engcwele, ’yabona, engumhla wokuqala.

²²⁵ ’Yabona, sewudlule, udlule ngaphaya kwexesha, kwaye ungena kwinguNaphakade kwakhona; hayi ukugcinwa kwemihla, nokugcinwa kweesabatha; iinyanga ezithwasileyo, nezinto ezilolo hlobo. “Ngoku *udlule*,” utshintshile ukusuka kwenye imo; awubhangiswanga. Uzuko! “Koko udlule ekufeni wangena kuBomi obunguNaphakade.” Owu, ayisifundisi ngako iBhayibhile! ’Yabona, udlule kwenye into ukuya kwenye.

²²⁶ Kulungile, “dlule,” isabatha endala idlule. UYesu wavuswa ngomhla wesibhozo. Yayiyimini endilisekileyo, engcwele. Yayingengomhla; kuba umhla, ixesha, lalisele liphelile. Ladlulela kwinguNaphakade. ’Yabona, lajikela emva ekuqalekeni komhla kwakhona. ’Yabona?

²²⁷ InguNaphakade ifana ne—nesazinge. Awunakufumana ndawo iyikona kuso. Awunakuba nandawo yakuma kwisangqa esigqibeleleyo. Uqhubela phambili njalo. Andikhathali nokuba uhambe wabhekela phaya kangakanani na, usahamba nangoko. Ungaqalisa ukuhamba ujikeleza *ngolu hlobo*; uphumele emgangathweni, uphumele emhlabeni, uye ngaphaya komhlaba, usaha- . . . [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]

²²⁸ Zonke izinto ezadalelwa *apha* phantsi, zigqwethiwe, azidalwanga, nguSathana, ziyakuwa ziphele xa iintsimbi ezinkulu zegolide neXilongo liyakukhala.

²²⁹ Yaye phaya emva ekuqalekeni, apho i-ankile yenziwa khona e-Eden, xa umntu weza emhlabeni waza wawa, imvu encinane yaphalaza igazi layo, loo nto yayithetha ngeMvu enkulu eyayiyakuza ichithe iGazi laYo. IKalvari yenyusa umnqamlezo, oko kwakuvala kwiTestamente eNdala; kwabo

bagwetyelweyo, baKulindeleyo. Kwaye kwesi sigaba sitsha, eKuzeni kweNkosi, kuMhlaba oMtsha, intambo yosindiso (iGazi, aMandla okuhlangula endithetha ngawo, nangenkqubo enye ehlangule kokubini umntu nomhlaba) iyakuvuka inyuke iye kungena kwinguNaphakade kwakhona. Ukuze iDike loMlilo libe liyakudla yonke into echasene nobuthixo nengamiselwanga ngenxa engaphambili kuLo. Niyayibona?

²³⁰ Qaphela, ngomhla wesibhozo, uYesu wavukela ukungcwaliswa kwethu. UKumkani onguNaphakade, enoBukumkani obunguNaphakade ekumelwe kukubhaptizelwa kubo, ukuya kuBomi obunguNaphakade. Hayi imihla esixhenxe; oba babungenanto yakwenza nazo naziphi na iintsuku. Uthetha ngenye into, inguNaphakade elizayo; lithetha ngexesha elinguNaphakade, iHlabathi endithetha ngalo.

²³¹ Kwaye, qaphela, emva kweentsuku ezimashumi mahlanu okanye iisabatha ezisixhenxe ukusuka ngoko, kwakhona kuza enye iconvocation engcwele. Kwenzeke ntoni? UMoya oyiNgcwele wawa ngoMhla wePentekoste, umhla wesixhenxe... Okanye, umhla wesibhozo, gxebe, umhla wesibhozo, wawa ngosuku lwesibhozo. Yayizisabatha ezisixhenxe ezidluleyo, ngokuchanekileyo, emva kovoku lwaKhe, 'yabona, ngoko ibiyakuba sisixhenxe siphindwe kasixhenxe kwakhona, oko kusibuyisele emva kanye kusuku lokuqala lweveki kwakhona, ngokuchanekileyo. 'Yabona?

²³² Nantso ke ingqungquthela yakho engcwele, hayi enye into enokuthanani nezinto ezibambekayo. Kudlulwe ngaphaya kwaloo nto. Kungenwe kuBukumkani bukaThixo, obubuBomi obunguNaphakade, kunye nabamiselwa ngenxa engaphambili nabangazange babe nasiqalo. Abuzange buqale nangawuphi na umhla. Awuzange usindiswe ngawo nawuphi na umhla. Ubuhleli usindisiwe. Amen. UYesu weza nje ukuza kuhlangula oko; kodwa wawusindisiwe, ukusukela ekuqalekeni, kuba wawunoBomi obunguNaphakade, indawo yokuqala.

²³³ Intlanzi enkulu yasezintabeni ayinakuze ibe yintlanzi nje enkulu nokuba ngunojubalala. Isenokuba kwakuloo manzi manye kunye nayo, kodwa ibihleli, ukusukela ekuqalekeni, iyit-trout. Umnatha uyibambise nje kuphela, 'yabona, kodwa ibiyiloo nto kwasekuqalekeni. Nantso ke loo... .

²³⁴ Ngoku, asiphumelanga ngaphaya kwezigaba zethu zamaxesha. Ingaba siphumele? SiseSibhalweni kanye. Kumashumi amahlanu eentsuku, uyafika.

²³⁵ 'Yabona, isibhozo asinakubalwa kunye neveki. 'Yabona, asinakubalwa, imihla esibhozo evekini. Awunakuyenza loo nto, 'yabona, ngokuba zisixhenxe kuphela iintsuku evekini. Yibale nangaluphi na uhlobo ofuna ukuyibala ngalo. Icawe

lusuku lokuqala lweveki. 'Yabona, ubala isixhenxe, uze ubuyele emva uphinde uphinde kwakhona. Ubala isixhenxe, uze ubuyele emva uphinde uphinde kwakhona. 'Yabona?

²³⁶ Yaye siphile saphumela ngaphaya kuloo mizekeliso ilapho, kodwa, wakuchatha olwesibhozo, ungena kwinguNaphakade. Awuhambi ngamithetho, nazithethe, nazinkqubo. Uza ngokumiselwa ngenxa engaphambili. Amen! Nantso ke eyeyene, ingqungquthela engcwele! 'Yabona? Yaye sigqibezela isigaba sesixhenxe sebandla, isigaba sebandla, isigaba sePentekoste. Niyayibona? Singena kulaa ngqungquthela ingcwele. Singena kuleyo iyinene, iyiyo, inguNaphakade, apho iBandla libiziweyo; lingasuka kwisikhululo esithile, kwimvaba ethile, koko lingena kwinguNaphakade nobuKumkani obunguNaphakade walo. 'Yabona? Asinayo konke konke, akukho nto ifana neentsuku, nezinto ezinjalo, namaxesha. Udlulele kwinguNaphakade, apho wawuvela khona. WawuLapho, indawo yokuqala. 'Yabona?

²³⁷ Ukuba unoBomi obunguNaphakade, lunye kuphela uhlobo, nguThixo, yaye wena usisibonakaliso siqondakalisiwe. 'Yabona? Ukuba u... Ukuba awunjalo, awusayi kuba phaya, nakanjani na. "Akukho mntu uyakuza kuM engathanga uBawo waM amtsale." 'Yabona? Ntoleyo, "ukudlula" zonke ezi zinto; kodwa ezi iZinto azidluli, ngoko ke oko kuthetha inguNaphakade. UMoya oyiNgcwele unguNaphakade. Ngoko, ukwinguNaphakade, ngeli thuba wawuhleli ukulo lonke ixesha, ntonje usandula ukuqaphela oko kwenzekayo.

²³⁸ 'Yabona, wenziwa wanguNaphakade ngenjongo, ngokuba wawu—wawusisibonakaliso senxalenye yesibonakaliso esasikuThixo, owacinga ngawe waza wakuvakalisa; waza Weza umhlaba ukuze akukhuphe kuwo, akwenze ukuba ube ngumntu. Saza isono sangenelela sayigqwetha indlela yaKhe. Weza, nakanjani na, kodwa walahleka kunye nehlabathi. Ngoko Yena Weza kusuhlangula, isibonakaliso saKhe esivelisiweyo, aze kwakhona ahlangule ihlabathi ngaloo ndlela inye. Ngoko, injongo yaKhe isaqhubela phambili. 'Yabona? Owu! Halleluya! Owu, loo nto indivuyisa ngokukhulu, cinga ngoko kusilindeleyo!

²³⁹ Ngoku, kuma-Efese 1:10, kubizwa... Ngoku, ukuba uyabhala, kuma-Efese 1:10, kubizwa ngokuba, akusosigaba saxesha, kungengomhla wasixhenxe. Kubizwa ngokuba, "Yinzaliseko yamaxesha." Ukuze xa "inzaliseko yamaxesha" ithe yafika, ngoko kuxa ixesha selizalisekile. Xa kungasekho xesha konke, ngoko uyakungena kwinguNaphakade, emva kokuba isigaba sesixhenxe sebandla sidlule, yaye kunjalo; isigaba sikaLuther sidlule, isigaba samaWisile sidlule, isigaba senkonzo kaMoya sidlule. Ke ngoku uyakungena e (ntweni?) kwinguNaphakade; akusekho zixhenxe, akusekho zithathu,

akusekho nanto iyenye. BakwinguNaphakade, apho kungekho xesha linjengamanani, namaxesha, nezinto ezinjalo. Amen! Owu, bethu! Uyabona ngoku?

²⁴⁰ Okanye, emva kokuba ixesha lizalisekile, sonke isono siphelile, sisusiwe, kwiMillenium, kuMgwebo omkhulu weTrone eMhlophe. (Umzekelo, ngoMoya oyiNgcwele.) Emva kokuba ihlabathi litshile labhaptizwa, ubhaptizo lwalo loMlilo oNgcwele ophuma eZulwini; sonke isono singasekho, zonke iintsholongwane zingasekho, zonke iidemon zingasekho, zonke izilingo zokohlakeleyo zingasekho, konke okubi kungasekho. (Umzekelo ngoku.) Ngoko wenza ntoni uThixo? Angahlala phezu komhlaba, 'yabona, ngokuba sonke isono asisekho.

²⁴¹ Ikwayiloo nto inye Ayenzayo xa Ekunika ubhaptizo loMoya oyiNgcwele noMlilo. Angeza ahlale ngaphakathi kuwe, saye sinokuhlala kwiindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu, ngokuba sele sikuYe kakade. Hayi ukuthi si "yakuba." Sihleli ngoku kuKristu Yesu. Singena njani kuloo nto? Ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele olunye. "Sabhaptizelwa kuKristu ngaMoya mnye," okuthetha ukuthi, sikuye ngoku. Asiyi "kuba" kuKristu; sikuye! UnguKumkani omkhulu wokomoya olawula uMoya ongaphakathi kuthi, ngokuba sasikuYe ekuqalekeni.

²⁴² 'Yabona, uThixo, ekuqalekeni, xa Wayecinga ngawe waze wacinga nangabanye abanjalo, wayecinga ngesiqu saKhe enokubambeka. Yayiziingcinga zaKhe loo nto. 'Yabona? Ngoko, Wazivakalisa iingcinga zaKhe ngeLizwi. Wathi, "Makubekho." "Makubekho," kwaze kwakho. "Makubekho," kwaze kwakho.

²⁴³ Ngoko, emva komzuzwana, Wahlala njalo esithi, "Makubekho," bade abantu bathi, ngenye imini, "Makungathethi uThixo!"

²⁴⁴ Wathi, "Ngoku Ndiyakuthetha kubo ngomprofeti." 'Yabona? "Ukusukela ngoku ukuya phambili, Ndiyakuthetha kubo ngomprofeti."

²⁴⁵ Waze umprofeti wathi, "Kuyakufika; kuyakubakho," kwaze kwakho, kwaze kwakho. Kwaze kwakho, kwaze kwakho, 'yabona, ngolo hlobo nje. Niyayifumana ngoku?

²⁴⁶ "Inzaliseko yamaxesha" ifikile emva kokuba ixesha selizalisekile. Isono asisekho, emva kobhaptizo lwehlabathi, emva kokuba ubhaptizo lwehlabathi lulwenze lwayindawo efanelekileyo; kungekho kugula, kungekho zintsholongwane; kungekho meva, kungekho nkunzane; kungekho kufa, kungekho lusizi, kungekho buhlungu bantliziyo; kungekho kwaluphala, nanye into eyakumela ukufa; nanye into ephosakeleyo; kulunge konke; kungekho nto iyeyesiqhelo nje. NguNaphakade!

247 Ngoko, isibonakaliso saKhe siyabonakalaliswa ngokuba sasikho, ekuqaleni, indawo yokuqala. Yiloo nto Awayecinga yona. [UMzalwana uBranham ucacisa ebhodini—Mhl.]

248 Kwaze ke kwenzeka ntoni? Wabeka u-Adam no-Eva apho phezu komhlaba, wathi, “Qhamani ngoku niwuzalise umhlaba.” Imizimba yabo yayilaliswe apha phandle, ukuze ube nokudla kwenzeke umzimba wakho. Nantso indlela Awayenza ngayo loo nto.

249 Kodwa isono safika saze saliphazamisa icebo laKhe. Siyaqengqeleka siyaqhubeka, ngokufanayo nje, nexesha lenza njalo.

250 Kodwa wenza ntoni uYesu? UThixo wehla waZibonakalalisa ekwimo yeNdoda, umntu; wanikela ngobomi baKhe, endaweni yokuba ahlale apha. Kuthethe ukuthi, WayenguKumkani, kodwa WaZinikela ukuze ahlangule abanye. Niyayifumana?

251 Kwaye xa sekuphele konke, ngoko kuyatsalwa kubuyele kanye emva, kwaye injongo kaThixo iyakube izalisekile. Nanko uKumkani onguNaphakade kwakhona nabo baphantsi kwaKhe banguNaphakade, bebonakalaliswe bekwinyama yomntu, kanye ngale ndlela waYeyibona ngayo; isono sisusiwe; umtyholi akasekho; kwenzeke konke ngoku.

252 Yintoni eyakwenza loo nto? Lo mhlaba ubungeke ube yindawo yokuze kuhlale iZulu ngoku. Wukhangele, isono. Kuyakunyanzeleka ukuba ucocwe.

253 Akukho ndoda, akukho mntu, akukho mfazi, nkwenkwe, ntombazana, andikhathali nokuba ingubani na, ekulungeleyo ukungena epulpitini, okanye ibange kwa ukuba inguMkristu, ngaphandle kokuba ibe izaliswe ngoMoya oyiNgewele. Awunasabelo kwisidlo seNkosi sangokuhlwa, okanye nabuphi na ubudlelane, ukuhlanjwa kweenyawo okanye nantoni na eyenye, ude ube ucociwe ngoMoya oyiNgewele kaThixo.

254 Akukho ndoda inelungelo lokushumayela ngaphandle kokuba, njengoMosisi, uhlangene naYe phaya phandle kulaa mihlaba ingewele, laa Ntsika yoMlilo ijinga phaya, apho aziyo ukuba uphi na. 'Yabona?

255 Qaphela ukuba kunjani na, indlela ezihamba ngayo. Emva kobhaptizo loMlilo lwehlabathi, zonke iintsholongwane ziphelile, luwenzu ube yindawo efanelekileyo ngoko yokuba iZulu lihlale apha emhlabeni.

256 Ngumzekelo, ngoku, wokuhlala kwiindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu; sidlule koku, ukungcola kanye njengokuba kwakunjalo kulaa mfazi mncinane; ukuya kwizibonakalaliswa zikaThixo ezivakalisiweyo. “Ngoku singooNyana bakaThixo,” hayi ukuthi *siyakuba* ngabo. Sizizibonakalaliswa zokucinga kukaThixo. 'Yabona?

257 Ngoku uthi, “Ke, khangela kulo mpriste. Ingaba yena wayengenguye uNyana kaThixo?” Kuyaqondakala ukuba wayengenguye. Akaqaphelanga ntoni? Ingaba uthe, “Ndiyakholwa kwiBhayibhile”? Ngokuqinisekileyo. Kodwa akhange abe nakuqaphela iLizwi elivakalisiweyo lexesha. Ube nokufunda nje kwengqondo okuphuma kwiqela ebelimxhasa.

258 Kwaye kuyiloo nto inye namhlanje! 'Yabona? Ndiyazi ukuba oko kungqwabalala, kodwa kuyiNyaniso.

259 Lalikho iLizwi, elalithethelwe kanye loo mhla; kwaye, yena, nakubeni wayesisifundiswa, nakubeni wayengumntu obalulekileyo, kodwa wayengenakuLiqaphela. Kuba? Akunamsebenzi nokuba wayesisifundiswa kangakanani na, nantoni na elolo hlobo, nangoko wayengenanto immeleyo yonyulo lwakwangaphambili. 'Yabona?

260 Kuphela ngabo babenyulwe kwangaphambili abayakuba ngabo abaphumelelayo; kunokuba njalo kuphela. Kwaye ungakwenza oko kuphela...Ngokuba, khangela, oko kuqondakalalisa unyulo lwakwangaphambili. Kuba, ukuba unoBomi obunguNaphakade umelwe kukuba wawuyinxenye kaThixo lonke ixesha, kuba nguYe kuphela OnguNaphakade. Uyayibona? Owu, bethu! Yicinge.

261 Ngoku khangela ukuba kwenzeka ntoni na ngexa leMillenium enkulu. Isono asisekho, iMillenium ngoku ingene, lixesha ngoku lokuba uMoya oyiNgcwele uthabathe indawo yaWo.

262 Njengokuba Esenza kuthi, “sidlula ekufeni singene eBomini,” sihlale kwiindawo zaseMazulwini kuKristu, kuBukho baKhe obuzukileyo. Nkqu nokufa kwenyama kuyakudlula ngoko; njengokuba ukufa koMoya kudlule ngoku.

263 Akukho nto ifana nokufa komoya ngoku, ko—kongcwele kaThixo obhaptiziweyo. “Nakuba ebefile, uyakudla ubomi. Lowo udla ubomi ekholwa kuM akasayi kufa.” Sonke iSibhalo, Simelwe kukuzaliseka. 'Yabona? Awunakufa. UnoBomi obunguNaphakade. Inye into, uMhlanguli ukwenze wayiqonda loo nto. Kwaye wawuhleli uYiyo, yaye naso isizathu sokuba uwubone umhla ophila kuwo. Bangaphi abayibonayo loo nto? Phakamisa isandla sakho. 'Yabona? Enkosi. 'Yabona? Umhla esiphila kuwo, uwuqaphele.

264 Ngoku, umWisile uthi, “Xa ukhwaza, uWufumene.” Abaninzi babo bakhwaza babe bengaWufumenanga.

265 Owenkonzo kaMoya uthi, “Xa uthetha ngeelwimi, uWufumene.” Baninzi abathetha ngeelwimi, babe bengaWufumenanga.

266 Khangela indlela, konke ukuzimilisa ababenako abo baFarisi, kodwa lathi iLizwi lakubonakalaliswa, abaLiqaphela. 'Yabona? 'Yabona?

²⁶⁷ Kwaye ukuba unguMtshakazi, uMtshakazi uyinxenye yoMyeni. Kwaye ukuba...Inye indawo onokuze uLiqonde ngayo, kukuqonda ukuba yeyiphi na indawo yaloo Myeni (iLizwi) oyiyo, ungenjalo awunakuze uziqonde ukuba unguMtshakazi. Bangaphi abayibonayo loo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] 'Yabona? 'Yabona? Umelwe kukuyiqonda indawo eyeyakho.

²⁶⁸ Awunakuqonda eyomnye umntu. Kungathini ukuba—kungathini ukuba uMosisi wayeze nomyalezo wodaba lukaNowa? Aze uNowa abe yinxalenye yawo, kodwa ngeyayingasebenzanga loo nto. Bekunokuthini ukuba—ukuba—ukuba uYesu wayefike noMyalezo kaMosisi? Ngewawungasebenzanga. 'Yabona, yayisisigaba esahlukileyo, yayisisiprofeto esahlukileyo, inxenye eyahlukileyo yeLizwi yayimelwe kukuzaliseka kuloo ndawo. Babe lolunye usuku lweveki. Hayi, umsebenzi wangoLwesibini awunakwenziwa ngoLwesithathu. Kwaye uLwesithathu umelwe kukwenziwa ngoLwesithathu. 'Yabona? Umsebenzi wangoMgqibelo umelwe kukwenziwa ngoMgqibelo. 'Yabona?

Kwaye, bona, babeqaphele, "Owu, uMosisi, sinoMosisi."

²⁶⁹ Wathi, "Ukuba nanimazile uMosisi, ngenindazile Mna, kuba Yena wangqina ngaM. 'INkosi uThixo wenu uyakovelisa umprofeti okwanjengam nje." Niyayifumana imfumu? Owu, bethu! 'Yabona?

²⁷⁰ Ngoko uYesu wathi kuYohane 14, "Xa Athe uMoya oyiNgcwele, wafika, Uyakunikhumbuza ezi zinto, 'yabona, anibonise ukuba niphila kowuphi na umhla. Ke ngoko, enye into eniyakuMazi ngayo, Uyakunibonisa izinto eziyakwenzeka," 'yabona, 'yabona, ibuyela kanye ekubeni sisiprofeto kwakhona, "xa athe Wafika." 'Yabona?

²⁷¹ KuMhlaba oMtsha naMazulu aMatsha, akunakuze kwenziwe mnyama kwakhona, xa loo Mhlaba Mtsha uyakuza. Umtyholi uyakukhonxwa...uSathana, usakhululekile; ungummangaleli. Kodwa kuMhlaba oMtsha, uyakukhonxwa aphoswe kwiDike loMlilo, kulo Mlilo uNgcwele.

²⁷² Ngoko, kuloo Mhlaba Mtsha, masikhangele kuwo okwemizuzwana ngoku. Kulo Mhlaba Mtsha, isibhaka-bhaka asisayi kuba mnyama kwakhona; hayi, loo nto ivela kwisiqalekiso, 'yabona. Asisayi kuba mnyama kwakhona sinamafu anomisindo. Imimoya ayisayi kubhudla kuso kwakhona ngolo hlobo. Hayi. Awusayi kunqumla imithi, uncothule izindlu, ubhukuqe izinto. Umbane nengqumbo ayisayi kubila ivela kuSathana phaya, ize ibulale umntu ehamba esihla ngendlela, okanye itshise isakhiwo. 'Yabona? Hayi, akusayi kuba njalo. Akusayi kubakho ziinkanyamba zihla zitshayela, okanye izitshingi-tshane ezinemvula neenkanyamba, ziphephethekise izindlu, zibulale abantwana

abancinane, nezinto ezinjalo. Ehe, ayisayi kubakho loo nto kwakhona. Ukuzama ukutshabalalisa, akusayi kubakho apho. USathana ulahlelwe ngaphandle.

²⁷³ Ndingqwenela ukuba sibe besinexesha ngoku. Ndidlula nje kwiZibhalo, ngoku, ukuze singashiywa kakhulu lixesha. Ndimelwe kukuthandazela abagulayo.

²⁷⁴ AMazulu nomhlaba ahlange; uThixo nomntu baxolelanisiwe. I-Eden ebuyiselweyo iqalile; 'yabona, sonke isiqalekiso asisekho.

²⁷⁵ Kanye njengokuba, sonke isiqalekiso sesono simnkile xa uMoya oyiNgcwele ekwamnkela. 'Yabona, asinguwe oWamnkelayo; nguWo okwamnkelayo, 'yabona, kuba Usisibonakalaliso sikaThixo. 'Yabona, ukuba UnguMoya oyiNgcwele, oko kuthetha ukuthi, nguMoya kaThixo; kwaye usisibonakalaliso, ingcinga kaThixo, ikwamnkele ngenxa yokuba wawumiselwe loo njongo. 'Yabona? Ukanti, wazalelwa esonweni; kodwa uThixo wayenaso eso sibonakalaliso, kwaye apha uzivakalise apha emhlabeni, waze Wehla ukuza kukulanda. 'Yabona, ubuyeke *apha*; *apha* kulapho ungowakhona. 'Yabona? 'Yabona, isono silahlekwe ngamandla aso. Kunjalo. Umnqweno wesono sowaphela entliziyweni yakho, xa uMoya oyiNgcwele engena. Ungumntu obuyiselweyo.

²⁷⁶ Ke ngoko xa ihlabathi libuyiselwe, kwangaloo nto inye, akusayi sabakho siqalekiso, akusekho zitshingitshane zemvula, akusekho mimoya, akusekho zinkanyamba—zinkanyamba, gxebe. Uxolelanisiwe; umntu noThixo bahlangene. UMhlaba oMtsha uyakubakho uvathe ubuhle bawo base-Eden kwakhona. UMhlaba oMtsha uyakuqhakraza, wona, emva kobhaptizo lwawo loMlilo.

²⁷⁷ Cinga nje, liyakulumekeka litshe. Iziqalelo ziyakutsha ngu—ngumlilo ongacimekiyo. Yonke imisebenzi esemhlabeni iyakutsha. Wonke amanzi ayakudubula; ayakulumekeka adubule konke. Yonke into iyakudubula. Kuyakugqabhuka iintaba-mlilo kananjalo, amawaka eemayile emoyeni, ayakubhabha enolwelo oluvuthayo bubushushu. Yonke intsholongwane... UMoya oyiNgcwele kaThixo uyakuhlambulula lonke ibala laso sonke isono nayo yonke into. Wonke umtyholi uyakube ekhonkxiwe waphoswa kwiDike loMlilo, uMlilo odlayo, uMlilo wengqumbo kaThixo.

²⁷⁸ Akukho silo siyakubakho apho sinokukutshabalalisa kwakhona. Xa usihla ngendlela, kwimiyezo yeentyatyambo, yaye akusayi kubakho nyoka iyakukufuthela ikulume, ngobuhlungu bayo obubulalayo. Owu, bethu! Akuyi kumangalisa? Phulaphula. Akusayi kubakho kwanto kuloo Mhlaba Mtsha eyakufumba ibe yindulana yomhlaba otyheli, wengcwaba; akusayi kubakho apho konke.

279 Umntu noThixo bahlangene; uMtshakazi noMyeni. AMazulu nomhlaba athe angana; uThixo uhlele ukuza kuhlala phakathi kwabantu. Umnquba wakhe unabo.

280 Akusayi kubakho sono, akusayi kubakho lusizi. Akusayi kuze kubekho nyembezi iyakuhla kwisidlele sikamama, iwele usana lwakhe. Amen. Ayisayi kubakho loo nto, kuloo Mhlaba Mtsha. Hayi. Uhlangulwe. UngowaKhe, yaye ungowabaKhe abahlangulwayo bakhutshwa kuwo. 'Yabona?'

281 Yaye, khangela, uyinxalenye yaloo mhlaba wena. Ingaba kunjalo? Kwaye ekukuhlanguleni kwaKhe, Wahlangula umhlaba kwangaloo nto inye, nihlangene ke kwakhona. Owu, ayinakucaca ngokungaphezulu. 'Yabona? Umelwe kukuba uhlangulwe kuba uyinxalenye yawo. Kwaye ukuba iGazi alizange lithi chapha kuwe, awukahlangulwa unangoku; awubizwanga. Ngoko Wawucoca; yiloo nto inye Ayenzayo ngoMlilo. Nkqu, iGazi laphalazwa, usafanelwe ke kukucocwa ngoMlilo, kunjalo, ukuze ube yindawo yokuhlala kaThixo.

282 UThixo sewaqalisa ukuhlala kwaKhe, ngokunokubakho. UBukumkani bukaThixo busemhlabeni ngoku, ezintliziyweni zabangcwele baKhe. Zizibonakalaliso zaKhe Awaziqala ekuqalekeni. Ngoku izibonakalaliso zaKhe zihlangulwe. Ulindle ntoni ke Yena? Ukuhlangula umhlaba, ukuze abeke izibonakalaliso zaKhe kuwo, ukuzalisekisa ngokuchanekileyo icebo laKhe elamiselwa ngenxa engaphambili. Niyayibona?'

283 Qaphela, akukho mangcwaba, akukho kuphalala kweenyembezi, aneke, akusekho kuphalazwa kwegazi. Awunakuze umanziwe kukuchaphaza kweenyembezi okanye igazi. Hayi. Akusayi kubakho zimfazwe. Hayi. Akukho mafu obusika. Akukho khephu libandayo phezu kwesifuba sawo; alisayi kuze lilale apho phezu kwawo kwakhona. Ilanga elishushu alingekhe, alinakuze liyitshise ingca yawo. Halleluya! Nditsho nentlango iyakuhluma iintyatyambo. "Leyo indala, intlango encangathi iyakudubula, ngenye imini, njenge-rose," uThixo utshilo; xa seyihlangulwe, ekuthabatheni kwayo ubhaptizo lwayo loMlilo. Zininzi iintlobo zezihluma zasentlango ezingenamagqabi nezinto ezihlabayo nayo yonke into apho ngoku, kodwa ilindelwe lubhaptizo loMlilo oluzayo.

284 Njengokuba wayenjalo umntu, ngethuba wayesenentiyo, ikratshi nembambano ngaphakathi kwakhe; xa ubhaptizo loMlilo lwafikayo, lwakucoca kwaphela oko. Akusekho mona, akusekho kwanto; ngokupheleleyo nje yindawo yokuhlala kaThixo. Kwaye, khumbula, lowo ngomele Yena ayakuhlangana naYe ngaphesheya phaya. Amen! Owu, enjani. . .

285 Ayilobali nje elo; yiNyaniso leyo. Yinto eyathethwa nguThixo. Koko Wakubeka ngedinga. Nantso into ayakuyo uMtshakazi. "Nkqu intlango," Wathi, "iyakudubula, ibe yintyatyambo."

²⁸⁶ USathana, isono, naboni, abasekho, ngonaphakade. Konke kuphelile, kungeniswe kwinguNaphakade. Nako konke okwakugqwethiwe, laa Ngelosi iyeyona inkulu yayihleli phaya ngenye imini, uSathana, owenza konke oku kungcola, uyakutshatyalaliswa. Niyakhumbula, iBhayibhile yathi, “Ukuba loo mphefumlo awuyi kwenza njengoko Wenzayo, wathi mawenze, Uyakuwutshabalalisa nokuwutshabalalisa loo mphefumlo.”

²⁸⁷ Kodwa, uyabona, AkanakuZitshabalalisa aze ahlale enguThixo. Ngoko, ukuba loo mphefumlo ungowehlathi, umelwe kukutshatyalaliswa. Kodwa ukuba unguNaphakade, kunye noThixo, awuzange uqale, ngokuba uyinxenye kaThixo kwaye ungenakuze utshatyalaliswe. Amen! Yenjani ukuba ntle! Indlela—Indlela esinombulelo ngayo, kukuba iBandla limelwe kukuyibona loo nto!

²⁸⁸ Bantu, konke enakwenzayo kulapha. Nantso into endizama ukuyithetha. Ndiyaziqakatha ezinye zaloo nto ngokuba ndifuna ukubuyela kuyo kwakhona.

²⁸⁹ Nkqu ezi zinto, uSathana, aboni, abasekho, ngoNaphakade; bengasayi kuze babekho kwakhona. Konke... 'Yabona, uSathana akakwazi kudala. Ukuba uyakwazi, unguThixo. 'Yabona? Into anokuyenza kukugqwetha kuphela oko kudaliweyo. 'Yabona? Yaye konke okugqwethiweyo kuyakuba njalo, ukugqwetha, kuyakuphuthiswa. Ukufa ke kukugqwethwa kobomi; xa ke kuthe kwaphela okugqwethiweyo, akusayi kubakho kufa kwakhona. Ukuguga luphawu lokufa; kwaye xa uguga sekumnkile, kungena ubomi. Yonke imiqondiso yokugqwethiweyo nayo yonke enye into ayisekho. Ameva neenkunzane luphawu lwesono, “umhlaba uyakuqalekiswa kunye nazo,” zize ke ziphuthiswe. Ukugula kuyafika, ngenxa yaloo nto; kuyakuphuthiswa. Ukufa kuyakuphuthiswa. Ukuphalazwa kwegazi kuyakuphuthiswa.

²⁹⁰ Akukho nto iyakuthi cakatha kwelo gade ingebubo ubungcwele, abaHlangulweyo. Owu, bethu! Ewe. Owu, ndiziva ndonwabe kakhulu. UThixo nendalo yaKhe; nezidalwa zaKhe zale ndawo zihlangulwe ngeGazi ElilelaKhe. Zicocwe ngenkqubo EyeyaKhe yokucoca; ukubulala kwaKhe iintsholongwane, inkqubo yokubulala isono!

²⁹¹ Kanye njengokucoca ngobushushu nantoni na, eyona nto icoca ngobushushu ingcono sakhe sanayo ngumlilo. Ungathabatha nantoni na uyihlambe ngamanzi anesepha nawo wonke la machiza bathetha ngawo, ayikakhululeki nangoko. Kodwa yitshise kube kanye!

²⁹² Kwaye xa uMlilo ongcwele kaThixo uyakulicoca ngobushushu ihlabathi ngaloo Machiza; sele Emnyusile uMtshakazi waKhe, onokungena eZulwini kunye naYe, ngeli

xesha kuqhubeka lento. Aze abuyele phezu komhlaba kwakhona, aMazulu aMatsha noMhlaba oMtsha. Ubusika obubandayo abunakuwenzakalisa. Ihlobo elishushu alinakuwenzakalisa. Iintlango ziyakudubula ngokwentyatyambo i-rose. Isono naboni abasekho.

²⁹³ UThixo, nezidalwa zaKhe nendalo, bahleli kunye bekwimvisiswano egqibeleleyo. Njengokuba amazulu nomhlaba engumyeni nenkosikazi, unjalo uKristu neBandla, baze bonke bahlangane kwicebo elikhulu elizukileyo lentlangulo kwaye beziswe bangersiswa kanye kwizifuba zikaThixo kwakhona. Uyayibona?

²⁹⁴ Kwaye, kuMhlaba oMtsha, kukho iSixeko eSitsha. Owu, bethu! Ngoku phulaphulisisa. Ungayilibali lento. Ukuba, uYesu wathi, kuYohane 14, Uzakuya kulungisa. "Intliziyo yenu mayingakhathazeki." Xa Esimnka, "Ndinaso isizathu sokuba ndimke. Nikholiwe kuThixo," Wathi, "kholwani nakuM." Babengayiboni eyokuba WayenguThixo. Wathi, "Nikholiwe kuThixo, ngoku kholwani kuM. Kwaye Ndiyakunilungiselela iNdawo. ENdlwini kaBawo waM zininzi iindawo zokuhlala; eBukumkanini bukaBawo waM zininzi iindawo." UKristu ulapho, phantsi kokwakhiwa kwale Yerusalem iNtsha ngoku. Ngoku phulaphulisisa. Ungashukumisi. Musa, musa ukuphoswa koku. UKristu useZulwini, namhlanje, elungisa iYerusalem eNtsha.

²⁹⁵ Kanye njengokuba uThixo wadala umhlaba ngeentsuku ezintandathu, wenza umhlaba ngeentsuku ezintandathu, okanye kumawaka amathandathu eminyaka. Njengokuba wathi, "Oku makungafihlakali kuni," sifunda oko eSibhalweni, "iwaka leminyaka yimini enye."

²⁹⁶ Ke uKristu umnkile ulungisa iNdawo, ebihleli isakhiwa isithuba samaninzi, amawaka amaninzi eminyaka, elungisa iNdawo. "Ke ukuba Ndimkile ndaya kulungisa iNdawo, Ndiza kubuya kwakhona, ndinamnye; ukuze apho ndikhoyo Mna, nibe khona nani." Qaphela uMhlanguli naBahlanguliweyo!

²⁹⁷ Akwaba besinxesha ngoku. Ndinendawo ephawuliweyo apha, uSolomon ecaphula, "Le ntombazana, uMtshakazi." Owu, sifanelwe kukuyiqakatha nje; liphela kakhulu ixesha, 'yabona. Ndiza kuyifaka, kwakhona. "Xa ezama ukuyifumana, kodwa yayiganelwe kwinkwenkwe engumalusi." Abanye eneneni babecinga ukuba yayiliculo awayelicula elo. Owu, hayi. USolomon wayeyindlalifa yeTrone kaDavide, emhlabeni, kodwa oko kwakubonisa ukuba uBukumkani babumelwe kukudlula. Kwakungumzekelo kaKristu ethandana noMtshakazi. 'Yabona?

²⁹⁸ Qaphela ukuba uYesu uthe kuYohane 14 ngoku, "uyahamba ukuya kulungisa iNdawo."

299 Owu, iyakuba yekhangeleka njani? Ingaba wakhe wacinga ngoku, Mtshakazi, ukuba iyakukhangeleka njani na? Ilungisiwe yasekwa yiNgcibi eNgcwele. Siyakuba njani eso Sixeko? Ngoku, ndizakuthetha ngaso okwemizuzu embalwa. INgcibi eNgcwele yiyo esilungisileyo, yasiseka. Kwaye, khangela, nguYe osiseke ngezandla zakhe ezinenkathalelo, esenzela uMtshakazi waKhe othandekayo. Siyakuba sesinjani?

300 Ungayinginga indoda etshata inkosikazi, ekwaziyo, indlela eyakha ngayo ibeke yonke into kanye ngendlela ethanda ngayo inkosikazi, kanye loo nto iyakuyithanda? Amen.

301 Ngoku, iNgcibi eNgcwele iseke eso Sixeko Sitsha, apho Iyakuhlala khona noMtshakazi waYo, kanye ngendlela efanele Yena. Akumangalisi ukuba umpostile wathi, “Akubonwangeliso, akuviwangandlebe, okanye kungathanga qatha ntliziyweni yamntu.” Masibone ukuba asinakukhe sisiphande okomzuzwana nje na, sibone ukuba siyakuba njani na.

302 INgcibi eNgcwele isiyilele aBathandekayo baYo esi. 'Yabona? Owu, inokuba yindawo enjani, xa, iNdalo eNgcwele, iNgcibi eNgcwele isibonakaliso esiNgcwele esimiselwe ngenxa engaphambili ngokuNgcwele nguThixo oNgcwele Lowo—Lowo uyimbangqi yoBomi obuNgcwele! Siyakuba njani eso Sixeko! Sicingo.

303 Khumbula, ayiloZulu. UYohane wathi, “Ndasibona sisihla siphuma eZulwini.” Sizakuba phezu komhlaba. 'Yabona?

304 Hayi ukuthi lomhlaba uyakudlula; ungumhlaba ohlanguliweyo. UThixo akazange athi Uyakuvelisa isizukulwana esitsha; Uyakuhlangula eso sikhoyo. Akayi kuvelisa isizukulwana esitsha; Uhlangule eso sele sikho kakade. Akazukwenza hlabathi litsha; leli likhoyo ngoku. Uzakulitshisa nje, alicoce, njengokuba Wenzayo kuwe. Amacebo akhe amelwe kukuhlala ngoNaphakade. Ngoku, khangela, siyakubakho.

305 Khumbula, asiyi kuba liZulu. “Sihla siphuma eZulwini.” SiyiNdawo yokuhlala, iNdawo ekuhlalwa kuyo, ukuze Ahlale kuyo. Njengokuba, uYohane, esiqithini sePatmos, apha kwiSityhilelo 21, wasibona “sisihla.” UYohane wabona iSixeko, “sisihla siphuma eZulwini,” sinjengehobe, njengoko wabonayo.

306 Naku kusiza uThixo, esihla phezu komnquba waKhe wasemhlabeni, uYesu, ekwi...“esihla ephuma eZulwini.” UYesu wabhaptizwa, wahamba ngqo...

307 Wathi Akuhlangana naloo mprofeti! “ILizwi liza kumprofeti.” Kwaye Yena wayeliLizwi. Umprofeti ke wayemi apho, ephika wonke loo mahlelo emvaba wabo, yonke into. Kwaye, wathi akubona iLizwi, iLizwi leza kuye kanye.

308 Kwaye umprofeti wothuka kakhulu, wathi, “Ndimelwe kukubhaptizwa nguWe nje. Uthini na ukuza kum Wena?”

309 Wathi, “Vuma ukuba kube njalo, kuba oko kusifanele (siyawazi umyalezo) ukuze sizalise bonke ubulungisa. Ndim iDini; Limelwe kukuhlanjwa.” Wamvumela.

310 Wathi ekuphumeni kwaKhe emanzini, wathi, “Ndibona amazulu evulekile.” Umprofeti wawabona. Wabona amazulu evulekile.

311 Nako kusiza, kusihla kuphuma eZulwini, imo yeHobe; neZwi, lisithi, “Le yinxenye yaM yomhlaba eNdiwuhlanguleyo, kwaye ngokuphuma kule nxenye yomhlaba ndiyakuhlangula konke okushiyekileyo kwayo, kuba Yena uliLizwi laM libonakalalisiwe.” “Kwaye ihlabathi liphela, Ndathetha labakho ngeLizwi laM,” amaHebhere 11. “Kwaye uSathana ebelibambile lonke eli xesha, kodwa Ndizile ukuza kulihlangula. Okungaka kwalo kwenze umzimba waKhe, kwaye Ndiyeza ukuza kuhlala kuwo.”

312 UYohane wathi, “Ndabona iSixeko esingcwele, iYerusalem eNtsha isihla iphuma eZulwini, injengoMtshakazi elungiselwe uMyeni wakhe.” Laze lahlala phezu kwantoni? Kanye njengokuba lenzayo phezu apho; phezu komhlaba.

313 UYesu wayeyinxenye yaloo mhlaba wathi uMoya oyiNgcwele wehla phezu kwawo, (ingaba kunjalo?) waze wahlala phezu kwaKhe naphakade. Awunakuze umnke kuYe. Uhleli ulapho. Yena noThixo Mnye. Beyakuhlala benjalo!

314 Kwaye uYohane wabona iSixeko esitsha, iYerusalem eNtsha, isihla njengokukhanya okucanda isibhaka-bhaka, okanye i—ihobe, lisihla liphuma eZulwini lizinza phezu kohlanguliweyo, umhlaba uphela, (ukuza kwenza ntoni?) ukuza kubanga sonke isibonakalaliso Awalenzela sona ihlabathi. Wonke umntu owayemelwe kwinguNaphakade, naye wonke umfazi, uhlangulwe ngoko. Ukhuhlwe watshiswa ngoMlilo.

315 UYesu, kwizihendo zaKhe ezitshisayo entlango, amashumi amane eentsuku. Emva koko, qaphela, kwakulungele ulungiselelo lwaKhe ngoko.

316 Wucinge, uMoya oyiNgcwele usihla phezu komhlaba, uYesu, nelo Gazi liNgcwele! Ngoku khangela, ndiyathemba ukuba andingeni nzulu kakhulu ndinishiye, yabona. IGazi elingcwele eladalwayo NguThixo; iGazi, uBomi, indalo kaThixo. “UYesu wayesisiqalo sendalo kaThixo.” Owu! Niyayibona? UThixo, wenza endalweni. WayenguMoya. IBhayibhile yathi, “Ekuqalekeni kwayo indalo kaThixo.” Waqala njani Yena? Kwisizalo somfazi. Esiyintoni? Umfazi asiyo. . .

³¹⁷ Njengokuba abo bantu bazimfama bengayiboni i “mbewu” yenyoka kanye apho. ’Yabona? U-Eva wabekwa apha emhlabeni, yaye, ngaphambi kokuba uSathana abe wamchukumisa, okanye nantoni na eyenye, uThixo wathi kubo, “Qhamani nande niwuzalise umhlaba.” Kunjalo, kodwa uSathana ungena kule ndawo. Kwaye, ukuba lowo yayingunyana ka-Adam, ngoko kwakuphi. . .

³¹⁸ U-Adam wayesisizukulwana esithe ngqo sivela kuThixo. Kwaye uthabatha kuphela imveli yomzali wakho.

³¹⁹ Kwaye xa uzelwe ngokutsha, uthabatha iMveli yoMzali wakho, yeZulu. Kwaye uMzali wakho weZulu usisibonakaliso seLizwi. . . Okanye, iLizwi lisisibonakaliso soMzali wakho. Ngoko, ungaLiphika njani, ngenxa yehlelo? Bethu!

Ndiyathemba ukuba awuyiphosi loo nto. Ndiyazi ukuba iphuma kuThixo.

³²⁰ UYesu. Nako Efika, esihla; kwaye yayinguye lowo uYesu, ubunjani bukaThixo.

³²¹ Ngoku, “umfazi,” yena. Khangela. UThixo wathi, “Ngokuba beyenzile lento,” wathi, “Ndiyakumisa ubutshaba phakathi kweMbewu yakho nembewu yenyoka.” Ingaba kunjalo? Kwaye umfazi akanayo kwambewu. Wakhe wacinga ngaloo nto? Yena unentsimi, hayi imbewu. ’Yabona, inyoka yayisele iyifakile i “mbewu” yayo apho.

³²² Ngoko, ukuba umfazi akanambewu, umelwe kukuhlala alinde ukuze afumane iMbewu.

³²³ Uyabona, ngokuhlangana ngokulalana apha, kwezisa kuphuma kuSathana, inyoka, eyayingesosirhubuluzi, inemilenze, kuba imilenze yayo yesuka kuyo. Yayisesona sinobuqhokolo, ekuphela kwaso isilwanyana esasino—esasinokuhlangana nomfazi.

³²⁴ Imbewu yesilwanyana yayingenakuyenza loo nto ngoku, kwaye akukho nto iyenye inokuyenza. Bayizama. Ayenzeki. ’Yabona, imbewu yobomi ephuma kwiduna ayingeni kumntu ongumfazi. Ayinakuyenza loo nto.

³²⁵ Kodwa le yayiyeyonanto isondeleyo. ’Yabona, abanakusifumana eso sidalwa siphakathi kwechimpanzee nomntu. ’Yabona, ngasinye, njengokuba satshintsha imo sinyuka, ukusuka ezintakeni, nokunyuka ukuya kwiinkawu, njalo njalo, ukuza kwichimpanzee, ngoko kukho “okulahlekileyo.” Yayiyinyoka yakudala leyo, hayi inyoka; konke ukumila kwalahleka kuyo, ngokuba yaqalekiswa.

³²⁶ Ngoku, uThixo akazange amqalekise u-Adam; nakubeni Wenza kwaloo nto inye, kodwa Waqalekisa umhlaba, “Imithana enameva neenkunzane.”

³²⁷ Akazange amqalekise u-Eva, kodwa wathi ku-Adam uyakuba ngu “mlawuli” wakhe. Ukusukela ngoku ukuya

phambili, akazami kwakushumayela okanye nantoni na, ngu-Adam umlawuli wakhe. “Yonke imihla yobomi bakho, nasekubulalekeni, uyakuzisa ubomi bakho emhlabeni.” Kodwa Wathi, “Ndiyakumisa ubutshaba phakathi kweMbewu yakho...”

³²⁸ Ngoku, wayengenayo kwambewu umfazi, akazange abenayo, ngoko, wayemelwe kukwamnkela iMbewu evela kwindlela ethile. UThixo wamnika iMbewu, hayi ngokuhlangana ngokwasekulaleni, koko ngokudala.

³²⁹ Aniboni nina bantu bazimfama ukuba leyo yi “mbewu” yenyoka? Owu, bethu! USathana wangena apho ngaphambi ko-Adam; leyo yayiyi “mbewu.”

³³⁰ Kodwa umfazi wamnkela iMbewu. Yintoni leyo? UThixo ngokwaKhe. “Yena wayekukuqaleka kwendalo kaThixo.”

³³¹ Ngoku khangela ekuzalweni kukaSete, okanye u-Abheli, wayeyindoda elilungisa, ephuma kuyise. USete wayekwayinto enye.

³³² Wayevelaphi laa mfo ungcilileyo; isigwinta, ixoki? 'Yabona, 'yabona apho wayevela khona? Imelwe kukuba yi “mbewu,” ngokuba wayeyimbewu; uKayin wayengumntu.

³³³ Owu, baphi abo bantu bazimfama? “UThixo weli hlabathi ubamfamekisile.” Ke, akumangalisi ukuba, uYesu wathi akukho mntu unokuyibona. Uyabona?

Uthi, “Kutheni bengayiboni nje?”

³³⁴ UYesu wakhe wathi, kubadisipile baKhe, “Nikunikiwe nina ukubazi uBukumkani bukaThixo, ke bona abakunikwanga.”

³³⁵ Kwaye naso isizathu sokuba nibe nisuka kwishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile mbombo zone, 'yabona, “Nikunikiwe nina ukubazi uBukumkani.” Khangela, abantu besuka nditsho eMzantsi Afrika najikelele, ngale yure yasekupheleni kwexesha xa uMtshakazi usenziwa ukuba uyekungena eBukumkanini.

Andinaxesha laneleyo nje. Qaphela. Khangela ngoku, 'yabona.

³³⁶ Ngoku niyayibona i “mbewu” yenyoka apho, 'yabona ukuba yayenza njani na? Igqibelele, 'yabona. Ngoku abanye babo bathi...

³³⁷ Ngoku, njengalaa mfo eTucson ngenye imini, ezama...Aha, usenokuliphula-phula eli khasethi. Kodwa, ukuba kwenzekile, ndoda, ndifuna ukukuxelela into.

³³⁸ Xa wathi, “U-Eva wathi” nantsi indawo abathetha ngayo, “Ndifumene unyana ngoYehova, okanye indoda ephuma kuYehova.” Kuba, ngokuqinisekileyo. UThixo unomthetho.

³³⁹ Khangela, uthabatha imbewu uyityale apha phandle entsimini apho kukho ingqolowa khona, kwaye utyale mithana enameva phaya phandle. Andikhathali, kwa ilanga elinye nemvula enye izisa loo mbewu ekuphileni. UThixo unomthetho, kwaye loo mthetho awunakwaphulwa.

³⁴⁰ Andikhathali nokuba u—u...oyena mfazi uziphethe kakubi edolophini neyona ndoda iziphethe kakubi, ingatshatanga nayo yonke into, benokuthi ba—babenento yokwenza, baze bahlale kunye bazale umntwana; loo mntwana kunyanzelekile ukuba abe uze ngomthetho kaThixo, kuba akukho ndlela yimbi. Ukuba awuqondi, umenza umdali uSathana, ngoko abe nguthixo. Owu, ungayimfama kangakanani! Yabona, umthetho kaThixo, ngokuqinisekileyo.

³⁴¹ Ukuba ukhe wanosana, andikhathali nokuba lalingu—Esawu na, uYakobi, nokuba lalingubani na, okanye umntu oludumo lubi nawuphi na, ukuba belinguJudas, kunyanzelekile ukuba lube luze ngoThixo. UThixo unomthetho.

³⁴² IBhayibhile ithe, “Ilanga likhanyisela abangamalungisa nabangemalungisa; imvula iwela abangamalungisa nabange...” AmaHebhere isahluko se-6, kwaye itsho ukuthi, “I—Imvula ina njalo phezu komhlaba, ukuze iyinkcenkceshele, ize ilungiselele oko kuyakudliwa, uyazi, ukuze kuphilise; kodwa ameva nemithana enameva iphila kwangaloo manzi, ngoko kukhanya kunye kwelanga.” Kuba, kungumthetho kaThixo, ukuze kuvuthiswe yonke imbewu, kwenze ukuba yonke imbewu izizale.

³⁴³ Ngoko, kwakunyanzelekile ukuba ivelise i “mbewu” yenyoka. Kwaye ayizange—ayizange ithintele Thixo; yazalisekisa icebo laKhe elipheleleyo, yaMenza abe nguMhlanguli. Nayiphi na imfama ingaphantse iyibone loo nto, ngaphandle kokuba ifihliwe. “Uthixo weli phakade” ukufihlile oko kuwe. Icece njengokuba inokucaca nantoni na onokuyibona. Nantso ke. Nantso ke i “mbewu” yenyoka. Ngoku qaphela.

Kodwa, “UYesu wayesisiqalo sendalo kaThixo.”

³⁴⁴ Ngoku wenza ntoni umfazi? Ngoko, imbewu yobomi iphuma kwisini sendoda. Ngoku uyayiphika loo nto? Umfazi akanabomi kuye, konke konke. Uneqanda elincinane kuphela, lona elo liyintsimi elapha phandle.

³⁴⁵ Njengokuba uthabatha intsimi uyigeleshe yonke, uze—uze uyitshize, utshize zonke intsholongwane ziphume kuyo. Kungekho—Kungekho nengca okanye nantoni na enokukhula kuyo; uze ke uyifake isichumiso kwakhona, uhlwayele imbewu entle ethile apho. Ukuba utshaba luthe lwafika lwahlwayela imbewu ethile eyenye, laa mthetho mnye kaThixo yakuzivuthiswa zombini ezo mbewu.

³⁴⁶ Ke, uThixo wayengamiselanga ukuba kube njalo, 'yabona. Kodwa kwenzeka ntoni?

³⁴⁷ 'Yabona, imbewu ephuma koyindoda ithwala isibomvisigazi, esiligazi. Kwigazi elikubomi bayo. Kwaye ukuba uyakukhe. . .Ndakhe ndayijonga, ekuxutyweni kwembewu yenkomo nezinto ezilolo hlobo. UMzalwana uShakarian kunye nam sayithabatha yonke, kunye noogqirha nezinto ezinjalo, sikhangele ukuba yenzeka kanjani na yonke, ezamachiza. 'Yabona? Ngoko nako kuvela imbewu ephuma kwithokazi eliqela lamaqanda. Nako kuphuma imbewu ephuma kwiduna, eliqela leentsobi zobomi.

³⁴⁸ *Oku* akunalo nesuntsu lentsobi yobomi kuko. Kuyimveliso ephuma kwimveliso yendoda. Ithokazi likufumene ngolo hlobo, indawo yokuqala, lona ke liyintsimi nje. Kukho iqanda; lifike kumhlaba ochunyiselwe obu bomi. Ukuze obu bomi bungene burhubuluze. Kukho imfihlelo, ukuba oko. . .

³⁴⁹ "Mhlawumbi," uthi, "ke, elokuqala lihlangana nayo. Aseleyo kuwo ayafa." Ke, kanjani, ngubani olimiselayo ukuba libe njalo? "Ke, elokuqala." Ingaba iyakuba leliphambili; iqanda lokuqala eliphambili, nentsobi yobomi yokuqala? Hayi, hayi.

³⁵⁰ Isenokuba liqanda elinye; phaya emva kanye, emva, kumphakathi wembewu ephuma kwiduna, eliyakunyuka lihlangane naloo ntsobi yobomi. Ntoleyo ibonisa ukuba ubulumko obuthile buyamisela ukuba iyakuba nentloko ebomvu na, intloko emnyama; nokuba iyakuba ncinane, ibe nkulu; ibe liduna na okanye ibe lithokazi. 'Yabona? Awungekhe, awunanto unokuyenza iyenye malunga noko; ayinakusebenza. Ungazixuba zihlangane, nayo yonke enye into, loo nto ayukwenza nomncinci umahluko. NguThixo oyimiselayo ukuba ibe njani na. Kwaye emva komzuzwana, imbewu yobomi encinane iyakurhubuluza ingene kuloo ntsimi, iqanda. Into enomsilana omncinane, enjalo, kuyo, izibhija ijikeleza; iyawa, nako kuqala umnqonqo wosana.

³⁵¹ Uyintoni ngoko umfazi? Akanambewu. Unentsimi yokwamnkela imbewu. Ngoko i. . .

³⁵² 'Yabona, utshaba lwaphuma. Ngeli thuba umhlwayeli olungileyo waphumayo, ehlwayela iMbewu entle; utshaba lweza emva kwakhe, luhlwayela imbewu yokonakala. "Kodwa imvula ina kumalungisa nabangemalungisa; ilanga." Konke kumelwe kukukhula.

³⁵³ UYesu wathi, "Kuyeke kukhule kokubini. Ngaloo mini bayakububopha, inkunzane." Kwaye bayabopha ngoku, kwimibutho emikhulu; izakuba yinyanda enkulu, iBhunga leeNkonzo zeHlabathi. Sasiyintoni ke isiphelo? Kukuya kutshiswa. Kodwa ingqolowa iyakuthatyathwa isiwe kuvimba. 'Yabona? Phi, kokubini kuphila ngento enye, ngamanzi amanye, ngemvula enye.

354 Umthi wesiqhamo sasebusika, ongu—ongumthi we-orenji, uyakuthwala, unyanzelekile; ukuba uvelise kuwo, ukuba kuxonyezelelwe kuwo, irharnati. Uyakuvelisa ilamuni. Uyakuvelisa isiqhamo sediliya. 'Yabona? Kodwa ayisayi kuba li-orenji elo, kodwa iphila kwangobo bomi bunye buveliswa ngulo mthi we-orenji.

355 Amahlelo wenkonzo axonyezelelwe kuMdiliya. Ngokuba, ukuba abanga anga "Makristu," baphila ngawo. UKayafa wayenjalo; uyazi ukuba wathini, ukanti nangoko waprofeta nokuprofeta. 'Yabona? 'Yabona, baphila ngawo.

356 Owu, akwaba besinokuba neveki yonke, apho besiyakufundisisa nje lento yonke, siyenze icace kangako u—ungabi nakuyiphosa ukuyibona. Ngoku ndizakuziqakatha ezinye zezi zinto.

357 Ngoku khangela. Khangela, ezo zandla zayilela uMtshakazi waKhe Othandekayo oku, ziyila ngezandla zothando ezinobubele kuMtshakazi waKhe.

358 Khumbula ukuba uMoya oyiNgewele wehla phezu koYesu, oko kuthetha ukuthi, uYesu wayeyinxenye yomhlaba. Kuba? Intsobi yobomi kaThixo, uBomi bukaThixo, babuyilwe kwisizalo somfazi (akunjalo?), owayengumhlaba. Kulungile. Baze ngoko uBomi bukaThixo bangena, ngoko, "Wayeyingqalo yayo indalo kaThixo." 'Yabona? Kwaza kweza elaa Gazi likaThixo, elalilapho ngaloo mbewu yobomi; xa laphalazwayo eKalvari, lachaphazela phezu komhlaba kwakhona. Ukwenzela ntoni? Ukuhlangula umhlaba. Ngoku, ugwetyelwe; ungewalisiwe; ubiziwe, wabangwa; ke ngoku uzakwamnkela ubhaptizo loMlilo, uze uocelwe uYesu noMtshakazi waKhe.

359 Kwaye nina nizezinye iinxalenye ezi zikhutshwe ziphuma kulo mhlaba. Umhlaba, wena uyinxenye yomhlaba; umzimba wakho. Umphefumlo wakho uyinxenye kaThixo, ubume bukaThixo, bubonakalaliswe apha phezu komhlaba busemzimbeni. Umzimba umelwe kukuhlangulwa.

360 Ngoku, umphefumlo uhlangulwe, ngokuba wawusesonweni. Ngoko uThixo wehla, ngenkqubo yogwetyelo, ungewaliso, nobhaptizo loMoya oyiNgewele, wahlangula umphefumlo wakho.

361 Ke wena, ngokuba uyinxenye yomhlaba, uhlangulwe ngalo. Ukwinkqubo yoko ngoku. Iyakhula ibheka phambili. Umzimba wakho wawugwetyelwe phantsi kobhaptizo lukaNowa. Amen! Nayo, inyama yakho, ekuweni kwaLo ngaphezulu apho. Kwaye umhlaba umelwe kukucocwa ngoMlilo, indawo oyakuhlala kuyo, kunye nobhaptizo lukaMoya oyiNgewele; iNdawo yokuhlala kukaKristu noMtshakazi waKhe, iYerusalem eNtsha.

³⁶² Sikhangele esi Sixeko; umhlaba, sithabatha indawo yaso sihlala phezu komhlaba. Ngoku ungabona ngokuphandle oko ndikuthethileyo, i. . .le nguqu, umhlaba unyanzelekile ukuba uguqulwe. Awunako ukuSithabatha ngolu hlobo. Ibandla belingenakuya. . .Okanye, ihlabathi belingenakuqhubeka linje, emva kweMillenium, ngaphandle kokuba libe liguqulwe. 'Yabona? Ukuze libe neNdawo enjalo kulo, linyanzelekile ukuba litshintshwe.

³⁶³ Kanye njengokuba, simelwe kukutshintshwa ngoMlilo waKhe oNgewe, ukulungiswa kwenzelwe Yena indawo ukuze apathwe ngaphakathi kwethu; ndithetha, uMoya oyiNgewe.

³⁶⁴ Qaphela ngoku, iyakuba ninzi indawo kuMhlaba oMtsha. Aha. 'Yabona, indawo eninzi! Uyakube wakhiwe ngokutsha, yinyaniso leyo, ngoMlilo, kodwa akusayi kuba sabakho lwandle. Qaphela, iSixeko siyakuba lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile macala omane.

³⁶⁵ Ngoku phulaphulisisa kakhulu ngeli thuba sizisondezayo ezo zigaba. Ndifuna ukucima ibhodi, okomzuzu nje. [UMzalwana uBranham ucima ingcaciso zakhe zangaphambili—Mhl.]

³⁶⁶ Nasi isityhilelo esinzulu esivela kuThixo. Ndizakukhe ndime nje. Akukho nenye kwezinye ezi. . .Ndiza kuyivelisa eshiyekileyo yale, iNkosi ithandle.

³⁶⁷ Qaphela ngoku ukuba umhlaba. . .Kulungile, khawutyhile ngaphaya eNcwadini yeZityhilelo, ungabona indlela awawulinganisa ngayo ngeekubhite nangeeyadi eziphindwe ngamakhulu amabini anamashumi amabini. Amashumi amabini anesithathu amakhulu. . .Ke ngoku sifundisa ukuba eso—eso Sixeko silinganisiwe, “ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile” macala omane.

³⁶⁸ Niyazi ukuba loo nto ingaya kufikelela phi? Ndike ndayilinganisa, kule veki. Ingaya kufika ukusukela eMain ukuya eFlorida, nokusuka kunxweme lolwandle lwasempuma ukuya kumakhulu amathandathu eemayile ukudlula, entshona kweMississippi. Ngamanye amazwi, sisiqingatha seZizwe eZimanyeneyo, iyindawo yeSixeko nje leyo.

Uthi, “Akukho ndawo eyaneleyo.”

³⁶⁹ Xa lungasekho ulwandle iyakubakho, kuba ngokusondele kakhulu isine kwisihlanu sawo sisemanzini. Ingaba kunjalo? Ukudubula kuyalomisa ulwandle, kubhodlise umhlaba. Owu, bethu! Khumbula, ishumi elinesihlanu leemayile macala omane, esingakanani iSixeko! Kwaye, kodwa, khumbula, ulwandle alusekho.

³⁷⁰ “Kwaye ubanzi nomphakamo yinto enye.” Loo nto ingasenza ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuya *ngapha*, ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuya

ngaphaya; ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile; ubude buphindwe ngobubanzi baphindwa ngomphakamo. Ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile, yicinge nje, igolide ecwengileyo ibonisa ngaphaya. Kwaye iSixeko sesinodonga olusirhangqileyo.

³⁷¹ Ngoku, ngoku, oko akuthethi ukuthi eneneni, ngokuba silingana...Ithe, “Kwaye iindonga neziseko zazilingana,” oko akuthethi kuthi eneneni yinto enamacala amathandathu azizikwere ezilinganayo okanye sisikwere. Ukho omnye umlinganiselo wezokuma komhlaba, onemigama elinganayo, lowo, yiphiramidi. Izizikwere ezine, “ibekwe yangamacala amane azizikwere,” neendonga zaziizinto enye.

³⁷² Mandiwuzobe. [UMzalwana uBranham uzoba ingcaciso ebhodini—Mhl.] 'Yabona: ubude, ububanzi, umphakamo. Sizakungena entweni, ngokuqiniseke njengoko linjalo ihlabathi. 'Yabona? Qaphela, ukulinganiswa *kweli* icala liyinto enye ngokupheleleyo, wonke, ubude buphindwe ngo—buphindwe ngomphakamo. Ukho omnye umlinganiselo, iphiramidi, oyiqondakalalisayo loo nto.

³⁷³ Esi, xa silolu hlobo, singaphendula ngokuchanekileyo umqondiso ka-Enoki eYiphutha, iphiramidi. Awungenzi njalo? U-Enoki, ngaphambi kwembumbiso kanogumbe, xa ugwetyelo lwalungena, wangenisa umqondiso, kwaye kule phiramidi kukho amanqwanqwa asixhenxe okuya kwigumbi lokumkani. Khangela kwinqwanqwa elilelesixhenxe, ukuba wakhe wakufunda oko kumila nokulinganiswa kwephiramidi, okuphumayo ukuze kuthabathe ongenayo, kumazise kukumkani. Khangela ukuba yindawo yokulinda kabani na emi apho, kwaye uyakuwubona umhla ophila kuwo, kwiphiramidi.

³⁷⁴ Ngoku, uThixo wenza iiBhayibhile ezintathu. Ngoku, kukho imfundiso yephiramidi eyimfeketho, kodwa kukho iphiramidi eyiyeyenene. 'Yabona? Qaphela. Ngoku, uThixo, iBhayibhile yokuqala...Wenza zantathu. Yonke into imelwe kukuba ibe kwisithathu.

³⁷⁵ UYesu uza amaxa amathathu. Uza, okokuqala, ukuza kuhlangula uMtshakazi waKhe, kwixa elilandelayo, ukuza kulanda uMtshakazi waKhe; kwixa elilandelayo, esiza noMtshakazi waKhe. 'Yabona?

³⁷⁶ Ngoku qaphela indlela entle ngayo loo nto. 'Yabona? Kwaye kule phiramidi kwakukho amanqwanqwa asixhenxe, ukuze emva koko ibe ligumbi lokumkani. Kwaye sikwisigaba esisesesixhenxe sebandla, ngaphambi kokuba uKumkani ahlale kwiTrone yaKhe. Kwaye, khumbula, iphiramidi ayizange ibe nalo ilitye lentloko kuyo.

³⁷⁷ IBhayibhile yokuqala kaThixo esibhaka-bhakeni, iZodiac; iqala nje iqhubele phambili kwisigaba ngasinye. Okokuqala,

ukuqala kwale Zodiac, yintombi eseyintombi; yindlela Aweza ngayo leyo, kuqala. Umfanekiso wokugqibela kwiZodiac yiLeo ingonyama; uKuza kweSibini. Kanye nje phambi koko kukho iintlanzi eziphanjanisiweyo, isisigaba sikanonkala ke eso; esi siphila kuso.

³⁷⁸ Kwakukho iphiramidi emva kwaleyo, u-Enoki, awayingqinela ngokupheleleyo. Asinakuba naxesha lakungena kuyo, kodwa, ngenye imini, ngoncedo lukaThixo, ndiyakunibonisa, kanye ngokuchanekileyo ndizobe izigaba zeyure esiphila kuyo. 'Yabona?

³⁷⁹ Qaphela, kodwa lo mlinganiselo wezemo yomhlaba sinawo ngoku, onemilinganiso elinganayo, awuthethi kuthi eneneni uthetha ukuba uyakuba yi—yinto enamacala amathandathu azizikwere ezilinganayo. Qaphela, oko kungayimpendulo kowaseYiphutha. . . okanye kumqondiso ka-Enoki eYiphutha.

³⁸⁰ Kwixesha lokusulungekiswa lomhlaba, ngobhaptizo lwawo loMlilo, kuyakubakho iintaba-mlilo ezidubulayo, ezifana nokudubula kwaloo mhlaba, zize zibhodlise zinyuse iNtaba efana nephiramidi. 'Yabona? Ininzi indawo ekunokwenziwa kuyo oko! Iyonke lento iyakuguqulwa. Wonke umphezulu uyakutshintshwa. Niyifumene? Uyakunyusa ukhuphe iNtaba ifana nephiramidi.

³⁸¹ Oko kuyakuba kuliLizwi ngokuchanekileyo ukuba kwenzekile, ibe kuyakwenzeka. Ngoku qaphela, kuba, ku-Isaya 65:25, apho sisandula kufunda khona, Uthe.

*Aziyi kwenza bubi zonakalise kuyo yonke intaba
yam engcwele, utsho UYEHova.*

³⁸² Owu! “Kuyo yonke iNtaba yaM engcwele!” Khumbula, ihlala njalo iyi “Ntaba.”

³⁸³ Ukuba iindonga zazingqalile ukunyuka nokuhla, isixeko besinokubonwa kuphela ngomi ngaphandle. . . okanye ngokusuka ngaphakathi, iTrone ibiyakubonwa kuphela ijongwe ngaphakathi; kodwa qaphela ibiyakubonwa kuphela ngongaphakathi.

Kodwa ngoku sibona idinga ku-Isaya 4:5. Makhe silifunde.

³⁸⁴ Ingaba ningxamile? [Ibandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Hayi, musani ukungxama ngoku. Si—Si—Siya kwi—kwinto eyodwa ngoku, kuninzi kakhulu—kuninzi kakhulu kwi—kwixesha enimelwe kukukuqonda kanye apha. Kuba, ndifuna ukuyicacisa lento. Ukuze ke sakubuyela kuyo kwakhona, ndi—ndiyakunibonisa ngoko indawo—indawo esithetha ngayo, ukuba yintoni na, kwisifundo sethu esilandelayo malunga nalento, ngelinye ixesha.

³⁸⁵ Owu, mayibongwe iNkosi uYesu! Khangela apha, indlela angasayi kuze asilele ngayo aMazwi. Ngoku khangela apha ku-Isaya. Ndinayo ibhalwe apha phantsi, ukuba ndinokuyifumana

kwakhona, okomzuzu nje. U-Isaya 4:5. Ngoku phulaphula, uthetha ngoKuza kweNkosi, indlela abayakuthi ngayo abafazi baziphathe kakubi kangako. Owu, wathi, “Abafazi abasixhenxe...” Phulaphula. Masiyifunde nje. Khangela apha.

Abafazi abasixhenxe bombelela ndodeninye ngaloo mini, besithi, Sodla esethu isonka, . . . sambathe ezethu iingubo kodwa masibizwe ngegama lakho, ukususe ukungcikiveka kwethu.

³⁸⁶ Lixesha lesiphelo ke elo, eli siphila kulo ngoku; umtshato, uqhawulo-mtshato, nobuhenyukazi, nantoni na eyenye.

Ngaloo mini isithole sikaYEHova siyakuba yinto enobukhazi-khazi enobuqaqawuli, . . . isiqhamo selizwe sibe yingangamsha nesihomo . . . kwabo . . . kwabasindileyo bakwaSirayeli. (Indlela enithe nasinda ngayo kuko konke oko kugwetywa! 'Yabona?')

Wothi, oshiyekileyo eZiyon, noseleyo eYerusalem, kuthiwe . . . (masibone) . . . eYerusalem, kuthiwe ungwele, bonke ababhalelwe ebomini eYerusalem, 'yabona:

Yakuba ithe iNkosi yakuhlamba ukungcola kwiintombi zaseZiyon, (ukhumbule, lowo ihlala inguMtshakazi, 'yabona) . . . yawahlanza amagazi aseYerusalem (lawo ngamasalela amaJuda, kunye noMtshakazi, 'yabona) . . . phakathi kwayo ngomoya ogwebayo, nangomoya . . .

³⁸⁷ Ihlala ingumgwebo kaThixo lowo, xa Enza umgwebo waKhe wokugqibela. Uyakubiza, akugwebele, akuzise kwintlangulo; ukuze umgwebo waKhe uvele phezu kwakho, uze uMoya oyiNgcwele noMlilo ucoce kusuke isono. Ngoko ke ungawaKhe.

³⁸⁸ Ikwayiloo nto inye Ayenza kumhlaba, xa Ewucoca ngoMlilo, “nangomoya wokutshisa.” Ngoku khangela. Phulaphula! Ingaba sowulungile?

Wodala ke uYEHova phezu kweendawo zonke zeentaba zeZiyon, naphezu kweentlanganiso zayo, ilifu elingumsi emini, nokudangazela ko . . . mlilo ebusuku: kuba phezu kobuqaqawuli obo bonke kuyakubakho isigubungelo.

³⁸⁹ [UMzalwana uBranham ucacisa ebhodini—Mhl.] “INkosi, ngaloo mini, phezu kwencopho yayo, iyakudala uMlilo wokuKhanya ukuze utshe ngaloo mini.” Yaye ihambela phambili ithi, “Iyakuba ngumthunzi, ukuphumla, indawo yokuzimela.” Qaphela, oko kuyenza ithethe ngokuchanekileyo ngeBhayibhile, ngokuchanekileyo. Iindonga zazingqalile ukunyuka nokuhla, wawungenakuyibona. Imelwe kukuba

yayame. “Zonke iintaba zaM ezingcwele. . .” “Uyakudala oku kuKhanya phezu kweNtaba, yaye iyakuba yenzelwe isikhuselo.” Owu, siyalicula elo culo:

Owu, eso Sixeko siphezu kweNtaba yeZiyon,
Njengomhambi, ukanti ndisasithanda,
Ngoku nakwezo zigaba zexesha,
Ndakufika kweso Sixeko siphezu kweNduli.
'Yabona?

³⁹⁰ Qaphela, kwiNtaba yeSinayi kulapho uThixo wathi wehla phezu kwayo, xa Wayethetha noSirayeli ekwiNtsika yoMlilo. Wehla phezu kweNtaba, iNtaba yeSinayi.

³⁹¹ Phezu kweNtaba yoTshintsho, ekuvakaliseni kwaKhe, “Lo nguNyana waM oyintanda; Mveni Yena.” Wehla ekwiNtsika yokuKhanya nangokuqaqamba okukhanyayo, phezu kwentaba, phambi koPetros, uYakobi noYohane. Kwaye, apho, Wayemelwe enabo bobabini uMoses no-Eliya; owatshintshwayo, nofileyo evusiwe. Uzuko!

³⁹² ISixeko eSitsha noMhlaba oMtsha; indalo entsha; iSixeko esiphezu kweNduli, sineTrone encotsheni yaso. [UMzalwana uBranham uzoba umzobo ebhodini, okwezi ziqendwana zimbawo zilandelayo—Mhl.] ITrone *apha* phezulu encotsheni; nabahlali, konke ukuhliwa kunyukwa, kule Ntaba.

³⁹³ Kwaye udonga olurhangqe le ndawo, lwaluneziseko ezilishumi elinesibini. Kwaye ngasinye kuzo sasineliyete elalihlala esifubeni sika-Aron, elalimele izizwe ezilishumi elinesibini zakwaSirayeli.

³⁹⁴ Kwaye, emasangweni, babenamasango amane awayemiswe kanye ngokuchanekileyo njengetempile esentlango, njengokuba wawunjalo umnquba entlango. Qaphela ngalinye, lalina—lalinabapostile, bebathathu kwicala ngalinye, abapostile abalishumi elinesibini. Ngalinye. . . Kwaye lalikhulu elinamashumi amane anesine eekubhite umphakamo. Ikhulu elinamashumi amane anesine eekubhite lingamakhulu amabini aneshumi elinesithandathu eenyawo kanye, loo nto isenza ngalinye kuloo matye makhulu abe malunga namashumi amabini eenyawo umphakamo, ilitye lokubhala elikwelo sango, lisenza iindonga zinyuke eazingqonge eso Sixeko.

³⁹⁵ Ngoku sona, iSixeko, asihlelanga ngaphezu kodonga, kuba isixeko, lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile, bekungenakwenzeka oko. Ludonga *apha* ongena kulo, njengamasango eJerusalem yakudala. Wawungena ngodonga, ukungena apho.

³⁹⁶ Yaye ngalunye kwezi, yayineziseko ezilishumi elinesibini, ngasinye ke sasineliyete elinqabileyo eliluhlaza neentlobo ngeentlobo zamatye, ezazimele izizwe ezilishumi elinesibini zikaSirayeli.

³⁹⁷ Kunye nabapostile, ngamnye, phezu kwelo likhulu, isango eliyiperile yodwa, kwakukho igama lompostile. Kwaye uYesu akazange athi, “Niyakuhlala phezu kwetrone ezilishumi elinesibini, nigwebe izizwe ezilishumi elinesibini zakwaSirayeli”? Ngubani owayehlala esangweni, ukuze agwebe, ekungeneni kwabo kweso Sixeko? Owu, bethu! Nantso ke. Ookumkani bomhlaba bengena ngaphakathi kweso Sixeko, beza phambi komgwebi wobupostile, njengoko uYesu wathembisayo. Owu, bethu!

³⁹⁸ Phezu kwale Trone, ngaphezu kwayo, kwishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile umphakamo, ihlabathi liphela liyakubona ukuKhanya kwehlabathi, uYesu, ehleli phezu kweTrone phezu kwehlabathi, phezu kweBandla, phezu kweNtaba yeZiyon; elishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile, isisiqingatha seZizwe eZimanyeneyo ubukhulu, inyuswe ukubheka phezulu lee ude ube nokuMbona ukwihlabathi liphela, ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile umphakamo.

³⁹⁹ Yaye konke ukuhla nokunyuka *apha*, iyakuba ngabaHlanguliweyo. Kuyakubakho izindlu zegolide engewengekileyo. Kuyakubakho izitrato ezikhulu zasedolophini, neendawo ezityaliweyo ezinengca eluhlaza, nezitya. NoMlambo woBomi usiza, uthontsiza uvuza eTroneni, ubaleka ukuhla uphumela kwimiwonyo emincinane nakwi, owu, uphumele kumathambeka. Kwaye uMthi woBomi uyakudubula kwiyadi nganye; uthwale isiqhamo saWo, amaxa alishumi elinesibini ngonyaka, isiqhamo esitshintshiweyo kwinyanga nganye.

⁴⁰⁰ Kwaye ookumkani bomhlaba bayakungena kuwo bazise intlonipho yabo. “Amagqabi awo ke ngawokuphiliswa kweentlanga,” xa ookumkani bayakube bephila eluxolweni phaya ngaphandle. Xa bephuma, bayakukha umthi, igqabi lawo *ngolo hlobo*. Njengokuba ihobe labuyayo, ukubonisa ukuba umsindo kaThixo wawuhlile, laza labuya nesebe elingwele langena nalo enqanaweni. Ngoko xa ookumkani besimnka, ngokuzisa uzuko lwakhe kwigumbi loMtshakazi apha ngaphakathi eSixekweni, uyakuphakamisa isebe kukumkani ongummelwane wakhe, kwaye, “Siseluxolweni ngonaphakade.” Amen! Ukuphiliswa kwesizwe! “Sekulungile. Ngaxesha lithile sasisilwela omnye igazi lomnye, mntakwethu. Kwaye siye salondolozo ithemba lobomi, sakhwaza; sadubula, satshisa nabantwana, nayo yonke into. Kodwa ngoku kuluxolo, ukuphiliswa.” Hayi ukuphiliswa kwesifo; oko kwenzeke konke. Ukuphiliswa kwezizwe! Amen!

⁴⁰¹ ISixeko sineTrone encotsheni. IZityihlelo 21:23, “Kwaye abaswele kukhanya, kuba iMvana neNkosi uThixo ikukuKhanya kwazo.” Yabona? INkosi uThixo iyilaa Ntsika yoMlilo yayilandela abantwana bakwaSirayeli ukuphumela eNtlango. Kwaye inyukele phezulu phezu kweTrone, kobo Bukumkani bugqibeleleyo... xa ixesha... “uBukumkani

ayakuthi uYesu abunikele kuYise, ukuze uThixo abe zizinto zonke, nakubo bonke.” UYesu uhleli phezu kweTrone yaKhe apha, njengoYosefu wethu. Kwaye uKumkani ukoko kuKhanya kuyakuba phezu kweNtaba yeZiyon, ukuze ukuKhanya kwaKhe obungcwele bugubungele iSixeko siphela. Haleluya!

⁴⁰² Ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuphakama, neshumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuya macala omane, uneeparadesi zikaThixo zakhiwe kuso sonke eso Sixeko; izitrato, nezitrato ezikhulu zasedolophini! Funda iZityhilelo zakho 21, ubone ukuba akunjalongo na. 'Yabona, "Abaswele kukhanya, kuba iMvana ikukuKhanya." Kwaye phezu kweTrone kwakubonakala, kuhleli, ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile.

⁴⁰³ Ayihambi nje ithi ngqo inyuke *ngolu hlobo*. Iyathambeka ibheke ecaleni, njengephiramidi. Ukuba ibiyakuba sisiqingatha somgama, ngoko ibiyakuba phezulu kanye apha *ngolu hlobo*, uyabona, ukusuka kwesinye isixeko ukuya kwesinye. . .ngoku ukuba uyakuqaphela, ukusuka kwelinye icala leSixeko ukuya kwelinye.

⁴⁰⁴ Bendinokufaka into encinane ethile apha ukuba nifuna ukuba ndenze njalo. Niliqaphele eli qela lincinane lilapha? Simalunga nje nalaa ndawo, isazinge esisigubungelayo. EGeorgia, eCalifornia, ukuya eSaskatchewan, ukusuka eKansas, ukuya kutsho kanye kunxweme lweMaine; yiloo nto ehlanganisiweyo. Oko kumalunga noko kumelwe kanye apha, malunga neshumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuya macala omane.

Owu, besuka eMpuma naseNtshona,
Besuka kumazwe akude;
Ukuza kudla noKumkani wethu; ukudla . . .
(Kusidliwa ntoni? "Umntu akasayi kuphila
ngasonka sodwa." NgeSonka, iLizwi!)
. . . Ukuza kudla njengendwendwe zaKhe;
Basikeleleke njani abo bahambi!

Ehlabathini, ndimelwe kukutsho, andizange ndibabone abantu abanjengabo.

Owu, bekhangele ebusweni baKhe
obunokukhanya
Bubengezela kukuKhanya okuNgcwele;
Abaxhamli abasikelelekileyo lubabalo
lwaKhe,
Njengamatye anqabileyo eyakubengezela
kwisithsaba saKhe.
Owu, uYesu uyeza kwamsinya,
Iingxaki ziyakuba ziphelile ngoko.
Owu, kuthini ukuba iNkosi yethu ngalo
mzuzu ingafika?

405 Akuyi kuba lithuba elide. Yonke into ingokugqibeleleyo. Ngokwezomiwo mhlaba, iSodom, abathunywa; yonke into ihleli ngokuchanekileyo kanye ngendlela. 'Yabona? Oko kuthetha ukuthini? Kucinge nje, ukuza kulo Mnquba mncinane mnye, ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuya macala omane, ukusuka kubukhulu obunye.

406 Kwakutheni ukuze uThixo acinge akhathale kangako malunga nalaa ndawo incinane yasePalestina, 'Yabona, ngeli thuba ilichaphaza nje elincinane? Kodwa kanye ngaphakathi apho kulapho imi khona itempile. Kulapho iYerusalem eNtsha iyakuvela khona, kanye apho. "Umnquma, iNtaba yeMinquma iyakucandeka, icala liye ngasekunene nangasekhohlo," ngokuqinisekileyo, xa siyakuthi sithi phuhlu sinyuka sisuka ngaphantsi. Hayi, ukuthi, sityhala sisahlukana *ngolu hlobo*. Sityhala sinyukela phezulu, "ngaloo mini xa Ayakumisa iinyawo zaKhe ezingcwele phezu kwaloo Ntaba." Qaphela, phezu kweTrone yaKhe, elishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuphakama!

407 Khumbula, uSathana wazama ukuMlinga, ngathuba lithile, phezu kwencopho yentaba ethile. 'Yabona?

408 ISixeko eSitsha sineziseko ezilishumi elinesibini, njengokuba sesingenile kuzo, oomawokhulu abalishumi elinesibini; likhulu elinamashumi amane anesine eekubhite; sisigcina-sifuba sika-Aron; amasango alishumi elinesibini eperile, amagama abadisipile abalishumi elinesibini.

409 UYesu umi, iLitye lentloko, phezu kweTrone, xa abangcwele baKhe bayakuba beMthwesile, "enguKumkani wookumkani, iNkosi yeenkosi." Kwaye nguYe iLitye lentloko.

410 Andiyiphathanga incwadana ehlala engxoweni yam yokubhala. Kodwa ukuba niyakuqaphela kwezenu iincwadana zokubhala, ukuba unayo i-dollar eliphepha, banetywina leZizwe eZimanyeneyo; ukhozi kwelinye icala, liphethe izikhali, imbasa yesikhulu, njengoko kwakunjalo; ukuze kwesinye isiphelo, ibe nephiramidi, neliso elibona konke phezu kwayo. 'Yabona, babengazi ukuba babesenza ntoni na. Kwaye ngaphezulu apho ibhalwe ngesiLatin, kwaye uyakufumanisa ukuba ithi, eli li "tywina elikhulu." Babengazi ukuba babesenza ntoni na. Ngokunjalo noKayafa wayengazi ukuba wayeprofeta.

411 [UMzalwana uBranham ucacisa ebhodini—Mhl.] Nalo iTywina eliKhulu. Siso *esi*, 'yabona, iSixeko. Asiyonto nje ifana netyhubhi esicaba *ngolu hlobo*, 'Yabona, koko simi ngokwayama ukuze sibe nokubonwa. Kwaye phezu kwale Ntaba ingcwele yeNkosi, iNkosi iyakuhla phezu kwencopho yeNtaba yaYo; yiYo *le*. Naso isizathu sokuba ilitye lentloko

libe alizange libekwe ngu-Enoki. 'Yabona? Naso isizathu sokuba iLitye lentloko libe limelwe kukuza ngoku. Kwaye iNtaba iyakudubula inyuke, kwaye iyakuba yiNtaba yeNkosi.

⁴¹² Kwaye *apha* ngaphakathi kuyakuhlala abaHlanguliweyo. Ezi, izitrato ezikhulu nemigaqo ephangaleleyo, njengokuba kwakunjalo, iindawo ezityalwe ingca eziluhlaza noMlambo woBomi oyakuvela ubaleka kanye unqumla kuso. Kwaye yonke indlu iyakube yenziwe ngegolide ebonakalisa ngaphaya. Ukuze izitrato zibe zenziwe ngegolide. Kwaye imithi yoBomi iyakuba lapho, ize ithwale intlobo ezilishumi elinesibini zeziqhamo. Baze ookumkani namadoda ahloniphekileyo omhlaba ezise imbeko nozuko ukungena ngaloo masango. Amasango ke akayi kuvalwa ebusuku, ngokuba akukho busuku apho.

Kweso Sixeko apho iMvana ikukuKhanya,
Kweso Sixeko apho kungasayi kuza busuku;
Ndinendawo ngaphaya, engaphandle
kokubulaleka nokukhathala,
Owu, ndiya apho iMvana ikukuKhanya
khona.

⁴¹³ Awuboni ukuba iidolophu, izixeko, izindlu, iindawo zokuhlala, zi—zithetha ngaloo nto khona ngoku? Zonke ezi zinto zizezenyama zisisithunzi.

⁴¹⁴ Thabatha isithunzi, xa umgama, njengesandla sam. Ngokuba ingakho into e—eluqobo...okanye esisithunzi, kumelwe ukuba kubekho into eluqobo. Kwaye, uyabona, eso sithunzi, sikhangeleka ngokungathi ndineminwe elishumi elinesibini, kodwa ngoko wakuyisondeza isondelelane, i—ingqamana ibe yinto enye, ukuze isithunzi sinyamalale singena kwisandla.

⁴¹⁵ Kwaye kungoko, ngamaxesha amaninzi, abantu becinga ukuba kukho ooThixo abathathu okanye abane. Nikhangela nikude kakhulu kumahlaziyo akuqala. 'Yabona? Yiza uhle ngoku uze, uyakufumanisa, ukhangelisise phakathi ade abe Mnye. Loo nto yechanekileyo.

⁴¹⁶ Mnye uMtshakazi; hayi ishumi elinesibini, amahlelo emvaba. Kodwa manye uMtshakazi, ngulowo uNyuliweyo, ephuma kuzo zonke...ephuma e—ephuma emhlabeni othe wamiselwa loo nto ngenxa engaphambili, abo banako ukuqonda eyabo indawo eBukumkanini.

⁴¹⁷ Phezu kwale Trone, khangela, iphakame kangako! ISixeko esitsha; sineziseko; amasango alishumi elinesibini; uYesu, iLitye lentloko; abapostile, begweba; izizwe ezilishumi elinesibini.

⁴¹⁸ Iphiramidi ka-Enoki ibingenasithunzi nangaliphi na ilixa lemini. Ndakhe ndaya eYiphutha, kwiiphiramidi. Ibekwe

ngokwezomiwo-mhlaba kangako, kwaye ekwaxhiweni kwaloo nto inkulu ngokwezokubala; kangangokuba, akunamsebenzi nokuba liphi na ilanga, akuze kubekho sithunzi sijikeleze iphiramidi. 'Yabona ukuba injani na?

⁴¹⁹ Kwaye akusayi kuze kubekho busuku apho. Yena esencotsheni yeNtaba, ukukhupha kuthi saa ngobuqaqawuli baKhe. UkuKhanya koBuqaqawuli baKhe kuyakubakho lonke ixesha. Akusayi kubakho busuku apho. UYesu, iLitye lentloko!

⁴²⁰ Ngoku qaphela, ngoko, abaHlanguliweyo bayakuhamba ekuKhanyeni. Siyacula ngoku, "Siyakuhamba ekuKhanyeni, oko kuKhanya kuhle." Kukho into ethile ngaphakathi kwethu ebizayo. "Uphume ekufeni wangena eBomini." Kungenxa yokuba kukho oko kulindela. 'Yabona? Nantso into esiyiyo isibonakalaliso, oko siziva sikuko.

⁴²¹ Ngenene, oku...Ingaba senilungile? Esi seso Sixeko wathi u-Abraham wasizingela. 'Yabona? Engumprofeti, wayesazi ukuba eso Sixeko sasikho ndaweni ithile. IBhayibhile yatsho. Kwaye washiya isixeko awayehlala kuso, waze wahamba waya ngapho; khangela apho waya khona, ngokuchanekileyo kuloo ndawo siyakuba kuyo. 'Yabona? "Wayekhangela uMzi Omakhi nomenzi wawo unguThixo," 'Yabona, ngokuba wayengumprofeti.

⁴²² UYesu waya kulungisa, ngezandla eziNgcwele, iSixeko esiNgcwele; uMseki oNgcwele, esenzela abantu abathengwe ngokuNgcwele, esenzela abantu abamiselwe ngenxa engaphambili. Umnkile ukuya kulungisa.

⁴²³ U-Abraham wayezingela sona. "Kwaye wavuma ukuba wayengumhambi nowasenzini, kuba wakhangela loo Mzi umakhi nomenzi wawo unguThixo." Laa mprofeti, esazi ukuba wawukho ndaweni ithile! UYohane wawubona usihla, kodwa u-Abraham wayecinga ukuba wawusele usemhlabeni khona ngoko. Kuba? Wahlangana noMelkitsedeke, uKumkani wawo, waze waMnika isishumi. "Owayengenayise, okanye namama. Wayengenasiqalo sabomi nasiphelo sabomi." U-Abraham wahlangana naYe, baza badla umthendeleko kanye ngeliphandle kuloo ndawo kuyakunywisa kuyo iSixeko, iNtaba engcwele yeNkosi, apho abaHlanguliweyo baya kuhlala khona. Owu, bethu!

⁴²⁴ Elo xesha alimi nje. Hayi, sisexesheni; emva komzuzwana siyakuya kwiNaphakade.

⁴²⁵ Owu, iNtaba eNgcwele! Kuyakubakho izitrato ezibonakala ngaphaya zegolide, izitrato ezikhulu; nezindlu, neendawo ezityalwe ingca eluhlaza. Ukuba ufuna ukuyifunda loo nto, iSityhilelo 21:18. UMthi woBomi uyakuba lapho; iintlobo ezilishumi elinesibini zesiqhomo, esinye ngenyanga nganye, siyakuthwalwa nguwo. Abantu abadle ezi ziqhomo, bayakutshintsha oko kukukudla kwabo njalo, njalo ngenyanga.

426 Kwaye ku—kusukela . . . kokwabeyisi kuphela. Ubuyazi loo nto? Asikokwamahlelo.

Uthi, “Yinyani leyo, Mzalwana Branham?”

427 Masityhile kwiZityhilelo 2, okomzuzu nje, siyifumane loo nto. IZityhilelo 2:7. Masifumanise ngoku ukuba ngenene yiNyaniso na okanye hayi. IZityhilelo 2:7 sifundeka ngolu hlobo.

Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya . . .

428 Ngoku, khumbula, Akathethi namaJuda ngoku. Eli liBandla, abeNtlanga.

Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla; Lowo weyisayo, ndiyakumnika ukuthi adle kuwo umthi wobomi, ophakathi kweparadesi kaThixo.

429 “Ngabeyisi kuphela, abathe beyisa irhamncwa, beyisa uphawu lwalo,” elibubuKatolika, ubuProtestanti, nobuhlelo, “abathe boyisa irhamncwa, uphawu lwalo, nonobumba wegama lalo.” “Siyakuba nelungelo lokuya kuMthi woBomi, ukungena ngamasango apho kungekho nto ingcolisayo inokuze ingene.” ‘Yabona? Yicinge loo nto. Ngoku, okomzuzu nje ngoku, njengokuba sihamba kancinane njalo ukubheka phambili. UMthi woBomi uyakuba kwangabeyisi bodwa.

430 Amagqabi ayakuba ngawokuphilisa izizwe. Oko kuthetha ukuthi, ookumkani abaphila apho ngaphakathi, bezise imbeko yabo ngaphakathi, xa bathe bezisa intlonipho kuwo baze bayibeke phambi kweTrone kaThixo. Kanye njengabangaphandle, ishumi . . . ishumi elinanye lezizwe zezisa ngaphakathi, zonke ngazinye, izishumi kuLevi, ‘yabona. Xa bathe bezisa imbeko yabo ukuya kungena . . . ukusuka kumhlaba osikelelweyo, apho, bayakufikelela besuka kuMthi woBomi, baze baxhwithe basuse isebe elingwele . . . okanye igqabi loMthi woBomi, kwaye bayakuhamba baphume behlangene. Akusekho mfazwe. Yonke into iseluxolweni. Amagqabi asisikhumbuzo, sokuphiliswa kwesizwe.

431 Loo Mthi mnye, hayi njengo-Adam, yena . . . Kwakukho uMthi woBomi emyezweni wase-Eden, engewayedle kuwo ukuba wayengawanga. Loo Mthi woBomi wamkhumbuza, lonke ixesha, ukuba oko kutsha . . . ubutsha bakhe babuqhubela phambili buhamba. ‘Yabona?

432 Kuyakuba kwayiloo nto kwizizwe. Amagqabi ayakuba ngawokuphilisa izizwe; qaphela, hayi izifo ngoku. Ndibe naloo malungelo manye wayenawo u-Adam, njengokuba igqa . . . ihobe kukonke . . . kumkani ngamnye ethabatha igqabi.

433 Qaphela uMlambo woBomi, mhlawumbi imininzi imifula emincinane ewenzileyo. Ngoku, lo mhlaba . . .

⁴³⁴ Ndizakuvala emizuzwini embalwa nje. Kulo mhlaba... Okanye, ndizakupheza nje. *Zingako* izinto ezibhaliweyo ezisekhoyo, ngoku malunga namashumi amathathu amaphepha. Ewe. Khangela.

⁴³⁵ Kobu—Kobu ubomi, andizange ndibone kwanto inxaniswa njengokuba sezintabeni ufumane, njengokuba ndashumayela ngaloo nto ngobunye ubusuku, loo mfula udlwabhazelayo, lithende elinika ubomi. Ungadinwa unxanwe, uwe phantsi ngakumfula olungileyo; ezantsi kakhulu apho zingenakuya khona iintsholongwane, ezantsi kakhulu kumakhulu eenyawo ukungena emhlabeni, idlwabhazela asulungekileyo, awenene, amanzi anika ubomi. Siyayibulela loo nto. Kokuncinane oko. Ngoku, umhlaba unemifula yawo emininzi enamanzi ahlaziyayo. Xa unxaniwe usifa, ufumana esisiso, isiselo esibandayo kuloo nto, iyaku—iyakukunceda uze uphile.

⁴³⁶ Kodwa khangela apho kulo. Omnye uvela. Uvela kwiTrone, apho kulapho ufumana khona izinto ezinika uBomi. Zivela phantsi kweTrone kaThixo, apho ahlala khona uThixo.

⁴³⁷ Konke okwawo, konke okwalo mhlaba, lo mhlaba lo siphila kuwo ngoku; ngamnye, nokuba unguMkristu na okanye ungongakholwayo, baneetempile. Wakhe wayicinga loo nto? Iinkonzo, bebonke.

⁴³⁸ Kodwa Lo awunayo. IBhayibhile ithe, “Yaye kwakungekho tempile apho. Kodwa iNkosi uThixo nemvana nguyi iTempile yawo.” IMvana ikukuKhanya. IMvana iyiTepile. IMvana iyiTrone. IMvana ibuBomi. Nguyi loo Tempile. ‘Yabona, zonke ezi tempile zinento ethile abayinqulayo; kodwa, kwesi Sixeko, nguYe loo nto. Uhleli nabantu baKhe. UMoya wakhe wokuKhanya ugubungele iSixeko esiyiphramidi.

⁴³⁹ NjengoPetros noYohane, phaya phezulu encotsheni yeNtaba. UkuKhanya kwayigubungela incopho yentaba, laza iZwi lathetha, lathi, “Lo nguNyana waM oyintanda.”

⁴⁴⁰ ISityhilelo 21:3 nesi-4, “Umnquba kaThixo unabantu.” Wenze umntu wangumnquba, ngokumhlangula, ngezi nkqubo zokuqhubela phambili zintathu. Ngoku uThixo uzakuhlangua umhlaba uze wona ube ngumnquba kuye, enabo bamkhonzayo baKhe bomhlaba, awathi Wabavelisa bephuma emhlabeni. Kwaze ngenxa yesono bawa, kodwa u... Kwakunyanzelekile ukuba asivumele siqhubeke. Kodwa ngoku Wathumela uYesu ukuza kuhlangula umhlaba owileyo, esiyinxalenye yawo thina. “Akukho nonwele lwentloko yakho oluya kutshabalala.” Watsho uYesu. Wathi, “Ndiya kuluvusa ngomhla wokugqibela.” ‘Yabona? Kuba? Uyinxalenye yomhlaba.

⁴⁴¹ Uyaqaphela, ndinesiqhulo esincinane malunga nenkosikazi yam indixelela ngokulahleka kwam zinwele. Ndayixelela ukuba andilahlekwanga zizo.

Yathi, “Ziphi?”

⁴⁴² Ndathi, “Zaziphi ngaphambi kokuba ndibe nazo.” Nokuba kuphi na apho zazikhona, ziyinto ephathekayo; nokuba kuphi na apho zikhoyo, zindilindle. ‘Yabona? Injalo loo nto. Ndiza kuya kuzo, ngenye imini.

⁴⁴³ Lo mzimba mdala, ushwabeneyo uwayo, ugobayo emagxeni, unamadolo abuhlungu, no—nokurhwexa komqala. Ilungile loo nto. Ningawungcwaba elwandle, kodwa iXilongo liyakundivusa! . . . ? . . . Ewe, mhlekazi. Siyakutshintsheka, ngolunye kwezi ntsuku. Ndiyinxalenye yaloo mhlaba uhlanguliweyo. Wena usehlabathini, kodwa awuyonto kwi-*kosmos*. Ukudidi olwahlukileyo, kudidi oluhlanguliweyo.

⁴⁴⁴ Qaphela, “Umnquba kaThixo uyakuba nabantu.” Qaphela, “Izinto zakuqala zidlule.” Le, le into, idlule. Oko kuthetha ukuthi iZulu lihlile laza kuhlala kunye nabantu. ‘Yabona? Izulu nomhlaba zangene.

⁴⁴⁵ Kanye ngokuchanekileyo njengokuba iHobe leza phezu kwenxe yomhlaba, owawunguYesu; Wayeluthuli lomhlaba, umntu. UThixo, esiza esuka kuloo ntsohi incinane yoBomi, ngamandla okudala. Kwaye elo Gazi lalikuloo nto . . . UBomi obabukwelo Gazi benyuka babuyela kuThixo, kodwa iGazi lathontsizela phezu komhlaba, ukuwubanga. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini kambalwa—Mhl.]

⁴⁴⁶ Ngenxa yokuba elo gazi lalithe laveliswa linyuka, ukusuka kwiseli yentsobi yobomi evela kuKayin, ‘yabona; ngoku Yena wabuya ngamandla okudala kanye njengokuba Wenzayo ku-Adam, edala u-Adam, apha ngu-Adam weSibini. Yaye ngenxa yokuqhekeka kwaloo seli apho, apho (isono) uKayin wathi waphula loo seli yegazi phezu kolilungisa, ‘yabona, ngoku le iSeli yeGazi . . . ngokuba, wabulala u-Abheli, kodwa u-Abheli wayezelwe ngokuhlangana kwendoda nomfazi.

⁴⁴⁷ Kodwa Lo wayengazalwanga ngakuhlangana kwandoda nomfazi. “Yayikukudala kukaThixo, ukuqaleka kwako,” kwaye Oko kwalihlangula ihlabathi. Kwaye konke okweziqalelo zomzimba, iziqalelo ze-potash, i-petroleum, ukukhanya kobomi, owenziwe ngako, kuhlangulwe. “Akukho nonwele olunye oluya kwenzakala. Ndaye Ndiyakuluvusa kwakhona ngomhla wokugqibela.”

⁴⁴⁸ Ukuze uthini? UThixo uyehla ukuza ahlale phezu komhlaba. Wona lowo, Ayinxenye yawo, umzimba waKhe Buqu. Wona, wawuvusela ukugwetyelwa kwethu, kwaye sigwetyelwe ngokukholwa kuloo nto nokuyamnkela. Qaphela kwimizekelo, uYesu uyeza . . . Ngokomezkelo, uYesu uba ngumntu; uThixo . . . okanye wamisela ngenxa engaphambili ukuthabatha indawo yakhe, ukuza kusihlangula, ukwenza ukuba zonke ezi zinto zibe zezinokwenzeka.

Qaphela, ngaphandle kwendonga zaso ezintle, ezesiSixeko.

⁴⁴⁹ Ngoku nisifumene i “Sixeko eso”? ’Yabona, siyiNtaba engcwele. [UMzalwana uBranham ucacisa ebhodini—Mhl.] “Akukho nto iyakwenzakalisa okanye itshabalalise kuyo yonke iNtaba yaM engcwele, itsho iNkosi.” ISixeko eso asingombhobho. SiyiNtaba. Kwaye u—ububanzi buphindwe ngobude baphindwa ngomphakamo, buyalingana, ’Yabona; ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuya *ngapha*, ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile *ngapha*, ishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile konke ukujikeleza; ibe lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile umphakamo. Ngoko yiNtaba nje enkulu, njengephiramide, kwaye iSixeko siphezu kweNtaba. Uzuko!

⁴⁵⁰ Nantso ke, nazo iiparadesi zikaThixo, ukuKhanya kwehlabathi, obo Bukumkani bugqibeleleyo. Hayi umhla wesixhenxe; lowo unguNaphakade! ’Yabona? Hayi iMillenium iminyaka eliwaka yophumlo; uMhlaba Omtsha! ’Yabona?

⁴⁵¹ Ngeli thuba uphumela kwiMillenium, uphumela kwinkqubekeko yokuwungcwalisa, kodwa nangoko usamelwe kukuba utshe. ’Yabona? Ntoleyo ithi, iGazi lahlangula abantu, libonisa esi sikhumbuzo sokuthi . . . ixabiso lihlawulwe, kuloo mawaka eminyaka. Kodwa ngoko umelwe kukuba ucocwe ngoMlilo; kanye njengokuba nawe wenziwayo, abo bamele Yena kwesi Sixeko, abameli bakhe.

⁴⁵² Ngoko ukuba uyafa okanye uyaphila, oko kwenza wuphi umahluko? Ukuba Ubuye namhlanje, okanye Ubuya kwikhulu leminyaka ezayo, okanye kwiminyaka eliwaka, ndiyakuphumla nje kuphela kude kufike ukutshintshwa kwam.

⁴⁵³ Ngoko, xhego nawe xhegokazi, ungakhe udangale. [UMzalwana uBranham ucacisa ebhodini—Mhl.] Ukuba ukoko kumelweyo *apha* phezulu, kwisibonakalaliso sikaThixo; *lo*, uThixo; ukuba unayo loo nto, ukuba umelwe *apha*, awungeke . . . Ukoko kunguNaphakade. Kwaye ukuba uwelile ukusuka kuloo mhla wesixhenxe, wangena kowesibhozo, ungene kwinguNaphakade ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, ubandakanyiwe *Koku*. Ngoko, ukuba uthembele nje kuphela kukuziva komzimba, okanye ukuxhuma unyuke usihla, okanye, “Ndenze *oku*. Ndiyawugcina umhla wam wesixhenxe. Andiyidli inyama,” nezinto ezinjalo, loo nto iyakutshabalala, nakanjani na. ’Yabona? Kodwa *Oku* kunguNaphakade. ’Yabona? Oku kunguNaphakade, iSidlo emva kwesidlo seminquba. ’Yabona?

⁴⁵⁴ Isidlo seminquba sasisi sidlo sokugqibela, isidlo sesixhenxe. Sinqula ngoku phantsi kwesidlo seminquba, isigaba sesixhenxe sebandla.

455 KwiMillenium, siyakuba phantsi kwesidlo seminquba, kwakhona, kusuku lwesixhenxe.

456 Kodwa, ngoko, emva komhla wesixhenxe, siyakuba neNtlanganiso eNgwele, sibuyele emva kwinguNaphakade. Njani? NgaLowo unguNaphakade wathi weza wasihlangula wasibuyisela, esenza ukuba siqonde ukuba siyinxalenye *yoKu*.

457 Ngoku wazi njani ukuba uyinxalenye? Ngokuba, ukuba, iLizwi lexesha, ngesithembiso saloo mini. Siyintoni? Kukubuyiselwa emva kumhla wokuqala, owokuqala. “Yena wobuyisela iintliziyo zabantwana kooyise,” esizisa ukubuyisela kwakhona kwenkonzo kamoya yenene, hayi imihlali yokuziva; aze abonakalalise ukuKhanya kwangokuhlwa, kwa loo Nyana mnye wabonakala kukuKhanya kwakusasa, njengoko ethenjiselwe loo mini. Amen Amen kwakhona!

458 Sipi, zihlobo, sipi? Silinde nje ngoku ukuba sivule indlela, ukuze iZityhilelo 11 zibe nokwenziwa zi...zasiswe kumaJuda; injalo loo nto, uXwilo lusiza.

459 Khangela, ngaphandle kwamasango eendonga, kuyakuthi bhazalala kuMhlaba oMtsha, iintlanga ziyakuhlala kuxolo lwaNaphakade. Ngoku yintoni? Ookumkani abahloniphekileyo bayakuzisa uzuko kuwo. Akukho sono sinokubakho apho. Akusayi kubakho bafazi banqothula iinwele bayakungena kweso Sixeko. Ndingakuqinisekisa ngaloo nto. Akusayi kubakho banxiba iishoti, abatshaya imidiza. Amahenyu, amahenyukazi, okanye amaxoki, abanquli bezithixo, nokuba yintoni ababeyiyo, abayi kungena kweso Sixeko. Hayi, konke kuyakube kudlule. Isono siyakube singasekho. “Akukho nto iyakungcolisa ubungcwele baso eyakungena apho.” Nantso into Awayithethayo. “Konke kudlule, naphakade.”

460 Khangela phaya phandle kumasimi aso noko kungqonge amasango:

Ibhere iyakuba mbuna, ingcuka ithambe;
Ingonyama iyakungqengqa kunye nexhwane;
Isilo sasendle, siyakukhokelwa ngumntwana;
Ndiyakutshintshwa kwisidalwa endisiso.

461 Ndinokukufa kusebenza kulo mzimba ubhubhayo, ukuguga kungena, ndiyakutshintshwa.

462 Nilivile elo culo? “Ibhere iyakuba mbuna. Ingcuka ithambe.” Ayisayi kuxhuma, ikrazule izame ukukubulala. Iyakhamba kunye nawe isihla ngeendledlana.

Ngubani oyakuyidla ilifa loo nto? NgoHlanguliweyo. Iyakuba ngubani lowo?

Qaphela, ndinokufundisa kuphela ngemizekeliso yam ngoku. Qaphela, Mzalwana Lee.

⁴⁶³ Ngubani owaphumela kumhlaba omtsha kunye noNowa umprofeti? Ngabo bangena kunye naye enqanaweni. Akunjalo? Nabo abahamba baphumela kuwo. 'Yabona? Abo bahamba bangena noNowa, ngomyalezo wakhe, yayingabo abahamba baphuma phezu komhlaba omtsha emva kobhaptizo lwawo lwamanzi.

⁴⁶⁴ Abo bahamba bangene kunye noYesu ngoku. Ungena kanjani kuYe? NgaMoya mnye; kwaye Yena uliLizwi. Uba yinxalenye yaKhe. Uyeyiphi indawo kuYe? ILizwi eliphilileyo leli lixa, ukuqonda. Uyakuhamba uphume naYe ungene kwiMillenium. Kungoko xa uyakuphuma. Qaphela, hayi isizukulwana esitsha. Ukutyala ngokutsha!

Uthi, "Owu, Mzalwana Branham!" Owu!

⁴⁶⁵ Qaphela, ukuba uThixo angavusa u-Eliya amthabathe amnyuse, kumashumi amabini anesihlanu amakhulu eminyaka eyadlulayo, ukuze amtyale ngokutsha kwakhona emhlabeni, ukuze abe ngumprofeti kumaJuda, Angenza okukhulu ngakumbi kanganani kuMtshakazi!

⁴⁶⁶ Emva kokuba uNowa waphumayo enqanaweni, qaphela oko kwathethwayo kuNowa emva kokuba waphumayo kunogumbe, kanye njengokuba kwakunjalo ku-Adam ngaphambili. Emva kokuba ephumile, phezu komhlaba omtsha; kwathiwa, "Qhamani nande niwuzalise umhlaba," emva konogumbe. Qaphela, "Wayezakuqhama, awuzalise umhlaba," njengo-Adam ekuqaleni.

Ngoku ungabona ngokuchanekileyo apha. Ngoku phulaphulisisa ngenene.

⁴⁶⁷ U-Adam wayezaku "qhama ande awuzalise umhlaba." Ingaba kunjalo? UNowa wayeyakwenza njalo, emva komtsha, (ihlabathi lalitshatyalalisiwe), wayezaku "qhama ande awuzalise umhlaba." Niyayifumana? Ngoku aniboni ukuba iyintoni i "mbewu" yenyoka? Yintoni eyayizakuzalisa umhlaba? Niyayifumana? Kulungile. Niyabona indlela uSathana aweza ngayo ku-Eva ngoku. Kungoko ukufa kulawula phezu komhlaba ukusuka ngoko. Kwaye amazulu, umhlaba, izilo, umoya, konke kuqalekisiwe nguThixo ngenxa yaloo nto. Sisiqalekiso eso, ngokuba uSathana waya kufika kuqala kule nto.

⁴⁶⁸ UYesu weza kuwuhlangula ewubuyisela kuYise. Ukuze abe nokwenza oku, Waba yinxalenye yawo; njengokuba bendingenene kuloo nto. Kwaye ukusuka apho kuthuli kanye (inxalenye awayeyiyo uYesu, ngokwaKhe) luhlangulwe, ngaYe zonke izibonakalaliso zikaThixo zihlangulwe kunye nomhlaba.

469 Yena wayeliLizwi elithethiweyo. Thina bahlanguliweyo siyinxalenye yaKhe. Ngoko, ukuba unokuqaphela! 'Yabona?

470 AbaFarisi babebanga ukuba babenjalo. Kodwa, uyabona kwingcebiso yam yokuqala, babenjalo kuphela ngokwazi ngengqondo. Babengenakuliqaphela iLizwi xa lenziwa labonakalaliswa kanye phambi kwabo. Bathi, "Le ndoda ingumoya ongcobileyo."

471 Ngoku, namhlanje, sibizwa ngokuba singabaprofeti bobuxoki. Sibizwa ngayo yonke into engcolileyo enokubizwa, ngabantu benkolo, 'Yabona, ngamadoda abalulekileyo aneziphiwo. 'Yabona, akaqondi nje konke. 'Yabona?

472 Ubhaptizo lwawo lwamanzi lwalunganelanga ukuwucoca; ngokunjalo nolwabo. Ungwaliso, lweGazi, lwawubuyisa, lwawubanga. Kodwa ubhaptizo loMlilo lwawucoca; njengokuba lenzayo kuMtshakazi waKhe. Njengogwetyelo, ungwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele.

473 Akazange athembise ukuvelisa uhlanga olutsha, njengokuba benditshilo, koko Wathembisa ukuhlangula oluwileyo. Khona abo babe—babemiselwe ngenxa engaphambili, bawudle ilifa njengoko Wabeka ngedinga. Kwaye Yena unguThixo ongenakuguqu-guquka; siyayazi loo nto.

474 Khumbula, uThixo Wathabatha u-Eliya, emva koXwilo, waza wamtshintsha, wamtyala ngokutsha kwakhona phakathi kwabantu, ukuze azokuthabatha indawo njengomprofeti phakathi kwabantu bakowabo; kungekudala kwixesha Uyakuyenza loo nto. Njengoko wamgcinayo, ephilile, kulaa makhulu angamashumi amabini anesihlanu eminyaka. Umelwe kukuba avele kwakhona.

475 Qaphela kwakhona, Wamvusa uMoses kwabafileyo. Liphi ingwaba lakhe? Ingaba ukho umntu onokulifumana? Funda iNcwadi kaYuda. 'Yabona? USathana... INgelosi eyintloko waxambulisana nengelosi eyintloko, uSathana, wathi, kutheni... "INKosi mayikukhalimele," bebangisana ngomzimba kaMoses. Kwaye apha uPetros, uYakobi noYohane babemi bekhangele kuye, phezu kweNtaba yoTshintsho, apho kanye kuloo mhlaba iyakuthi iNtaba iveliswe inyuswe kuhlaliwe kuyo. 'Yabona?

Kwaye Weza kuwuhlangula.

476 'Yabona, lalilapho iBandla elixwiliweyo ngoko, limelwe; babelapho abo baleleyo, bemelwe. Malunga phi? [UMzalwana uBranham ucacisa ebhodini, okwezi ziqwendwana zibalwa zilandelayo—Mhl.] ESixekweni; phezulu encotsheni yentaba. 'Yabona?

477 Babelapho ooPetros, uYakobi, noYohane, bekhangele; isithathu, ingqina. Kwakukho u-Eliya, uMoses, noYesu; njengamangqina aseZulwini. 'Yabona?

478 Kwaye kwakukho uMoses, ofileyo, evusiwe. Kwakukho u-Eliya, uXwilo, wayesaphilile. Kwaye bobabini babemelwe kule ntaba ingcwele.

479 Kwaye, kunye, noYesu, uMhlanguli. Xa uThixo, phezulu entla kwaKhe *ngolu hlobo*, waMgubungelayo, wathi, "Lo nguNyana waM oyintanda."

480 Khumbula, uYesu wathi, malunga nosuku ngaphambi koko, Wathi, "Inene ndithi kuni, kukho abathile abemi apha ngoku, abangasayi kubona kufa, bade babubone uBukumkani bukaThixo bumiswe emandleni."

481 Yaiyintoni leyo? Ngabafileyo bevusiwe nabangcwele bexwiliwe, behlangene, banyuswe kunye ukuya kuMkhawulela emoyeni. UThixo eMgubungele, noYesu emi apho kwesi sithunzi, esithi, "Lo nguNyana waM oyintanda, eNdikholisiweyo kukuhlala kuye," yindlela yoBukumkani oButsha. Owu, mzalwana, dade!

482 Ukufa akukuguquli. Ukufa kutshintsha kuphela indawo ohlala kuyo. 'Yabona?

483 Khumbula, uSamuweli, ekubeni wayefile waza wangcwatywa isithuba seminyaka emibini, wayeseParadesi. Laza igqwirha lase-Endore lambiza lamnyusa, waza uSawule wamqonda; nalo lenza njalo, kananjalo, laze lawa ngobuso balo. Akazange atshintshe, nakancinane. Wayesekwanguloo Samuweli, emva kokuba wayefe iminyaka emibini, kwaye wayesengumprofeti. Wathi, "Ngomso uyakuwa edabini, unyana wakho kunye nawe, ukuze ngeli xesha ngomso ngokuhlwa ube kunye nam." Kwaye yiloo nto kanye eyenzekayo.

484 'Yabona? Kwaye xa uMoses ebuya, no-Eliya, ngokweZityihilelo 11, basaya kuba ngabaprofeti. Haleluya!

485 Kwaye phaya ngaphesheya, kuloo Mhlaba, iSixeko apho ithe iMvana yaba kukuKhanya khona, ndiyakukwazi, Mzalwana McKinney. Ndiyakunazi, bantu bam, matye am anqabileyo kwisithsaba. Xa bayakube bephuma eMpuma naseNtshona, besiza kwiSixeko; xa siyakube silishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile ukuya macala omane, sibe sihleli apho, eso Sixeko sakhiwe sambombone. Xa niyakube nihleli apho kwiNtaba engcwele, apho uThixo ahleli phezu kweNtaba, noYesu phezu kweTrone. Likhale ixilongo elibalulekileyo xa uYosefu ephuma, ezakuhamba enqumla iParadesi, baze abantwana bakaThixo bawe ngamadolo abo baMnqule, besazi ukuba bahlangulwa. 'Yabona? Amen! Haleluya!

Ngamanye amaxesha ndikhumbula ekhaya
 eZulwini,
 Nobuqaqawuli endiya kububona Apho;
 Lolunjani uvuyo xa ndiya kubona uMsindisi
 wam,
 Kweso Sixeko sihle segolide!
 Ndsingise kweso Sixeko sihle
 INKosi ilungisele. . .
 [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]

⁴⁸⁶ U-Isaya wathi, ku-Isaya 9:6, “Uxolo lwaKhe nokwanda kwaKhe kungabi nasiphelo. Ukuthethela kube sesixhantini saKhe; iGama laKhe kuthiwe nguMcebisi, nguMthetheli woXolo, nguThixo oliGorha, nguSonini Nanini. Nokuthethela kuyakuba sesixhantini saKhe; ukwanda kwaKhe ke noxolo lwaKhe lungabi nasiphelo.” Nkqu nezilwanyana zikho apho. Owu, bethu!

Ibhre iyakuba mbuna, ingcuka ithambe;
 Ingonyama iyakungqengqa kunye nexhwane,
 Nesilo sasendle, sikhokelwe ngumntwana;
 Kodwa ndiyakutshintshwa.

⁴⁸⁷ Ndiyakutshintshwa kwesi sidalwa ndisiso, yakufika loo Mini, kuba ndisinge kweso Sixeko. Ndsingise kwiSixeko sihle! Ndiwava kwintliziyo yam iphela aMandla okuhlangula ngoku.

⁴⁸⁸ Ukuba oku akunjalo, ngoko ndibulahlile ubomi bam; ndifundise abanye izinto ezibubuqhinga. Kodwa ndakukhangela phantsi ndibone idinga Alenzele lo mhla, ndiLibone lingqinelwe; ndikhangele nakweli bandla lishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile macala omane limi apha, abaNyulwa ababizwe bephuma kwiimvaba zobuhlelo nakwiintlanga nemigaqo nezinto ezinjalo, behlangene ndawonye; njengoko ndilibona iLizwi Lizingqinela, ndiyazi, ngaphandle kwaso nesinye isithunzi sokuthandabuza, amatye anqabileyo kwisithsaba sam ayakubengezela ukudlula nantoni na ekhoyo ehlabathini, ngaloo Mhla.

⁴⁸⁹ Liyakufika ixesha! Bantu, asihlanganelanga ilize apha. Silinde nje kuphela elo xesha. Ngokukhulu, liphele ngokukhulu ixesha, kodwa uYesu kakhulu, ukufutshane kakhulu. Kwaye, uBuqaqawuli baKhe, buyamangalisa. “Igama laKhe kuyakuthiwa nguMcebisi.” Eso Sixeko, uyasibona? Kulapho apho ayakuhlala khona ngokuzinzileyo uMtshakazi noMyeni, bangabuyi baphinde. . .

⁴⁹⁰ Ngoku, ukuba ucinga ukuba kuyinto emnandi xa siqhuba amakhulu eemayile ukuza kuhlala apha sondliwe ngeLizwi laKhe, ntoleyo isisithunzi nje, kuyakuba njani xa sesihlala kweso Sixeko kunye naYe! Xa ndiyakuhlala ndingummelwane

osecaleni kwakho, size sidle kuloo mithi, sihambe kwezo zitrato, xa siyakube sinyuka ngezo zitrato zegolide ukuya emthonjeni, sisele kuloo mthombo, singene kwiiparadesi zikaThixo, neeNgelosi zindanda phezu komhlaba, zicula iingoma, owu, iyakuba yenjani iMini! Yanele konke. Indlela ikhangeleka irhabaxa, ngamanye amaxesha iba nzima, kodwa, owu, iyakuba ncinane kakhulu ndakuMbona, ibe ncinane kangako. Ayakuba yintoni loo magama mabi bawathethileyo, kuyakuba yintoni oko ndakuMbona ngaphakathi kweso sihle, iSixeko esihle sikaThixo?

⁴⁹¹ Masithobe iintloko zethu.

Ndisingise kweso Sixeko sihle
 INkosi yam isilungiselele AbangaYo;
 Apho bonke abaHlanguliweyo bezigaba
 zexesha
 Bayakucula “Uzuko!” bengqonge iTrone
 emhlophe
 Ngamanye amaxesha ndikhumbula ekhaya
 eZulwini,
 Kwanobuqaqawuli balo endiyakububona
 Apho:
 Luyakuba njani uvuyo xa ndibona uMsindisi
 wam,
 Kweso Sixeko sihle segolide!

⁴⁹² Kwisiqithi sePatmos, uYohane wasibona! [UMzalwana uBranham uyalila luvuyo—Mhl.]

⁴⁹³ Yesu Othandekayo, eli themba, ithemba lam alakhelwe kwenye into, Nkosi. Lo ngumama wentliziyo yam; eso Sixeko, uKumkani omkhulu. Thixo ungavumi kutshabalale namnye apha, nceda. Sanga singabuhlosisa ubomi bethu kwakhona, namhlanje, Nkosi, silindele uKuza kweNkosi. Apho, bonke abaHlanguliweyo, ngaphaya ngaphesheya kuloo holo inkulu eRome, apho loo Makristu adliwa khona zingonyama, luyakuthi uthuli luwakhuphe ngenye imini!

⁴⁹⁴ Akuyi kubakho zindawo zamangcwaba ethambekeni lenduli yoBuqaqawuli. Akukho miphambo yangcango iyakubamba iintyatyambo zamangcwaba. Akuyi kubakho chaphaza lanyembezi kuzo. Hayi, hayi. Akukho mhlaba uyakube ufunjwe. Akukho zitshingitshane ziyakusintlitha. Kuyakuba bubuqaqawuli nje apho.

⁴⁹⁵ Sincede, Nkosi. Ukuba kukho othile apha...obizelwe kwiSidlo sangokuhlwa soMsitho weMvana, kweli waka leminyaka yolawulo lweMillenium, ukuze ngoko aye kungena kwiSixeko eso emva kweHolide yasemva komtshato xa seyiphelile. IMillenium iyiHolide yasemva komtshato nje kuphela. Ukuze Yena, uMtshakazi, athabathe

owaKhe. . . uMyeni athabathe Umtshakazi waKhe aye eKhaya. UngowaKhe. NguMyeni wakhe; nguMntshakazi woMyeni. Owu, Umnkile ukuya kulungisa iNdlu, ukususela oko Waganayo.

⁴⁹⁶ Sanga singanyaniseka kuYe Lowo uliLizwi, kuba Yena uliLizwi. Ngaphandle kwako konke ukuba abanye bazama njani na ukusichitha, basibhekise kude kuLo; Nkosi, ndisondeze ngakumbi.

Kuba ngamanye amaxesha ndikhumbula
ekhaya eZulwini,
Kwaye ubuqaqawuli baso ndiyakububona
Apho;
Lunjani uvuyo xa ndiyakubona uMsindisi wam,
Eso Sixeko segolide!

⁴⁹⁷ IKhaya elizayo loMyeni noMntshakazi! Uyabuya. . . [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.] . . ukuya kwiSidlo sangokuhlwa soMsitho; siyakuba ziintsuku ezintathu ezinesiqingatha. Aze abuye kwakhona, kwiMillenium, kwiHolidethe yethu yasemva komtshato. Ukuze A—Aye ekuziseni iSixeko sibonakale. Njengokuba umyeni ethabathela umntshakazi ukumothusa ngento esisipho, indlela athi ngayo eme apho umntshakazi omncinane othukile njengoko ekhangele kwikhaya lakhe elizayo! Ngokholo ke, namhlanje, Nkosi, siyalibona phaya ngaphesheya. Liyakuba lapha kanye phezu kwalo mhlaba. Wathembisa ngaloo nto.

⁴⁹⁸ IBandla lakho liyakuba lihlangulwe ngokupheleleyo, ngolunye kwezi ntsuku. Ukuze ngoko ihlabathi laKho lihlangulwe, okushiyekileyo kwawo wonke amasuntsu. Kodwa kuqala Uhlangule abantu baKho, imizimba yabo eyenziwe ngehlabathi.

⁴⁹⁹ Sincede, Thixo. Ukuba kukho othile apha ongaqinisekanga nje kwaphela ngaloo nto, Nkosi; bangangayamnkela khona ngoku.

⁵⁰⁰ Ndiyazi ukuba ibe lithuba elide kushushu, kodwa, bantu, asiyi kuhlala simi apha njalo. Andiyi kuhlala ndingumalusi wenu njalo. Masiqiniseke ngaloo nto.

“Ingaba ikho indlela, Mzalwana uBranham?”

⁵⁰¹ Ewe, yiba yinxalenye yeLizwi; inxalenye yeLizwi lanamhlanje. Awunakuba yinxalenye yeLizwi lomhla kaMoses; loo ndawo sele yenziwe yanyuswa, yayizinyawo ezo. SiseNtloko ngoku. NguKristu lo. Ayiloxesha lengalo, emva kuLuther, hayi. Eli lixesha leNtloko. UKristu, iLitye leNtloko, libuyela eMzimbeni.

⁵⁰² Ukuba awuziva ulungisile ngokuchanekileyo kanye malunga naloo nto, nokuba uphi na apho unokubanakho, ungasiphakamisa isandla sakho uze nje ubone. Mabathi bonke abanye bagcine iintloko zabo zithotywe. UThixo akusikelele.

503 Yithi, “Ndikhumbule emthandazweni, Mzalwana Branham. Ndifuna kakubi ukubakho apho! A—Andifuni kuyiphosa loo nto, Mzalwana Branham. Ndi—Ndiyahlola, ndenza yonke into endinako ukuyenza, kodwa ndithandazele ngoku, awungekhe?” UThixo akusikelele.

504 Ngeli thuba nicinga ngaloo nto ngoku, thandaza nje, uthi, “Thixo...” Kusentliziweni eyeyakho. ‘Yabona, ukuba uva into ethile exhuzulayo, ichukumisa entliziweni yakho, yiyo leyo. Sisibonakalaliso sizama ukuzixela.

Ndisingise kweso Sixeko sihle
 INkosi yam isilungisele AbangabaYo;
 Apho abaHlanguliweyo bazo zonke izigaba
 Bayakucula “Uzuko!” bengqonge iTrone
 eMhlophe.
 Ngamanye amaxesha ndikhumbula ekhaya
 eZulwini
 Nabo bonke abantu endiyakubabona Apho;
 Lunjani uvuyo xa ndiyakubona uMsindisi
 wam,
 Kweso Sixeko sihle segolide!

505 Bawo waseZulwini, sithabathe ngoku, Nkosi. Makathi uMalusi oMkhulu, uMalusi Omkhulu oHlangulayo, uMalusi oMkhulu Owashiya uBuqaqawuli, esazi ukuba ezinye zezibonakalaliso zazimlahlekile kwezo ngxingwa zinkulu zesono, iingcuka nee—neezilwanyana ziyakuthi ziziqwenge msinyane ezo gusha zinzincinane; kodwa Washiya iipaseji zegolide, wehla weza emhlabeni wenziwa wangomnye wethu, ukuze Abe nokubabaza uthando lukaThixo kuthi. Wabafumana apho Yena, abanye babo besemahlelweni, abanye babo bekwizindlu zodumo olubi, abanye babo beseziratweni, bezimfama, abanye babo bekwimithana nasezindleleni eziphezulu, kodwa Wabahlangula ngabanye abo uBawo wayeMisele ukuba abahlangule.

506 Waze Wasiyalela, ukuba siyakuphila nenxenye yeLizwi lezigaba zethu. Kwaye sibone uhlaziyo olukhulu lukaLuther, kweso sigaba; noWesley; nabenkongo kaMoya. Ngoku sikhangele kwiLitye lentloko leso Sixeko. Owu Thixo, siyasazi isigaba nesithembiso esisinikiweyo salo mhla, indlela ekuyakuthi Oku kubuyiselwe ngayo kwakhona. “UkuKhanya kwangokuhlwa kuyakuvuthiswa isiqhamo sako. Kwaye kuyakwenzeka ukuba ngaloo mini kubekho imini ekungayi kuthiwa yimini okanye ubusuku, ayinakubizwa, kodwa ngexa langokuhlwa kuyakuKhanya.”

507 Loo Nyana woBuqaqawuli kaThixo mnye, uZibonakalalisa kwinyama yomntu apha phezu komhlaba, esenza ukuba idinga liziphile ngokuchanekileyo, emfanyekisiwe kumehlo abaFarisi nabaSadusi namaHerode, njalo njalo.

508 Kwaye namhlanje iyaphinda loo nto kwakhona, iLizwi libonakalaliswe kanye njengokuba laLinjalo. ILizwi, lisazi imfihlelo yeentliziyo, kanye ngokuchanekileyo ngaloo ndlela laliyiyo, njengokuba iSibhalo sitshilo, sona singenakwaphula. Sincede, Thixo, ukuba siyiqonde loo nto.

509 Nceda aba ngoku baphakamise izandla zabo. Banga bangazibhinqisa ngokuqinileyo kunoku; bazixhobise ngeVangeli yoxolo; baphathe sonke isikrweqe sikaThixo; bawutsale uhle umnqwazi; bathabathe ikhaka lokholo; bamatshe baye phambili, ukusukela namhlanje ukuya phambili. Siphe oko, Nkosi.

510 Okomzuzu omncinane nje, sizakuyalelwa, ukuze uXwilo lufike. Iqela elincinane kakhulu, njengo-Enoki, liyakunyuswa.

511 Ngoko, “amasalela embewu yomfazi, eyigcinayo imithetho kaThixo,” amaJuda, “anobungqina bukaYesu Kristu,” iiNtlanga, ziyakuzingelwa ngokwezinja, “zize zinikele ngobomi bazo njengobungqina.”

512 Ngoko, ngentsasa ethile ebalulekileyo, kuyakuthi qheke iMillenium, ibe—ibe iholide esemva komtshato iqalile.

513 “Ukuze abaseleyo abafuleyo bangabuyi baphile ide iphele iminyaka eliwaka.” Ngoko, ekupheleni kweminyaka eliwaka, kwabakho uMgwebo, ubonisa ukuba uHam wayesemkhombeni. Kwaye uHam uselapho kumasalela. Abo baWuvayo baze baWala kuyakunyanzeleka ukuba bagwetywe.

514 Ngoko, siphe oko, Nkosi, ukuze singabalelwa phakathi kwabo, koko sibe kubizelo lwaseSidlweni soMsitho. Kuba, siyaqonda ukuba uYesu uphakathi kwethu namhlanje. Siyangena kunye naYe; siphuma ehlabathini, singene kuYe. Masihambe singene kweso Sixeko, siphume kunye naYe.

515 Ndiyaguga, Nkosi. Andinazintshumayelo zizezinye zininzi ndiyakuzishumayela. Kodwa ngokuqinisekileyo ndithembele kuWe. Ndilangazelela eso Sixeko, njengokuba wenzayo ubawo wam u-Abraham. Kukho iNto ethile endixelela ukuba siyeza. Ndizama kuyo yonke indawo, Nkosi, ukusasaza ukuKhanya ndibabize. Makungabikho namnye kwaba, Nkosi. . .

516 Kuhl kangakanani, kumzuzwana odlulileyo, Undityhilele loo nto. Ukusuka kwisazinge esimalunga neshumi elinesihlanu lamakhulu eemayile, abe mnye *apha* kunye *naphaya*, babe behleli kunye namhlanje, baze bahlanganisana kwindawo encinane, belindele eso Sixeko ukuba sifike. Siyavuma ukuba singabasemzini nabaphambukeli. Singabalahlelwa phandle. Abahedeni, ihlabathi, liyahleka lenze intlekisa; amahlelo ezenkolo ayaphoxisa; kodwa asishukuniswa zizinto ezinjalo. Senze ukuba sibe yinxenye yeLizwi, Nkosi, elingenakushukuniswa. “Oko kuyakwenzeka

ngemihla yokugqibela.” Yanga ingasithi, Nkosi, sanga singabalelwa phakathi kwabo. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

⁵¹⁷ Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”] Masiphakamise izandla *ngolu hlobo*.

Ndisingise kweso Sixeko sihle
 INkosi yam isilungiselele AbangabaYo;
 Apho abaHlanguliweyo bazo zonke izigaba
 Bayakucula “Uzuko!” bengqonge iTrone
 eMhlophe.
 Ngamanye amaxesha ndikhumbula ekhaya
 eZulwini,
 Bonke ubuqaqawuli endiyakububona Apho:
 Owu, lunjani uvuyo xa ndiyakubona
 uMsindisi wam,
 Kweso Sixeko sihle segolide!

⁵¹⁸ Ngoku, ukuba siyakuhlala kweso Sixeko kunye, bambana isandla nomntu othile, uthi, “UTHixo akusikelele, mhambi. Uvelaphi? ELouisiana, eGeorgia, eMississippi? Ndingumhambi, okwam. Ndikhangela eso Sixeko.”

⁵¹⁹ Ndikhangela eso Sixeko, Mzalwana Neville. Ndidlulela ngaphaya kwi. . . ?. . . Amen. Mzalwana Capps, ndikhangela eso Sixeko, unangoku, ngokuhlwanje. [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela elithi *Akukho Kudana—Mhl.*]

Nabo bonke ubuqaqawuli endiyakububona
 Apho:
 Lunjani uvuyo xa ndibona uMsindisi wam,
 Kweso Sixeko segolide!
 Owu, ibhere iyakuba mbuna, nengcuka
 ithambe;
 Ingonyama iyakungqengqa nexhwane, owu,
 ewe;
 Isilo sase. . . sikhokelwe ngumntwana;
 Ndaye ndiyakutshintshwa, nditshintshwe
 kwisidalwa endisiso, owu, ewe.
 Owu, kuyakuba luxolo kum entlanjeni ngenye
 imini;
 Owu, kuyakuba luxolo kum entlanjeni.
 (Kunjalo! Ewe!)
 Kungabi sabakho ntlungu, kungabikho lusizi,
 ndingabonani nankathazo;
 Kwaye koba luxolo kum entlanjeni.

⁵²⁰ UKumkani wethu ongabonakaliyo, ngale ntsasa, uyakwenziwa abonakalaliswe. Kwaye andiyi kukhangela kuBill Dauch enamashumi alithoba eminyaka ubudala. Awuyi kukhangela kum njengomntu onamashumi amahlanu. Koko ndiyakutshintshwa, ngaloo Mini.

Naxa isilo sasendle, siyakukhokelwa
 ngumntwana;
 Kodwa ndiyakutshintshwa, nditshintshwe
 kwisidalwa endisiso.

521 Awusayi kuvuya? Iinwele ezingwevu ziyakube zingekho;
 amagxa agobileyo. Koko ibe bubuhle, okungenakubhubha,
 siyakuma kwimfano yaKhe, eyakuqaqamba ngaphezu
 kwelanga. Owu, iyamangalisa!

. . .kum, Owu Nkosi, ndiyathandaza;
 Akuyi kubakho lusizi, kungabi sabakho
 ntlungu,
 Ndingabi sabonana nankathazo;
 Kwaye kuyakuba luxolo kum entlanjeni.

522 Nantso into esizele yona apha. Bangaphi kuni abaswele
 amandla olo hambo? UThixo makasiphe wona! Bangaphi kuni
 abagulayo emzimbeni, amajoni angxwelerhiweyo? Lishumi
 elinesibini, okanye ngaphezulu. Uyakholwa ukuba Ulapha,
 uKumkani ongabonakaliyo? Izinto ezibonakalayo;
 ezingabonakaliyo zenziwe zabonakalaliswa zezibonakalayo.
 Isekwanguye, namhlanje, nangonaphakade, ngaphandle
 kokungumzimba. Ngoku, ukuba lo nguMoya waKhe
 oshumayele oku ngam, Uyakwenza imisebenzi Awayenzayo
 ngethuba Wayelapha. Owu, kumangalisa njani!

Ndsingise kwilizwe ledinga,
 Ndsingise kwilizwe ledinga;
 Owu, ngubani na oyakuhamba nam?
 Ndsingise kwilizwe ledinga.

Ngaphaya kwawo onke loo mathafa anabileyo
 Kubengezela iMini enye enguNaphakade;
 Apho uThixo uNyana alawula ngonaphakade,
 Abuchithe bumnke ubusuku.

Owu, ndsingise kwilizwe ledinga,
 Ndsingise kwilizwe ledinga;
 Owu, ngubani na oyakuhamba nam?
 Ndsingise kwilizwe ledinga.

523 Amakhulu amahlanu ehamba engena emlanjeni phaya
 phesheya, ngosuku lokuqala iNgelosi yeNkosi ivela
 ngokubonakalayo, ukungqina, njengokuba Wenzayo kwiNtaba
 yeSinayi, ukuba ndahlangana naYe. Ndahamba ndangena
 emlanjeni, amakhulu ecula elo culo linye lobhaptizo. Nako
 Esiza, esihla, laa Ntsika yoMlilo inye niyibona emfanekisweni
 phaya; isihla, yehla kanye apha emlanjeni, yathi, “Njengokuba
 uYohane umBhaptizi wayethunywe ukuza kwandulela ukuza
 kwaKhe kokuqala, lo Myalezo uyakwandulela uKuza
 kwesibini.” ‘Yabona? Nantso ke, ‘Yabona.

Owu, ngubani na oyakuhamba nam?
 Ndsingise kwilizwe ledinga.

524 Laa Ntsika yoMlilo inye ilapha ikunye nathi. Ingaba uyayiqonda loo nto? Wenze abanye kuthi babengabenye into, abanye babengabenye. Ukuba uyakuthi, ngaphandle kokuthandabuza, ukholwe ukuba Usesazulwini sesakhiwo, ndiyakholwa ukuba UyakuZibonakalalisa kuwe. Ingaba iyakwanelisa loo nto? Ukuba andifumananga wonke ubani...Kuza kuba yintsimbi yesibini, kodwa ukuba uya...Kusemva kweyokuqala kancinane, gxebe. Ukuba uyakukholwa, Mvumele ehle phezu kwethu! Luphi ukhoho lwethu? 'Yabona, nimelwe kukuyikholelwa loo nto. Ukuba awuthandabuzi, nakancinane, iyakusebenza.

525 Ndi—Ndiyabuqaphela uBukho obuNgcwele boBuntu bukaKristu, OliLizwi. Kwaye iBhayibhile ithe, "ILizwi li...linamandla ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, Lihlaba lahlule umongo nethambo, licalule ingcingane e—ezisentliziweni, lityhile imfihlelo yentliziyo."

526 Khangela. Kuba, bendingazazi ezo zinto, kwiminyaka eyadlulayo. Ndaze ndathi ndakuzithetha, ndingazazi, khangela oko Wakwenzayo. Wathi, "Ngoku uyakubamba abantu ngesandla sabo, ukuze, ungacingi nto, uthethe oko eso sibonakalaliso sikuxelela kona. Uthi lithumba elihlumayo, nokuba yintoni na ekuyiyo." Ngoko wathi, "Kuyakufika ekubeni kunganyenzeleki ukuba wenze loo nto." 'Yabona? 'Yabona? "Iyakucalula kwa loo nto ingaphakathi kubo." Sinazo zonke iintlobo zokulinganisa, siyayazi loo nto, ezinokuphantse zilahlekise abaNyuliweyo ukuba bekunokwenzeka. Khangela indlela ezo zinto zizonke ezihamba ngayo neLizwi, uyakwazi ke ukuba yinyaniso na okanye hayi. Kodwa, nangoko, uYesu uhlala inguye izolo, namhlanje, nangonaphakade.

527 Bangaphi apha abagulayo, nabaziyo ukuba andinazi? Phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndi—Ndiyazi ukuba awundazi." Owu, nje, ndiyaqikelela, kuyo yonke indawo. Inye kuphela into ekufuneka uyenzile kukukholwa kuloo nto.

Kholwa kuphela, kholwa kuphela,
Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela;
Kholwa kuphela, kholwa kuphela,
Zonke izinto zinokwenzeka, kholwa kuphela.

528 UYesu wathi, "Njengoko kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakuba njalo xa uNyana womntu eyakutyhilwa phezu komhlaba ngomhla wokugqibela. Xa uNyana womntu eyakutyhilwa, okanye, eyakuZityhila ngomhla wokugqibela." Ngoku, hayi iintsuku zangaphambili, imihla ephakathi; umhla wokugqibela, 'Yabona, Uyakutyhila. Ke ngoku sikuloo mihla yokugqibela. ISodom ihleli nje ngokuchanekileyo, yonke into, abathunywa, ngokufanayo nje.

529 Kwenzeka ntoni ku—kumasalela amancinane awayebizwe akhutshwa kunye neqela lika-Abraham? Kwakukho Owayephakathi kwabo, ekwinyama yomntu; emelwe ekwinyama yomntu, esidla kunye nabo, esela kunye nabo, kwa ukudla ababekudla, yonke into. Wema phakathi kwabo, wachaza uMyalezo. Waze Wathi, “Ndiyakwenza lento ibalulekileyo.”

530 Kwaye u-Abraham wahlala efundisisa, “Ingaba siso esi? Bendizungula iSixeko. Ingaba nguye lo loo Kumkani?”

531 Waze Wathi, “Uthandabuzeleni uSara malunga nalento?” Ententeni, emva kwaKhe.

532 U-Abraham wathi, “Nkosi Thixo, Elohim!” Kuba, Wacalula iingcinga zikaSara.

533 UYesu wathi loo nto iyakuphindeka kwakhona xa Ayakube etyhilwa ngomhla wokugqibela, iLitye lentloko lisihla lingena eMzimbeni. Ukuza kuhlanguka ii. . .Ngohlanguliweyo lowo, esiza kuthabatha AbangabaKhe. Ulapha ekunye nathi.

534 Ngoku, kukho malunga neshumi elinesibini kuphela lezandla, okanye ngaphezulu, eziphakamileyo. Ndiyakholwa ukuba uThixo unokuniphilisa nonke ngabanye. Kulungile. Ndiyakholwa ukuba niphilile. Andikhoholwa ukuba umntu eneneni angahlala kwindawo elolu hlobo ngaphandle. . . kwixesha elinjengeli, kulo moya ukhoyo, ngaphandle kokwazi, aqonde into ethile.

535 Ndifuna ukuba uthandaze. Ndifuna ukuba ufumanise ukuba yintoni na undonakele kuwe, e—e—entliziyweni yakho, 'Yabona, ndize ndiqalise ukuthandaza, uthi, “Nkosi Yesu, tyhila oku. Ndi—Ndithetha naWe yintoni eyonakeleyo kum. Ukuze ngoku Uthumele uMoya oyiNgcwele waKho kuMzalwana Branham, ukuzalisekisa oko akuthethileyo ukuba kuyiNyaniso, kulo Myalezo athe wawuthetha namhlanje ngaWe, ndiyazi ukuba uyakuba yiNyaniso. Ngoku, tyhila oko kum, Nkosi. Thetha nam.”

536 Ngoku zithe saa, bumalunga jikelele apha. Ngoko thandaza nje, uze ukholwe nje ngentliziyi yakho iphela, ukuba uThixo uyakukupha loo nto.

537 Ngoku ndifuna ukuba ukhangele kum, uthandaze. Kanye njengokuba uPetros noYohane benzayo, “Khangela kuthi apha.” Wayefuna okuthile, kwaye wayemalunga nje nokuba akufumane. Nawe ufuna okuthile, kwaye ndiyakholwa ukuba sowusondele ekukufumaneni. Wathi, “Khangela kuthi apha.”

538 Wathi, “Isilivere negolide, andinayo; kodwa oko ndinako, ndikunika kona.”

539 Ngoku, impiliso, andinayo. Iyonke ikuKristu. Kodwa oko ndinako, isipho sikaThixo, ndikunika sona, ukholo

lokukholwa kuYe. Ngoku, eGameni likaYesu Kristu, ngamnye kuni makaphile. Kholwa yiloo nto. 'Yabona? "Ukuba unokukholwa nje!"

⁵⁴⁰ Eli nenekazi lincinane lihleli phaya, likhangele kum. Belilila, kwimizuzu embalwa edlulileyo, lithandaza. Likhathazwa lidlala lomqala. Andikwazi. Ungumntu ongaqhelekanga kum. Yinyaniso leyo, ayinjalo. [Lo dade uthi, "Kunjalo."—Mhl.] Awuveli apha. Uvela eChicago. Nkosk. Alexander. Ukuba yinyaniso leyo, shukumisa isandla sakho. Ngoku buyela eChicago uphile.

⁵⁴¹ Uchukumise ntoni? Loo Nto inye laa mfazi wayenethombo legazi wayichukumisayo, umqokumbelo wengubo yaKhe, hayi eyam.

⁵⁴² Nali inenekazi elincinane lihleli kanye apha phakathi kwesihlele, ukuba ndingenza nje ukuba lindiqonde. Wena ubuphakamise intloko ujonge ecaleni. Andikwazi. Ungowasemzini kum, kodwa uyahlupheka yinkathazo yesisu. Umyeni wakho uhleli ecaleni kwakho. Unento engalunganga kwindlebe yakhe. Igama lakho unguCzap. Ungumntu endingamaziyo. Awungowalapha. Uvela eMichigan. Ukuba injalo loo nto, shukumisa izandla sakho. Buyela eMichigan, uphile. Ukholo lwakho luyakuphilisa. "Ukuba unokukholwa nje, zonke izinto zinokwenzeka."

⁵⁴³ Inenekazi elincinane eliya likhathazwa ngumqala, lihleli kanye emva apha ekupheleni, lisuka eGeorgia, linxibe mhlophe. Phindela, ezantsi eGeorgia, uphile. UYesu Kristu uyakuphilisa. Uyakholwa?

⁵⁴⁴ Eli nenekazi lihleli phaya, likhangele kum, kanye ekupheleni kwesitulo. Linenkathazo yokudumba kwamathatha. Ukuba liyakukholwa yiloo nto, uThixo uyakuliphilisa. Nkosk. Brown, kholwa ngentliziyo yakho yonke, uYesu Kristu uyakuku... Andazani nawe, kodwa Yena uyakwazi. Aha. Uyakholwa yiloo nto? Phakamisa isandla sakho. Kunjalo.

⁵⁴⁵ Ungqengqo apha kule bhedana. Mxeleleni akhangele ngapha. Ubebulaleka, eqhubela phambili. Ukuba bendinokumphilisa, bendinokuyenza loo nto, mhlekazi. Andikwazi kuphilisa. Akaveli apha; uvela kude kakhulu. Uvela eMissouri. Iingxaki zakho zezangaphakathi. Kodwa ukuba uyakukholwa ngentliziyo yakho yonke, ungathandabuzi, uYesu Kristu angakuphilisa; kwaye ungaphindela eMissouri, uphilile, wenze ubungqina bakho. Uyakholwa yiloo nto? Ngoko yamkele, uthabathe loo bhedana yakho ugoduke. UYesu Kristu uyakuphilisa.

⁵⁴⁶ Niyakholwa? Eso sisibonakalaliso soBukho boKumkani onguNaphakade. Niyakholwa yiloo nto ngoku, ngentliziyo yenu yonke? Ngoku, ngokuqinisekileyo Wenze isangqa,

ngokujikeleza esi sakhiwo sisonke. Ingaba uyakholwa yiloo nto ngentliziyo yakho iphela? Uyakholwa ukuba ukuBukho baKhe?

⁵⁴⁷ Ngoku, ingaba uyakholwa usamnkela ukuba ungomnye wabo bangabathunywa bobu Bukumkani? Phakamisa isandla sakho. UYesu wathi, “Nantsi ke imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo. Ukuba bathe babeka izandla kwabagulayo, bayakuphila.” Kuthi omnye ngowomnye; uyinxalenye yam, ndiyinxalenye yakho; sisonke siyinxalenye kaKristu. Ngoku, sisonke, masibeke izandla zethu omnye phezu komnye.

⁵⁴⁸ Kanye apha, laa mfazi ebekwibhedana encinci uphakamile, uyahamba-hamba, egoduka ukuya kuphila. Amen.

⁵⁴⁹ Unjalo, mntu ngamnye, uphilisiwe, ukuba uyakukholwa yiloo nto. Ngoku bekani izandla zenu omnye phezu komnye, kwaye niyile nxalenye kaKristu. Thandazela loo mntu ziphezu kwakhe izandla zakho, kanye ngaloo ndlela ufuna ngayo.

⁵⁵⁰ Nkosi Yesu, siyaqaphela ukuba Ulapha. UnguKumkani wethu; UyaZiqondakalisa phakathi kwethu. SiyaKubulela ngenxa yobuBukho. Kwaye, Nkosi, wathi Wena, “Ukuba nithe kule ntaba, ‘Funquleka,’ ningathandabuzi; ukholwe ukuba oko ukuthethileyo kuyakwenzeka, ungakufumana, ningayifumana loo nto niyithethileyo.”

⁵⁵¹ Ngoko, kwisihlwele kuya lo myalelo, ekuthobeleni iLizwi likaThixo elingenakusilela, thina njengameli baKho abasuka kwishumi elinesihlanu lamakhulu eemayile macala omane, njengeso Sixeko, sithi kuSathana, umtyholi owoyisiweyo, “Isiphelo sakho kukuba uyakutshiswa. Singabameli abasuka kwiSixeko esimbombo-ne, iSixeko apho iMvana ikukuKhanya kuso. Sizizibonakalaliso zikaThixo Onamandla onke zibonakalalisiwe, athe uYesu Kristu wazihlangula ngobabalo lwaKhe.”

⁵⁵² Sathana, phuma, ushiye wonke umntu ogulayo olapha ngaphakathi, eGameni likaYesu Kristu. Izandla ezingcwele ezizezihlanguliweyo, ngenxa yokuba bekhohle kwiLizwi kwaye zizibonakalaliso zengcinga zikaThixo, ngoku ezo zandla ziphezu komnye ezomnye. Awusenakubabamba kwakhona. Phuma, eGameni likaYesu Kristu!

⁵⁵³ Ngoku, eGameni leNkosi uYesu, ngoku, Ulapha. ILizwi lithi ulapha. Ubukho nokholo lwakho luyathetha, lokuba, ungomnye wabo bameli. Nkqu yonke indlela yokulinganisa yokwezemo yomhlaba esinokuyibonisa, iyiyo. Ingaba niyaqaphela ukuba ningoonyana neentombi zikaThixo ezihlanguliweyo? Niyaqaphela ukuba *eli* liKhaya lenu? *Naku* apho niya khona.

⁵⁵⁴ Kungoko nithe neza apha, kungoko nize kuKristu nje, nizondla ngeLizwi laKhe. Ukuba ninokuba nexesha

elinjengeli, apha, ngezibonakalaliso zaKhe ezityhiliweyo nje, kuyakuba yintoni sakungena eBusweni baKhe? Owu, kuyakumangalisa! Mntu ngamnye kuni unelungelo lokuphilisa abagulayo, ubeke izandla zakho phezu kwabagulayo. Mntu ngamnye kuni unelungelo lokubhaptiza.

⁵⁵⁵ Ukuba kukho umntu apha ongabhaptizwanga eGameni likaYesu Kristu, iqula livuliwe.

⁵⁵⁶ Nantso kuphela indlela oyakufika ngayo apho, aha, injalo loo nto, kukuthobela iLizwi ngalinye. Khumbula, indawana nje encinane yeLizwi, ekuqalekeni, yadala sonke isono esiphezu komhlaba. UYesu wathi, “Nabani na oyakususa iGama libe linye kweLi, kungenjalo ongeze igama elinye kuLo, akasayi kungena.” Igama lakhe lisusiwe eNcwadini, nje ukuba enze loo nto.

⁵⁵⁷ Kwaye akukho ndawo eBhayibhileni apho nabani na wakhe wabhaptizwa, eBandleni, ngolunye uhlobo kungekulo iGama likaYesu Kristu. Ukuba awukabhaptizwa ngolo hlobo, kungecono wenze njalo.

⁵⁵⁸ “Owu,” uthi, “akwenzi mahluko.” Kwawenza ku-Eva.

⁵⁵⁹ USathana wathi, “Owu, ngokuqinisekileyo, uThixo, uyazi Thixo. . .” Kodwa, Wayetshilo. Wathi kuyakubanjalo.

⁵⁶⁰ Wanika uPetros izitshixo zoBukumkani, kwaye oko kwakubotshwe ngePentekoste kubotshwe naphakade. Naso isizathu sokuba uMtshakazi angene okwesibini kumboniso wakwangaphambili, ityeli lesibini; kumelwe ukuba kubekho iBandla elibizwe lakhutshwa ngomhla wesiphelo, njengokuba kwakunjalo kumhla wokuqala, ngokuchanekileyo kanye. UMthi unyukile ukusuka ezingcanjini zawo, waza kutsho phezu kuMthi woMtshakazi, njengokuba wenzayo ngelo xesha; umsebenzi wobuchule kaThixo kwakhona, njengokuba benditshilo kwiiCawe ezimbini ezidlulileyo, ukuze kubuyiselwe kweso Sixeko.

UThixo anisikelele. “Ngoku ndiyakholwa.”

⁵⁶¹ USathana woyisiwe. Uyayazi loo nto. Uphezu komhlaba, uhamba njengengonyama egqumayo. Akusayi kuba thuba lide abe uphelile, ugqityiwe. Uyalazi ixesha lakhe. Uhamba njengengonyama egqumayo.

⁵⁶² Kodwa, khumbula, iTshawe loXolo limi kufutshane; Lowo Mkhulu uyiNgewe. INgcibi yobuntu bam, iNgcibi Eyakha oko ndikuko, Eyakha loo nto uyiyo, ilapha. Ukuba ke iNgcibi, Eyaziyo ukuba masibe kwesinjani na isakhiwo sihlangane, kwindawo yaso eyiyo, ngubani owazi ngcono kunaloo Ngcibi? Kwaye Ulapha ukuza kuqondakalalisa, aZiqondakalalise, Ulapha.

⁵⁶³ Ngoku kusekelwe phezu kokholo lwakho. Kholwa, kholwa kuphela!

Ndisingise kweso Sixeko sihle
 INkosi yam isilungiselele AbangabaYo;
 Apho bonke Abahlanguliweyo bazo zonke
 izigaba
 Bayakucula “Uzuko!” bengqonge iTrone
 eMhlophe.
 Ngamanye amaxesha ndikhumbula ekhaya
 eZulwini, (xa sekudlule konke oku),
 Nobuqaqawuli endiyakububona Apho:
 Iyakuba lolunjani uvuyo xa ndibona
 uMsindisi wam,
 Kweso Sixeko sihle segolide!

⁵⁶⁴ Khumbula, enkonzweni, kusihlwa nje, bayakube benikela isidlo somthendeleko. Ukuba ulapha esixekweni, usekho, uthanda ukukhe uze, singavuya ukuba kunye nawe. Sisikhumbuzo soko siyakukudla, ngolunye kwezi ntsuku, kunye naYe.

⁵⁶⁵ Ndiyanithanda. Andazi ukuba mandiyivakalise kanjani na loo nto. Ndinga ukuba niyityuwa yehlabathi. Kwaye ndiyeva ngesimilo senu phaya phandle phakathi kwehlabathi, loo nto indenze ndibe nokunithemba ngakumbi.

⁵⁶⁶ Kodwa, cinga, eli qela lincinane liyakubakho, lithandeka njengokuba sinjalo, liyakuchithwa-chithwa, ngolunye lwezi ntsuku. Siyakuphupha ngale nto. Kodwa ukuba omnye wethu uyasweleka ngaphambi kokuba sihlangane kwakhona, siyakuthi. . .

Siyakuhlangana ngaloo ntsasa, ngakwicala
 lomlambo elikhanyayo,
 Xa lonke usizi luyakukhukuliseka lumnke;
 Ndiyakube ndimi ngasesangweni, xa
 ziyakuvulwa genge iingcango,
 Ekuvalweni komhla omde wobomi,
 wokudinwa.

Siyakuhlangana ngaloo ntsasa, ngakwicala
 lomlambo elikhanyayo,
 Ndihlala. . . ? . . . ngasemlanjeni, kwaye,
 ngoxwilo,
 Ndihlaziye endandiqhelene nabo;
 (Ndiyakukubona ngoko, ndikwazi.)
 Uyakundazi ngaloo ntsasa, ngoncumo
 endinalo,
 Siyakuhlangana ngaloo ntsasa, kweso Sixeko,
 ISixeko esakhiwe macala omane
 ngokulingana.

⁵⁶⁷ Niyalithanda? “De sibuye sihlangane!” Ngoku masiphakame. *Thabatha Igama LikaYesu Uhambe Nalo*, siphe isingqi.

568 NiyaMthanda? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]
AKamangalisi? [“Amen.”] Niyakholwa ukuba yiNyaniso le?
[“Amen.”] Ingaba nisingise kwelo cala, ngobabalo lukaThixo?
[“Amen.”] De siyokufika apho:

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Njengekhaka kuwo wonke umgibe;
Kwaye xa izilingo zikungqongile,
Phefumla nje elo Gama lingcwele
ngomthandazo.

Koko kuphela omelwe kukukwenza, de sibuye sibonane
kwakhona. Kulungile.

Thabatha iGama likaYesu uhambe nalo,
Mntwana wentsizi nentlupheko;
Liyakukunika uvuyo nentuthuzelo,
Lithabathe nokuba uyaphi na.
IGama elithandekayo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elithandekayo, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

569 Ngoku, kuye kwanyanzeleka ndiwuqaka-qakathe
uMyalezo wam. Ngamini ithile, iNkosi ithandile, ndizakubuya
ndithabathe ezi “zikhewu”, ndizichole, ’yabona, apho
sinokuthi sibe nexesha elithe chatha. Kudala nikhala ngokuba
asihlali thuba lide ngokwaneleyo. Senze njalo, namhlanje.
Kushushu. Kodwa, ngoku, uThixo anisikelele. Ndiyakuthanda
oko kucula.

570 Ummelwane lo, wathi, kobunye ubusuku xa bathi basivala
esa sandisi-sandi singaphandle, wathi, “Bendiwuvuyele
kakhulu uMyalezo, kodwa kutheni ukuze niwucime laa mculo
umnandi, ’Yabona, phaya ngaphandle?” Ngoku, mmelwane,
ukuba uphulaphule ngale ntsasa, ndicinga ukuba sinabona
bamelwane bangcono bakhoyo eJeffersonville. Sizimisa
phambili kwezindlu zabo iinqwelo zethu nayo yonke enye into;
akukho nto bayithethayo ngaloo nto; siyaqhuba nje sibheke
phambi. Ngoku, siyababulela ngoku.

571 Owu, indlela Amangalisa ngayo! UThixo abe nani ngoku.

. . . Gama, Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.
De sibuye. . .

572 Masithobe intloko yethu. Umlungiseleli uzakusindulula,
kwimizuzwana nje embalwa. UThixo abe nani!

. . .sihlangane ezinyaweni zikaYesu, (kweso Sixeko
sikhulu, eTroneni),

De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
UThixo abe nani de sihlangane.



IKHAYA ELIZAYO LOMYENI WASEMAZULWINI
NO MTSHAKAZI OSEMHLABENI XHO64-0802

(The Future Home Of The Heavenly Bridegroom And The Earthly Bride)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa kusasa umhla we-2 kuAgasti, 1964, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, e-Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2013 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
P.O. BOX 178, SOMERSET WEST, 7129 CAPE PROVINCE,
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org